



URhulumente  
weNtshona Koloni



lSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni

**Ingxelo Yonyaka ka**  
2021/22



**URhulumente  
weNtshona Koloni**  
**NGOWAKHO**

UPhuhliso IoLuntu

**ISebe IoPhuhliso IoLuntu  
IPhondo leNtshona Koloni**

**IVoti 07  
INgxelo yoNyaka  
wama-2021/2022**

## Ukuzihlangula

- Inguqulelo yesiNgesi yale Ngxelo yoNyaka ithathwa njengombhalo osemthethweni. linguqulelo zesiBhulu nesiXhosa zolu papasho ziya fumaneka xa uzelile.
- ISebe alinakubekwa butyala ngako nakuphi na ukutolikwa ngendlela engeyiyo okunokuthi kwenzeke ngexesha lenqubo yoguqulelo.
- Ukuba kukho nakuphi na ukuguqulelwa ngendlela engeyiyo okunokuthi kwenzeke lokuguqulelwa kolu xwebhu, inguqulelo yesiNgesi njengolwimi lwentsusa iya kuphumelela.
- Le Ngxelo yoNyaka yaqulunqwa liCandelo loMlawuli oyiNtloko loCwangciso loShishino nesiCwangciso, kwiSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni.

## Okuqulathiweyo

<b>ICandelo A: ULwazi Jikelele.....</b>	<b>5</b>
1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe .....	5
2. Izishunqulelo nezifinyezo .....	6
3. Imbulambethe yoMphathiswa .....	8
4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo.....	10
5. INgxelo yoXanduva kunye neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka .....	24
6. Uvavanyo lweqhinga.....	25
Umbono.....	25
Umnqophiso.....	25
linqobo ezisesikweni .....	25
7. IziGunyaziso zoWiso-mthetho neZinye .....	26
IziGunyaziso zoMgaqo-siseko .....	26
IziGuyaziso zoMthetho .....	26
Imisebenzi engundoqo yeSebe .....	30
IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo .....	30
Izigwebo zeNkundla ezifanelekileyo .....	35
8. Ubume bombutho .....	37
9. Amaqumrhu aNika iNgxelo kuMphathiswa/ MEC .....	37
<b>ICandelo B: INgcaciso yokuSebenza.....</b>	<b>38</b>
1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: liNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili .....	38
2. Uvavanyo lokuSebenza kweSebe.....	38
2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo .....	38
2.2 IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo .....	41
2.3 Ubume beSebe .....	41
2.4 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ophambili neenguqu zomthetho .....	43
3. Isifezekiso seeMpembelelo zeZiko kunye neZiphumo .....	43
4. INgcaciso yokuSebenza kweNkqubo yeZiko.....	47
4.1 INkqubo 1: ULawulo .....	47
4.2 INkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu .....	52
4.3 INkqubo 3: Abantwana neeNtsapho .....	61
4.4 INkqubo 4: linkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo sangaPhambili.....	71
4.5 Inkubo 5: UPhuhliso noPhando .....	83
5. liNtlawulo ezikhutshelwego.....	94
5.1 lintlawulo ezikhutshelwelwe kumaqumrhu karhulumente.....	94
5.2 lintlawulo ezikhutshelwelwe kuyo yonke imibutho kunye namanye amaqumrhu ngaphandle kwakarhulumente .....	94
6. IMinikelo enaMiqathango .....	94
6.1 Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiwego ezhlawulwego ....	94
6.2 Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiwego ezifunyenwego....	94
7. liNgxowa-mali zoMnikelo.....	97
8. UTyal-mali lweNkunzi .....	97
8.1 UTyal-mali lweNkunzi, ukulungiswa nesicwangciso solawulo lwe-asethi .....	97
<b>ICandelo C: ULawulo .....</b>	<b>102</b>
<b>ICandelo D: ULawulo lweMicimbi yaBasebenzi .....</b>	<b>119</b>

1.	Intshayelelo .....	119
2.	INqanaba loLawulo lwaBantu kwiSebe .....	119
2.1	OkuPhambili kuCwangciso lwaBasebenzi bePhondo.....	119
2.2	ULawulo lokuSebenza koMqeshwa .....	120
2.3	IMpilo-ntle yoMqeshwa .....	120
2.4	UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu.....	120
3.	INkcukacha zamanani zokoGamela uLawulo lwaBantu .....	121
3.1	Inkcitho echaPhazela abasebenzi .....	121
3.2	Ingqesho neziThuba zengqesho.....	126
3.3	Uvavanyo lweziKhundla .....	128
3.4	linguqu kwiNgqesho .....	130
3.5	Umakulinganwe kwezeNgqesho.....	137
3.6	Ukutikitywa kweziVumelwano zeNtsebenzo ngaMalungu eSMS .....	144
3.7	UkuZaliswa kweziKhundla zeSMS.....	145
3.8	Intsebenzo yaBasebenzi .....	147
3.9	Abasebenzi abaphuma kuManye amazwe.....	151
3.10	UkuseTyenziswa kwekhefu kwixesha elisusela 1 kweyoMqungu ka2021 ukuya kowama-31 kweyoMnga 2021 .....	152
3.11	linkqubo zokuPhakanyiswa kweMpilo, kuquka intsholongwane eyandulela uGawulayo unye noGawulayo .....	156
3.12	Imiba yaBasebenzi .....	160
3.13	Uphuhliso lwezakhono .....	163
3.14	Ukonzakala emsebenzini .....	165
3.15.	UkuseTyenziswa kweeNgcali zangaphandle .....	166
<b>Isigaba E:</b>	<b>linkcukacha ezingeMali.....</b>	<b>168</b>

1.	Ingxelo yoMphicothi-Jikelele .....	168
2.	lingxelo Zonyaka Zemali .....	168

Isihlomelo A: lintlawulo eziya kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu oluntu .....

Isihlomelo B: linkcukacha zoQhakamshelwano .....

## ICandelo A: ULwazi Jikelele

### 1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe

ISebe leNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu

Idilesi yendawo: 14 Queen Victoria Street  
Cape Town 8001

Idilesi yeposi: Private Bag X9112  
Cape Town 8000

Nceda uthumele imibuzo emalunga nolu xwebhu kule:

Imeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

Imfono-mfono: (27)21-483 5121

Inombolo 0800 220 250  
engahlawulwlwayo:

IWebhusayiti: <http://www.westerncape.gov.za>

**PR** 160/2022

**ISBN:** 978-0-621-50399-9

**Isihloko soPapasho:** INgxelo yoNyaka yeSebe leNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu (IVoti 07)  
yowama-2021/2022

## 2. Izishunqulelo nezifinyezo

Isishunqulelo	Ukwandiswa
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
AO	IGosa eliNika iNgxelo
AOS	INkqubo yamaGosa aNika iNgxelo
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
ASC	ULolongo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo
BAS	INkqubo yeSiseko yoBalo-mali
BEE	UkuXhotyiswa lwaBantu aBamnyama kuQoqosho
B-BBEE	UXhotyiso oluBanzi lwabaMnyama kwezoQoqosho
BCP	IsiCwangciso sokuQhubekeka koShishino
CoE	IMbuyekezo yaBasebenzi
CNDC	IZiko leSondlo loLuntu noPhuhliso
CSC	IZiko leNkonzo yeQumrhu
CYCC	IZiko loLolongo loMntwana noLutsha
CYCW	UMsebenzi woLolongo loMntwana noLutsha
DoH&W	ISebe leMpilo neMpilo-ntle
DotP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente kanye noLawulo
DSD	ISebe loPhuhliso loLuntu
DTPW	ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente
ECD	UPhuhliso loBuntwana kwaNgetuba
ECM	ULawulo lwe-Elektroniki lokuQulathiweyo
EHW	IMpilo neMpilo-ntle yoMsebenzi
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
ERMCO	IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini
FASD	Uphazamiseko olubangelwa kukuSelwa koTywala ngetuba umntu ekhulelw
GBV	UBundlobongela obusekwe kwisini
GMT	IZhithuthi zikaRhulumente
HCT	INgcebiso nge-HIV nokuhlolwa
ICB	ULwakhiwo lweSakhono seZiko
IT	ITheknoloji yeNgcaciso
IYM	Ukubekwa kweliso enyakeni
LOGIS	INkqubo yeNgcaciso yeMpahla
MEC	ILungu leBhunga leSigqeba

<b>Isishunqulelo</b>	<b>Ukwandiswa</b>
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi
NDSD	ISebe leSizwe loPhuhliso loLuntu
NEET	Ongekho Ngqeshweni, iMfundo, kunye okanye uQeqesho
NPO	UMbutho oNgenzi Nzuzo
PEI	UTHintelo noNgenelelo lwaNgethuba
PAIA	UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso
POPIA	UMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu
PERSAL	IMivuzo yaBasebenzi
PT	ICandelo loLawulo-mali lePhondo
RWOPS	UMsebenzi oneNtlawulo ongaPhandle kweNkonzo kaRhulumente
SAPS	INkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SASSA	I-Arhente yoKhuseleko loLuntu yoMzantsi Afrika
SCM	ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo
SCOPA	IKomiti eSigxina enee-Akhawunti zikaRhulumente
SDIP	IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweNkonzo
SMS	INkonzo yaBalawuli abaPhezulu
SOP	INkqubo wokuSebenza okuseMgangathweni
SUD	Uphazamiseko olubangelwa kukusetyenziswa kweziyobisi
TPA	ISivumelwano seNtlawulo eKhutshelweyo
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni

### 3. Imbulambethe yoMphathiswa

Nksk. S.G. Fernandez

UMphathiswa wePhondo: uPhuhliso loLuntu



INgxelo yoNyaka wama-2021/22 yeSebe leNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu (DSD) yandlala ubungqina kukuzibophelela kwayo ekunikezeleni ngoluhlu lweenkonzo kwabona bemi bePhondo basesichengeni.

Nangona kukho imingeni enxulumene nobhubhane we-COVID-19, sihlala sijolise ngqo kokuphambili kwethu kweqhinga okuthi kubandakanye ukhuseleko lwabantwana; ukomelezwa kweentsapho, kanye nabantu abakhubazekileyo; kanye noluntu olubandakanya iiLesbian, Gay, Bisexual, Transgender, Queer, Intersex, Asexual+ (LGBTQIA+); ukuxhasa abantu kanye neentsapho abanempambuko yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, nokulungiswa koBundlobongela obusekwe kwiSini.

Imiphumela yeSebe yesithuba esiphantsi kovavanyo, ikhokhelwe sisiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni yaye ijolise ekulungiseni ingxaki yeentsapho ezipemngciphekweni kanye nabantu abafuna iinkonzo zentlalo-ntle yoluntu kanye nenkxaso kwabasetyhini nakubantwana abathe bangamaxhoba obundlobongela obuphakathi kwabantu, ingakumbi uBundlobongela obusekwe kwiSini.

NjengoMphathiswa okhokhelayo kuBundlobongela obusekwe kweSini kwiPhondo, iSebe lanikwa uxanduva wokulungelelanisa uphuhliso lweiCwangciso soMiliselo soRhulumente weNtshona Koloni kulungiselelwisa isiCwangciso seSizwe seQhinga esingoBundlobongela obusekwe kwiSini kanye nokubulawa. Siseke iForam eNqamlezileyo yoBundlobongela obusekwe kwiSini yoRhulumente weNtshona Koloni ehlangana rhoqo ngenyanga yaye inikele kwisiCwangciso soMiliselo soBundlobongela obuSekwe kwiSini soRhulumente weNtshona Koloni esamkelwa yiKhabhinethi ngomhla woku-1 kweyoMsintsi 2021.

Sibe liPhondo lokuqala nekukuphela kwalo kwilizwe ukupukumbela ukuhlaziwa kwazo zonke iipropati ezintandathu ezikhutshelwe liSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente kanye neZinbonelelo ekufuneka zisetyenziswe ngokuthe ngqo njengeendawo zokhuseleko zbasetyhini nabantwana kwimimandla yasemaphandleni.

Siyaqhubeka sibeka phambili iinkonzo ezelungiselelwae abemi bethu abakhulileyo. Ngokuthambekele kwimbonakalo yomngcipheko ophezulu waBantu aBakhulileyo, iSebe linikezele ngenkxaso eyangezelelweyo kumaziko okuhlala ukuthintela nokulawula iCOVID-19.

Ukunqongophala kothutho olufikelelekayo kuthatyathwa njengesithintelo esingundoqo kwimfundu yabantwana abakhubazekileyo abasele bengenakho kakade ukuba baye esikolweni ingakumbi kubantwana abahlala kwimimandla yasemaphandleni. Ngako oko, iSebe linikezele izithuthi ezibini ezelungiswe ngokukodwa kulungiselelwisa ukuthuthwa kwabantwana abakhubazekileyo. Ezi zithuthi zathengwa yiGovernment Motor Transport njenge-arthente yezithuthi ezisesikweni yamaSebe ePhondo, ngentsebenziswano kanye neSebe loPhuhliso loLuntu. Izithuthi ezibini ezingaphezulu zanikezelwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/2023.

Siyabuvuma ubunzima obuthi buviwe ngabantu abaninzi kanye neentsapho ngenxa yophazamiseko olubangelwa kukusetyenziswa kweziyobisi. Injongo yeSebe, ngokusetyenziswa kweForam yokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi yePhondo (WCSAF), iiKomiti zeNgingqi zokuSebenza zeZiyobisi (iiLDAC) kanye neNkqubo yokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi, liza

kuyila ze limilisele iinkonzo ezhlangeneyo ezithi zincede kwisiCwangciso seSizwe soBugcisa seZiyobisi sowama-2019-2024.

Ngokubhekiselele kwisidingo esikhulayo soncedo lwentlalo, iSebe labele izibonelelo eziJolise kuncedo lokuzondelela amalungelo abantu ukunceda ukudambisa olunye loxinzelelo olujamelene noninzi lwabantu bethu abakumakhaya ahluphekileyo ngenxa yokulahlekwa kwengeniso okubangelwe kukulahlekwa kwemisebenzi.

Ikhono leSebe lokunikezela ngeenkonzo zophuhliso lwentlalo kubantu abakwiphondo lethu belinganakubakho ngaphandle kwamahlakani oMbutho oNgenzi Nzozo (NPO). I NPO ezininzi lwazinikezela yaye zenza inguqulelo engaphezulu kunangaphambili ekuqhubeleni phambili ubume bentlalo noboqoqosho obunomngeni, obuthe babangela ukwanda kwibango leenkonzo zentlalo nokudanjisa kwendlala nokuncitishisa kokuqukuqela kwenkxaso-mali karhulumente kunye notyalo-mali lwentlo yeQumrhu evela kwicandelo langasese.

ISebi liyawamkela umsenebzzi oqhutywa ngamaqumrhu okongamela kunye namaziko, afana nomphicothi-zincwadiJikelele woMzantsi Afrika, iKomiti eSigxina ngee-Akhawunti zikaRhulumente, kunye neKomiti eSigxina yoPhuhliso lweNtlalo yePalamente yeNtshona Koloni. La maqumrhu aqinisekise okokuba sinoxanduva kubemi esibasebenzelayo yaye senza ulawulo olulgileyo nolusesikwensi.

Ndithanda ukunika ingqwalaselwa kukuzinikela okuqhubelela okuboniswe ngabasebenzi bethu kwiSebe, abakhokhelwa liqela lolawulo elinamandla namava. Aba bantu banguyenwa nobangela wekhono leSebe lokunikela ekuguqulenii impilo yabemo beNtshona Koloni.



---

UMphathiswa wePhondo woPhuhliso loLuntu

Nk. S.G. Fernandez

Umhla: 31 kweyeThupha 2022

#### 4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Gqr. Robert Macdonald

IGosa eliNika iNgxelo: UPhuhliso loLuntu



#### Uvavanyo lwemisebenzi yeSebe

Ukhuselo, impilo-ntle nesidima sabahluphekileyo, abasesichengeni kunye nabo banesidingo ezizodwa benza uluhlu olungundoqo lokuphambili kweSebe loPhuhliso loLuntu (DSD) njengoko iphondo lisakha libhekiselele kuvuselelo lokuvela kwentlekele yeCOVID-19. Isikhokhelo seqhinga seSebe sihambelana nemimandla ephambili yeMpilo-ntle neSidima noKhuselo yesiCwangciso soVuselelelo kwiCOVID-19 soRhulumente weNtshona Koloni, ethi yangezelele okunye ukusabela kubhuhane, kubandakanywa ukuqaliswa kwenqubo yogonyo IweCOVID-19, ukumiliselwa kweenqubo zovuselelo loqoqosho, nokuyilwa kwemisebenzi. Impembelelo yoqoqosho yentlekele yeCOVID-19 ibangele ukukhula okukhulu kwibango leenkonzo zophuhliso loluntu, ngokukwanjalo nokuncitthiswa okubonakalayo kohlahlo Iwabiwo-mali olufunyenwe luninzi Iwamasebe karhulumente, kunye ne-0.4 yepesenti yoncitthiso ulubhekiselele kwiDSD kunya-mali wama-2022/23, phambi kokuba kuthatyathelwe ingqalelo ukuhlal nokunyuka kwexabiso lemal. Oku kuthetha okokuba iSebe kwafuneka Iwenze utshintshiselwano olunzima kakhulu ukulungiselela ukugcina, yaye nalapho kuyimfuneko, ukwandisa okubaluleke kakhulu olufunekayo kwimimandla ebalulekileyo yonikezelo Iwenkonzo kabantu beNtshona Koloni.

Ukukhula okucothayo koqoqosho kuluthintele uvuselele Iwamakhaya kubhubhane. Intswelangqesho iqbhubekile ikhula, nto leyo enze samandundu isimo sokunqongophala kokutya kwiphondo. Ngesithuba sonyaka ophansi kovavanyo, iSebe liqinisekise ngokuba ukutya okuphekiwego kunye neepasile zokutya zifikelela kwabanye abantu abangama-270 802. Oku kubandakanya ukutya okuphekiwego okukumakhitshi oluntu axhaswa liSebe ngokunikezelwa kweevawutsha zokutya kunye nokutya okomileyo, kunye neepasile zokutya, ezifikelela kubaxhamli abafanelekileyo abangama-96 500. linzame ezingaphezulu zokunceda amakhaya asesichengeni ngesi sithuba siphantsi kovavanyo zibandakanya isibonelelo samathuba omsebenzi wethutyana kubathathi-nxaxheba abangaphezulu kwama-2000 kwiNkqubo eYandisiwego yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP). Ukomeleza uLuhlu loMsebenzi woNcedo wokuZondelelwa kwamalungelo abantu okhokhelwa yiDSD nokusabela kwesebe, amathuba oqequesho nolwakhiwo Iwamakhono kwabanjwa kunye namagosa esebe ngeNkqubo yoMgangatho oSebenzayo (SOP) kulungiselelwa uNcedo loLuntu ukunceda ulawulo olusebenza ngakumbi nokuthunyelwa kwezechlo zentlekele.

Ukwanda kuBundlobongela obusekwe kwiSini (GBV) kunikwe ingqwalasela ukususela ekuqaleni kobhubhane. UKusabela, yaye okukhokhelwa sisiCwangciso seSizwe seQhinga esingoBundlobongela obusekwe kwiSini nokuBulawa (2020), isiCwangciso soMiliselo Iwe-GBV soRhulumente weNtshona Koloni (WCG) saqukunjelwa ngonyaka-mali wama-2021/22. Esi sicwangciso simele iinzame ezlungelelanisiwego zeWCG zokulgungisa i-GBV ngokusetyenziswa kweenqubo zothintelo kunye namangenelo enkxaso kunye neenkonzo. Phakathi kwiSebe ngokwalo, iinkonzo ezikhoyo kumaxhoba olwaphulo-mthetho, nobundlobongela zandiswa ngolwangezelelo leendawo zokhuseleko ezisebenza ngokupheleleyo ezintandathu ze-GBV ezivulwe ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22. Eli linge landise ukusasazeka nokufumaneka kweenkonzo zengqondo nentlalo kulungiselelwa amaxhoba okuthengiselwa kwabantu isondo, ubundlobongela basekhaya nobesondo, ngokunjalo neendawo ezikhuselekileyo ezlungiselelwe abasetyhini kwimimandla yasemaphandleni. Inani elipheleleyo, zindawo

zokhuseleko ezixhaswa ngemali ezingama-26 ezisebenzayo ngoku kulo lonke iphondo, zinikezela ngeenkonzo kwabasetyhini kanye nabantwana abaxhatshazwayo.

ISebe lisazibophelele kwisigunyaziso salo esisemthethweni ukuqinisekisa ngokhuseleko nololongo lwanantwana abasesichengeni. Ngokusetyenziswa kweenkonzo ezisekwe kuluntu zamangenelo angethuba okhuseleko lololongo lwabantwana nolutsha, ezifana nenqubo yeRisiha, abantwana abangama-8 834 banikezelwa ilungelo lofikelelo kwinkxaso yophuhliso. Ezi nkonzon zenkxaso zinikezelwa ngaBasebenzi abaqequeshiweyo boLolongo IwaBantwana noLutsha (iiCYCW) abahlala nabasebenza kuluntu apho umntswana ahlala khona. Ngesi sithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, isambuku sezechlo zololongo lokondla esingama-35 616 safakwa kwinkqubo esekwe kwiwebhu yoLawulo loLolongo loKondla. Ukufakwa kwazo zonke izehlo zokondla eziseleyo kuqikelelwa okokuba ziya kuququnjelwa kwikota yokuqala yowama-2022/23. Ngaphezulu, iinkqubo eziHlanganisiweyo zoLolongo loKondla zinikezele ngeenkqubo zethutyana zololongo nenkxaso kubantwana abangaphezulu kubudala beminyaka eli-18 abayishiya inkqubo benzakhono eziyimfuneko zokuphila ngokuzimela. Ngaphezulu, iinkonzo zokhuseleko lwabantwana lweeyure ezingama-24 zandiswa ngokwandisa kwenani lezithuba zonontlalo-ntle ukuqinisekisa ngokuba iinkonzo ziya fikeleka kwimimandla enesidingo esikhulu.

ISebe liqhubile ngokuxhasa icandelo loPhuhliso loBuntwana IwaNgethuba (ECD) ngeli thuba lisebenzela kunya wonke ophantsi kovavanyo ngokubhekiselele kuguqulelo olupheleleyo lomsebenzi ukususela ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022 uye kwiSebe leMfundu leNtshona Koloni (WCED). ULolongo IwaseMva kokuPhuma kweSikolo (ASC), ngoko, lusala luluxanduva IweDSD yaye lushiye ka kwiSebe.

Ukuzinza kweyuniti yosapho kudlala indima ebalulekileyo kwimpilo-ntle yomntswana nophuhliso. ISebe lisebenzile ngoko ukunikezela ngeenkqubo eziHlangeneyo zokomelezwa kosapho nokuhlanganisa kwakhona eziJolise ikakhulu ekwakheni iintsapho ezomeleleyo, nangona kukho imingeni kwangethuba enyakeni yokufikelela kusapho nomsebenzi weqela ngamathuba okuvalwa ngci kwayo yonke into. Ezi nkqubo zibandakanya inkxaso kubantu abadala abangenawo amakhaya, okubangele ukwanda kwenani leendawo zokulala kwiindawo zokhuseleko ezilungiselelw abantu abadala ezande zisuka kuma-2 031 ngowama-2020/21 ukuya kwezingama-2 208 ekupheleni konyaka-mali wama-2021/22. Ukuza kuthi ga ngoku, iindawo zokhuseleko ezingama-37 ezilungiselelw abantu abadala abangenawo amakhaya zixhaswa ngemali kulo lonke iphondo.

Njengoko kulawulwa nguMthetho woBulungisa baBantwana (2008) kanye noMthetho weeNkonzo zoLingo (1991), uthintelo lolwaphulo-mthetho loluntu, iinkonzo zeyantlukwano nezolingo zikho kubantwana nakubantu abadala abangqubana nomthetho. ISebe liqinise iinkonzo zeyantlukwano kwiphondo ngokuququzelela uqequesho Iwamagosa olingo angama-26 kwimimandla yemonakalo yomntu, imfundu yesondo, ubundlobongela bomntu, iindlela yokumelana neengxaki kanye nezakhono zobomi. Ngaphezulu, iinkqubo ezisekwe esikolweni zothintelo lolwaphulo-mthetho zabekwa phambili kulungiselelw abafundi abavela kwimimandla e-Oudtshoorn, eStellenbosch, eWellington, ePaarl, eCeres, eBredasdorp, eRiviersonderend, eGugulethu, eKhayelitsha, eSeawinds, eOcean View, eNew Crossroads, e-Elsies River, eDelft, eBishop Lavis, e-Eerste River, eMfuleni naseKraaifontein.

Amaziko ololongo okuhlala eSebe aqinisekisa ngonikezelo lololongo olufanelekileyo kanye nenkxaso kubantwana, kubandakanya abantwana abanophazamiseko Iwendlela yokuziphatha embi ephazamisa kakhulu, ngokusetyenziswa kwenqubo enika ingqwalasela kwimiba emininzi neenkonzo ezizodwa. Ukunceda kwisigwebo seNkundla ePhakamileyo yaseNorth Gauteng, amaSebe eNtshona Koloni oPhuhliso loLuntu, eleMpilo neMpilo-ntle, kanye neleMfundu liseke iqela lomsebenzi eliqulunqwe ngamacandelo awahlukaneyo elikhokhelwa leli ISeba ukulungisa nokunikezela kubantwana abakhubazeke ngengqondo ufikelelo olufanelekileyo kwimfundu.

Ukukhuthazwa kwempilo-ntle namalungelo aBantu abaKhubezekileyo kuyaqhubeke kuxhaswa kunya ophantsi kovavanyo. Ukuhlangana okwenziwa rhoqo kanye namathuba oqequesho abanjwa kanye necandelo ze kwaxhaswa ngemali yiMibutho eNgenzi Nzuzo (iiNPO) ukwandisa ulolongo Iwamagcisa nenkxaso kubantu aBakhubazeke namacandelo enkxaso yobuzali kwiphondo. Ngaphezulu, izithuthi ezibini ezilungelalaniswe nokukodwa ezikhwelisa abantu abali-16 kulungiselelw ukuthuthwa kwabantwana abakhubazeke ngengqondo

zanikezelwa kwiNomaxabiso Day Care Centre kunye neBeaufort West Association for the Physically Disabled, ngokwahlukahlukeneyo, ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22. Isithuthi sesithathu sanikezelwa kwiVrolike Vinkies ngekaTshazimpuzi 2022 ze esesine isithuthi siya kuniKEZELWA kUNYAKA-MALI WAMA-2022/23.

Amalungelo, ukuhuselo nempilo-ntle yaBantu aBakhulileyo axhaswa ngokubonelelwa ngeenkonzo zenkxaso ezisekwe kuluntu. Ezi nkondo ziajinisekisa ngokuba aBantu aBakhulileyo abagulayo bafumana ulolongo olufanelekileyo kunye nenkxaso, olufana nololongo lomntu, ulongamelo lamayeza onyango, iinkonzo zokuhlanjwa kwempahla kunye nezokucoca nokuniKEZELWA kWESIBONELELO sezidlo semihla ngemihla, ngabalolongi abaqequelwe ukulolonga abantu ekhaya kunye namalungu oluntu.

Iinkonzo zabantu abane e-SUD, ezigrogrisa impilo, ukuhuselo, nempilo-ntle yoluntu kwiphondo, zizinzisiwe ikakhulu apha enyakeni, nangona amanani aphantsi abaxhamli abafuna uncedo olulodwa ngethuba leliza lesithathu leCOVID-19. ISebe izamele ukuphucula ufilelelo ngokwandisa iinkonzo zalo zonyango ezisekwe kuluntu kwimimandla esemaphandleni yaseBeaufort West, eSitbaai, eCeres naseVilliersdorp. Ngaphezulu, amangenelo asekwe esikolweni abeka phambili iinkqubo zongenelo kwanethuba ezikolweni eMcGregor yaye ummandla waseLangeberg wafikelela kubafundi abali-1 091.

Uluhlu Iweenqubo zophuhliso lolutsha kunye neenkonzo ezikhuthaza iindlela zokuphila ezilungileyo nezisempilweni zaniKEZELWA kulutsha olusesichengeni kakhulu kwiphondo. Ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22 ulutsha olungama-12 615 Iwafumana iinkqubo zophuhliso Iwamakhono kwimibutho esekwe kuluntu kunye neekhefi zoLutsha kulo lonke iphondo. Ukundululwa kweRiversdale Youth Café ngonyaka-mali wama-2021/22 kunceda ulutsha oluphuma kule ngingqi yoluntu ukuba ziphuhlise izakhono ezibalulekileyo kufundo Iwedijithali, kushishino, kubunkokheli, kunye nezakhono zokuphila. Imibutho yamahlakani iqhubile ukubeka iinkqubo embindini ejolise kulutsha olukhubazekileyo kwiphondo. La malinge abandakanya uqequesho kunye nolwakhiwo Iwamakhono Iwemibutho exhaswa ngemali okokuba inikezele ngeenkonzo kulutsha abazithulu, ekuthe ngalo ulutsha olungama-207 Iwafumana uqequesho oluqinisekisiweyo kulwimi Iweminwe. Ngokusetyenziswa kweSanitary Dignity Project, Ngaphezulu kwama-999 000 eepakethi zezishubelo xa usexesheni zaniKEZELWA kwizikolo ezingama-223 kulo lonke iphondo ukugcina isidima, impilo-ntle kunye nempilo yamantombazana nabasetyhini ezikolweni.

Ukuzinzwisa kweeNPO, amahlakani angundoqo eSebe, kuqhumble ukufumana ingqwalaselja njengoko uninzo IweeNPO Iujamelene nokuphela kwemithombo yengeniso. Amangenelo ajolise ekwandise iinkqubo zolawulo nokusebenza kulungiselelwa uzinziso oluphuculweyo abandakanya, amathuba oqequesho angama-37 aququzelwa ziinkokheli zeeNPO ezingama-887 eziphuma kwiiNPO ezingama-584. Ngaphezulu, amathuba amane oqequesho loziniso aqhutywa, abandakanya iziseko zephulo le-#KnowYourNPOstatus ajolise kuhambelwano neNPO ngokunjalo noziniso olupheleleyo lombutho.

**Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zeSebe****Ezamkelweyo zeSebe****ITheyibhile A: Ezamkelweyo zeSebe**

Ezamkelweyo zeSebe	2021/22			2020/21		
	Uqikelelo	Imali Eyiyo Eqokelelweyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho	Qikelela	Imali Eyiyo Eqokelelweyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ezamkelweyo zerhafu	-	-	-	-	-	-
lirhafu zekhasino	-	-	-	-	-	-
lirhafu zomdyarho wamahashe	-	-	-	-	-	-
Amaphepha- mvume otywala	-	-	-	-	-	-
Amaphepha- mvume ezithuthi	-	-	-	-	-	-
Ukuthengiswa kwempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee- asethi ezinkulu	813	814	-1	848	779	69
Ukhutshelo olwamkelweyo	-	-	-	-	-	-
Izohlwayo, iirhafu neelahleko	-	-	-	-	-	-
Inzala, izahlulo kunye nerente kumhlaba	27	27	-	40	213	(173)
Ukuthengiswa kwee- asethi eziyinkunzi	-	-	-	-	-	-
Intengiselwano zemali kwii- asethi kunye namatyala	352	1 124	(772)	304	1 116	(812)
<b>Zisonke</b>	<b>1 192</b>	<b>1 965</b>	<b>(773)</b>	<b>1 192</b>	<b>2 108</b>	<b>(916)</b>

## Ezamkelwego zeSebe

Ingeniso eyenziwe liSebe ifikelela kwi-0.06 yepesenti yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo. Imithombo engundoqo yengeniso yeSebe yile:

- Ukuqokelwa kwamatyala abanjwa kwiSebe;
- Ikhomishini kwi-inshorensi kune nomyalelo wokuxhuzulwa kumvuzo womntu;
- Imlirhumo yokupaka neyendawo zokuhlala ezisesikweni ngokuhambelana nomgaqonkqubo weSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW), kune
- Nokufunyanwa kweengxowa-mali zentlawulo ezikhutshelwego ezingachithwanga zeminyaka-mali yemali engaphambili

Ukuqokelelwu okungaphezulu kwengeniso kunyaka-mali wama-2021/22 ngamawaka angama-R773 yaye kubangelwe ikakhulu kukwanda kukuhlawulwa kwamatyala.

Ukuqokelelwu okungaphantsi kwintengiso yempahla nenkonzo, ngaphandle kwee-asethi zenkunzi, kubangelwe kukumiliselwa kwe-Voice Over Internet Protocol. Oku kunciphisa iindleko zokutsalelwu kweemfono-mfono zangasese, okube nomphumela wokuqokelelwu okungaphantsi. Uqikelelo luya kuvavanywa ngokutsha kulungiselelwu unyaka-mali omtsha.

## Inkcitho yeNkqubo

### ITheyibhile B: INkcitho yeNkqubo

IGama leNkqubo	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwo- mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho	Ulwabiwo- mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo	241 891	241 891	-	229 692	228 727	965
liNkonzo zeNtlalontle yoLuntu	1 058 331	1 050 492	7 839	996 669	992 149	4 520
Abantwana kune neeNtsapho	866 207	853 658	12 549	864 239	856 233	8 006
liNkonzo zokuBuyiselwa	466 393	466 393	-	440 417	440 417	-
UPhuhliso noPhando	93 209	93 209	-	161 217	161 217	-
<b>Zizonke</b>	<b>2 726 031</b>	<b>2 705 643</b>	<b>20 388</b>	<b>2 692 234</b>	<b>2 678 743</b>	<b>13 491</b>

## **INkqubo 1:**

Inkqubo ichithe umyinge we-100 leepesenti Iwesabelo sayo sohlahlo Iwabiwo-mali ozizigidi ezingama-R241.891 konyaka-mali wama-2021/22.

## **INkqubo 2:**

Inkqubo ichithe umyinge wama-99.3 eepesenti esabelo sayo sohlahlo Iwabiswo-mali esisigidi sezigidi esi-R1.058 konyaka-mali wama-2021/22. lingxowa-mali ezingachithwangwa ezizigidi ezisi-R7.839 zinxulumene neMpahla neeNkonzo ngokunjalo nee-Asethi eziNkulu. Inkcitho engaphantsi kwiMpahla neeNkonzo iphathelelene kultyaziso ekuzisweni kwestokhwe seSanitary Dignity Project, ngenxa yempembelelo yokucinywa kombane kuphungulwa ubunzima bokusetyenziswa kombane nokungabikho kweepakethi. Ngomhla wama-31 kwegoKwindla 2022 iSebe livumele ukwandiswa kwexesha ngeentsuku ezingama-60, eliphela ngomhla wama-31 kuCanzibe 2022, kulungiselelwa ukuthunyelwa kwesixa ebisingathunyelwanga seSanitary Dignity Project. Inkcitho engaphantsi kwii-Asethi eziNkulu yabangelwa kultyaziso ekuthunyelweni kwezithuthi ezipodwa, eziphathelele kwisigunyaziso somthetho esiphume kumyalelo weNkundla ePhakamileyo kulungiselelwa abantwana abakhubazeke kakhulu ngengqondo.

## **INkqubo 3:**

INkqubo ichithe ama-98.6 eepesenti esabelo salo sohlahlo Iwabiwo-mali esizigidi ezingama-R866.207 sonyaka-mali wama-2021/22. lingxowa-mali ezingachithwanga ezsigidi ezili-R12.549 enxulumene nenkcitho engaphantsi kweziKhutshelweyo neNkxaso-mali elungiselelwe i-ECD kune noLolongo olungaPhelelanga ngenxa yokuphelelwa lixesha kwezatifikethi zobhaliso nokungabikho kwamaziko amatsha e-ECD enza izicelo zenkxaso-mali.

## **INkqubo 4:**

Inkqubo ichithe i-100 leepesenti lezigidi Iwezabelo zohlahlo Iwabiwo-mali Iwama-R466.393 lonyaka-mali wama-2021/22.

## **INkqubo 5:**

Inkqubo ichithe i-100 leepesenti lezigidi Iwezabelo zohlahlo Iwabiwo-mali Iwama-R93.209 lonyaka-mali wama-2021/22.

## IViramenti

### ITheyibhile C: Inikezela ngeenkukacha zeViramenti ezenziweyo kunyaka ophantsi kovavanyo

ICandelo eliPhambili esuka kulo	Iya	R'000	Isizathu
Inkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo loQumrhu	Inkqutyana 4.2: UThintelo loLwaphulo-the tho neNkxaso	1 154	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	284	
Inkqutyana 1.3: ULawulo IweSithili	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	273	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
Inkqutyana 2.1: ULawulo neNkxaso	Inkqutyana 1.3: ULawulo IweSithili	3 869	Ukuthengwa kweelaptop ezangezelelwego kubye needesktop ngokuhambelana nezikhokhelo ezihlaziywego ze-IT.
	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	1 547	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
Inkqutyana 2.2: liNkonzo ezinikezelwa kuBantu abaLupheleyo	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	1 154	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
Inkqutyana 2.3: liNkonzo eziya kuBantu aBakhubazekileyo	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	372	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
Inkqutyana 3.4: I-ECD kune noLolongo olungaPhelelanga	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	2 001	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.
	Inkqutyana 1.3: ULawulo IweSithili	838	Ukuthengwa kweelaptop ezangezelelwego kubye needesktop ngokuhambelana nezikhokhelo ezihlaziywego ze-IT.
	Inkqutyana 4.2: UThintelo loLwaphulo-the tho neNkxaso	896	Ukuthengwa kweelaptop ezangezelelwego kubye needesktop ngokuhambelana nezikhokhelo ezihlaziywego ze-IT.
Inkqutyana 5.4: UkuDanjiswa kweNdala nokuZiniswa neMpiliso	Inkqutyana 4.4: Usetyenziso gwenxa IweZiyobisi, UThintelo nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	224	UkuZalisa kweZithuba eziphambili.

## Ukuqengqelwa

### ITheyibhile D: ukunikezelwa kweenkcukacha ngoqengqelo oluceliwego ukususela kowama-2021/22 ukuya kowama-2022/23

INkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo yoLuntu	6 290	Isibophelelo esisemthethweni esivela kumyalelo wenkundla malunga nabantwana abakhubazeke ngokunzulu ngokwasengqondweni. Ukulungiswa kwezithuthi ezikhethekileyo kubantwana abakhubazeke kakhlulu ngokwasengqondweni akuzange kugqitywe nto leyo ebangele ukilibaziseka kokunikezelwa kwezithuthi.
Inkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo yoLuntu	1 549	Inkcitho engaphantsi ngowama-2021/22 yabangelwa yinto yokuba umnikezeli wenkonzo wazisa iSebe ngomhla wesi-09 kweyoKwindla wama-2022, okokuba ukuthunyelwa ebekucwangciselwe eyoKwindla 2022 akubanga nakuggityezelwa ngenxa yempembelelo yokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wokusetyenziswa nokungabikho kweepakethe. Ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama- 2022, iSebe livumele ukwandiswa kwexesha kweentsuku ezingama-60, eliphela ngomhla wama-31 kuCanzibe 2022 kulungiselelwa ukuthunyelwa kwestokhwe esingathunyelwanga.
Inkqubo 4: liNkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	2 206	ISebe linesigunyaziso sokumilisela uMthetho wokuThintelwa nokuNyangwa kokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi, uMthetho 70 wama-2008. ICandelo 17(1). ISebe livumele ukwandiswa kwexesha lokungeniswa ukugcina isigunyaziso salo sokuxhasa ngemali zonke iiNPO ezihambelanayo nomthetho ngowama-2021/22 yaye liya kuba nentsilelo ngoko kuhlahlo lwabiwo-mali.

## Ukugcinwa kwengeniso

### ITheyibhile E: ukunikezelwa kweenkcukacha ngengeniso egciniwego ukususela ukususela ngowama-2021/22 ukuya kowama-2022/23

INkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo yoLuntu	189	Intlawulo eziya kwi-Community Action Partnership Disability; Epilepsy SA South Cape Karoo kune neFish Hoek Kommetjie Noordhoek Welfare Organisation kune ne Sinethemba Special Care Centre. Inkcitho engaphantsi ngowama-2021/22 yabangelwa kukungahlawulwa ngokupheleleyo kwale mibutho ichazwe apha ngasentla. ISebe lingene kwiZivumelwano zeNtlawulo eKhutshelwego (iTTPA) kune nezi NPO yaye linyanzelekile okokuba lizihlawule.
Inkqubo 3: Abantwana neeNtsapho	583	ISebe lixhasa ngemali i-Early Childhood Social Service Organisations (SSOs) okokuba inikezele nge-ASC. ISebe livumele ukwandiswa kwexesha ukulungiselela ukugcina isigunyaziso salo sokuxhasa ngemali zonke ii-ECD SSO ezihambelene nomthetho yaye ngoko liya kuba nentsilelo kuhlahlo lwabiwo-mali lwalo.

**Izizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanuzo neyilahleko kunye neemali ezibandakanyekayo kunye namanyathelo athathiweyo ukulungisa nokuthintela ukuba kuphinde kwenzeke**

INkcitho engenaZiqhamo nengenaMsebenzi	Isixa-mali	Amanyathelo athatyathiweyo	Ukuthintelwa kokuPhinda kwenzeke kwakhona
Ukusilela kokuzinyaswa kwesifundo (indawo yokuhlal)	R 773.65	Ukukhutshelwa kwezamkelweyo kulungiselela uvuselelo okuvele kwigosa.	Ulwamkelo lwestiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeNT engaLungelelananga, nengenaZiqhamo nengenaMsebenzi. Ukupuhliswa kweeSOP kwiNkcitho engaLungelelananga nengenaZiqhamo nengenaMsebenzi. Ukupuhliswa koMgago-nkqubo ongeNkcitho engaLungelelananga, engaGunnyaziswanga nengenaZiqhamo nengenaMsebenzi.

**Ekujoliswe kuko kweqhinga kwisithuba esifutshane ukuya kwesiphakathi**

Ukugcinwa kwamalungelo nokhuseleko lwabantwana kunye neentsapho kokuphambili okungundoqo kweSebe. Ukumilisela kweenkonzo zololongo nokhuseleko lomntwana lunikezela ngeenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo nonyang ezlungiselelw abantwana abanezimilo ezingezihle; iinkonzo eelizezinye zololongo, ezibandakanya ulolongo lokhuselo lwethutyana kunye nololongo zokondliwa kwabantwana; kunye neenkonzo zenkxaso zokuhlanganisa kwabantwana nabantu abadala kunye neentsapho zabo okanye noluntu abavela kulo. Ungenelo lwangethuba olusekwe kuluntu kunye neenkonzo zothintelo, ezifana noYilo lweRisiha (olwaziwa ngaphambili njengeSibindi); amaziko oziNgenelayo; kunye nenqubo yeLiso kuMntwana, lunikezela ngeenkonzo ezandisiweyo zokhuseleko lomntwana. Ezijolise kuko ezi nkqubo luthintelo, ukhuseleko kunye neenkonzo zemfungo kwiintsapho nakuluntu kulungiselela ulwazi olwandisiweyo, impilo-ntle, kunye nokhuseleko lwabantwana. Ukuqinisa ngaphezulu ukusabela kwephondo kubantwana abanesidingo sololongo nokhuseleko, iSebe liya liya kuqalisa ngovavanyo ngokutsha lweQhinga leWCG loKhuseleko loMntwana, liya kwandlala inkqubo yoLawulo loLolongo loKondliwa koMntwana nokuqhubeka ngokumilisela iinkonzo zokhuseleko lomntwana iiyure ezingama-24.

Ukukhuthazwa kokomelela kweentsapho kunye neenginqi zoluntu ezikhuselekileyo, iSebe liya kuqhubeka libeka phambili iinkonzo ezisekwe kuluntu nololongo lweendawo zokuhlala kubantwana nabantu abadala abangqazulana nomthetho. Oku kubandakanya ukwandiwa kweenqubo zothintelo lolwaphulo-mthetho ezikolweni nolusekwe kuluntu. Kwimimandla echongiweyo enobushushu lulwaphulo-mthetho yephondo. linkonzo zenkxaso zololongo lwasemva nezokuhlanganisa kwakhona ukuqhubeka inikezela ngeenkonzo zengcebiso nezenkxaso ezidingekayo zonyango nezengqondo nentlalo, ukulungiselela ukulindwa kwabantwana abalinde ukugwetywa kwetyala nabagwetyiweyo abakumaZiko oLolongo loMntwana noLutsha (iiCYCC), abazali babo, abanikezeli bololongo, kunye namalungu osapho ngokunjalo namalungu oluntu, athabathe inxaxheba kwiinkqubo zenkonzo zolingo.

IsiCwangciso soMiliselo lweGBV yeWCG sichaza indlela yeenzame ezhlanganisiweyo nezilungelelanisiweyo ngamasebe eWCG ekuthinteleni iGBV, ngokunjalo nokunikezelwa kwenkxaso kumaxhoba eGBV. ISebe liya kuqhubeka linikezela ngeenkonzo zololongo, zenkxaso, nezoxhabiso kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela, ingakumbi abasetyhini nabantwana. Ezi zibandakanya, ufilelelo kwiindawo zokhuseleko ezikhawulezileyo kwimimandla eneqondo eliphakamileyo lomngcipheko kunye neenkonzo zeendawo zokhuseleko zethuba elifutshane; iinkonzo zenkxaso yexhoba kwindawo yokungena

ebalulekileyo, efana namaZiko oLolongo eThuthuzela athe andisa ufilelelo kwinkxaso yengqondo nentlalo kwiinkonzo ezingekho kwindawo yokuhlala kulungiselelwa amaxhoba eGBV kunye nezinye iindlela ezizezinye zokuxhatshazwa nobundlobongela.

linkonzo kuBantu aBakhubazekileyo ziya kuqubeka zibekwa phambili. linkonzo ezhlangeneyo kunye nenqubo kubandakanya ukuququzelelwa kokukhuthazwa kwamalungelo nempilo-ntle yaBantu aBakhubazekileyo, iinkonzo ezisekwe kuluntu nakwiindawo zokuhlala, ucweyo lokhuselo kunye neenkonzo zololongo lorhoxiso. Ngothelelwano kunye neli cedula, inkxaso iyanikezelwa ngokunjalo ngokusetyenziswa kvezakhelo zobuzali kulungiselelwa abazali, abanikezeli bololongo, kunye nabagcini babantwana abakhubazekileyo. Ukugcina ugxininiso kunikeyelo lweenkonzo kubantu abakhubazeke kakhulu nolubanzi lwengqondo, iSebe liya kuqhubeka lisebenzisana neSebe lezeMpilo neMpilo-ntle (DoH&W) neNPO ehambelanayo noMthetho weMpilo yeNgqondo (2002).

Amangenelo ololongo ngenxaso yempilo-ntle kunye nokhuselo IwaBantu abaKhulileyo kwiphondo kwisithuba sonyaka ozayo, aya kubandakanya ingqwalasela eqhubekayo kwiinkonzo zenxaso zololongo lwezboneleo zokuhlala nezisekwe kuluntu. Ukumilisela koyilo loqheliso olunikezela ngenxaso kumaziko okuhlala eNPO anobunzima bokuhambelana nezithethe nemigangatho luya kubekelwa phambili ngokunjalo. Ngaphezulu, umiliselo oluqikelelwayo lweRejista ye-elektroniki yokuXhatshazwa kwaBantu aBakhululeyo, luya kuqinisa ngaphezulu iinkonzo kuBantu abaKhulileyo abagulayo.

Ngokunjalo, ukusabela kukunqongophala okukhulayo kokutya, ibango eliphezulu loncedo lokutya nokwanda kubantu abangenawo amakhaya, iSebe liya kuqhubuka ukumilisela iinkqubo zoncedo zeCOVID-19 ezinxulumene nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni. Oku kubandakanya isibonelelo samagumbi okulala kwindawo zokhuselo zabantu abadala abangenawo amakhaya. Ngaphezulu, amalinge oncedo lokutya aya kuqhubeka ngokunikezela ngenxaso yesondlo kumakhaya anganako ukutya ngokusetyenziswa kwamaZiko oLuntu eSondlo noPhuhliso (iiCNDC), iindawo ezichongiwego esele zikho kunye namakhitsi oluntu.

Isibonelelo seenkonzo zophuhliso olupheleleyo lolutsha ngokusetyenziswa kweeKhefi zoLutsha kunye noMbutho osekwe kuLuntu, siya kunikela kuphuhliso Iwabantu abatsha, sijolise kulutsha olungaQeshwanga, olungaFundiy, kunye okanye olungekho kuQeqesho kwiinggingqi zoluntu Iwasemaphandleni. Ezi nkono zibandakanya izakhono zemfundo yedijithali, ukuvuselelwa kwekhono loshishino kunye nophuhliso lobuchule besiseko bedijithali ukusondelelanisa iyantlukwano yedijithali. Isibonelelo samathuba omsebenzi wethutyana ngokusetyenziswa komnikelo weNkuthazo ye-EPWP siya kunikela kuhuseleko Iwentlalo Iwamaqela asesichengeni afana nabasetyhini, ulutsha, kunye naBantu aBakhubazekileyo.

Ngokusetyenziswa kweDesika yayo yoNcedo yePhondo, iSebe liya kuqhubeka ukunceda iiNPO okokuba zibhalise yaye zihambelane nemiqathango yoMthetho weNPO, ukujinisekisa ngohambelwano lweNPO nokuthobela iindlela ezilungileyo zolawulo.

## **UThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese**

Akukho ngxelo.

### **Imisebenzi eyekisiwego**

Umsebenzi we-ECD kunye nemisebenzi enxulumene nayo isiwe kwiWCED ukususela ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022. Ukuqinisekisa ngenguqu enophazamiso olungephi kwiinkonzo njengoko iqela lomsebenzi laphakathi kwamasebe libe nakho ukuchonga iziboneleo zabasebenzi, ezemali nezinye ezichatshazelwe yinguqu kumsebenzi.

Isigidi sezigidi esi-R1.53 kwisiCwangciso seNkcitho seSithuba esiPhakathi (MTEF) (izigidi ezili-R391.531 zonyaka wama-2022/23, izigidi ezingama-R421.038 zowama-2023/24, kunye nezigidi ezingama-R439.944 ezilungiselelwe owama-2024/25) zabekelwa bucala zaze zathunyelwa kwiWCED njengenxalenye yenqaubo yohlalho Iwabiwo-mali Iwephondo lowama-2022/23. Ngaphezulu, abasebenzi abangama-58 kunye nee-asethi ezixabisa isigidi esi-R1.793 zakhutshelelwa kwi WCED. ISebe liya kuqhubeka ukunikezela ngenxaso yengcebiso kwi WCED de kube ngumhla wama-30 kweyoMsintsi 2022.

## **Imisebenzi emitsha necetywayo**

Akukho ngxelo.

## **ULawulo IweSixokelwano soNikezelo**

### **Izindululo zobizo-maxabiso ezingafunwanga zaqukunjelwa kulo nyaka uphantsi kovavanyo**

Akubangakho zindulo zobizo-maxabiso ezingafunwanga eziqukunjelweyo kunya ophantsi kovavanyo.

### **linkqubo zeSCM kune neenkqubo ezikhoyo zokuthintela inkcitho engalungelelanga**

INkqubo yamaGosa aNika iNgxelo (ii-AO) elawula uLawulo IweSixokelelwano soNikezelo (SCM) kune nemisebenzi yolawulo lwee-asethi ezishukumayo ikho. Ngeli thuba ii-AO zixoxa yaye zisandlala imiba yomgaqo-nkqubo weSixokelelwano soNikezelo kune noLawulo lwee-Asethi eziShukumayo kwiSebe, iZigunyaziso zeSCM zndlala amagunya okuthatyathwa kwezigqibo athi ancede kwiinkqubo ezikwii-AO. llawula imisebenzi yeziko nolwaulo kwimisebenzi yesCM yemihla ngemihla yaye xa ilandelwe iya kuthintela inkcitho engalungelelananga.

## **Imingeni efunyenwe yiSCM nendlela ethe yasonjululwa ngayo**

IMithetho yokuThengwa kweMpahla okuKhethekileyo (2017) eyabhengezwa njengengasebenziyo yiNkundla yoMgaqo-siseko nolityaziso olwenziwe liCandelo loLawuo-mali leSizwe ekuqulunqeni imithetho emitsha kubangele umngeni kwiSebe nakurhulumente ngokubanzi. Lo mnge ni wasonjululwa kwinqanaba lephondo kune neCandelo loLawulo-mali lePhondo likhokhela indlela eya phambili njengoko kwagqitywa yiKhabhinethi yePhondo. Xa ithe yakhutshwa imithetho emitsha, isisombululo kumngeni okhoyo siya kuphononongwa ukulungiselela uhambelana nemithetho emitsha.

Ukumiliselwa kwe-Automated Procurement Plan Toolkit li-Candelo loLawulo-mali lePhondo kwakungumneni kuba inkqubo yayisekwinqanaba lokukhula yaye ukwandidwa rhoqo kwenqubo kwamiliselwa kunya wonke wokuqala womiliso. Ngoko, imingeni inakho ukusonjululwa ngokthethwano oluqhube kayo kune nenkxaso ephuma kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Ukubheka phambili, izibonelelo ezilindelekileyo ezivela kule nkqubo ziya kuba kwimimandla yoqikelelo oluchanekileyo, ukunikwa kwengxelo enikezelwa ngethuba nokwenziwa lula kweenkcukacha zamanani afakwe kwikhompyutha.

Ngokwembono yolawulo lwee-Asethi, ngenxa yobhubhane kune nomlinganiselo okhulayo wolwasuleleko ngelo xesha, utelelo kumaziko ayo eDSD kwanyinwa, kwancitshiswa ufikelelo kukwenziwa kwengqinisekiso yezakhiwo kula maziko. Ingqinisekiso yonyaka kuwo onke amaziko ololongo kwi-ofisi eyintloko yequmrhu lwaqhutywa kamva ngohlobo lohlo lwasampulu.

**ITheyibhile F: Izipho kunye neMinikelo efunyenwe ngobubele kumaqela anganxulumananga**

Iziko elamkelayo	Uhlolo lomnikelo/ lesipho/lenkxaso	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane nomsebenzi	Ixabiso isipho/ umnikelo ngeeRandi
ULawulo lweZiko	lipakethe zezimuncumuncu	UMasipala waseGeorge, Jonathan Fortuin	Bobobugcisa	R 4 200.00
Facility Management	IMicrowave, izimuncumuncu, Ikawusi, Izibonelelo zonyango	Felidons Foundation	Abukho	R 6 000.00
ULawulo lweZiko	Izinto zokuhlamba	De Maio Trust	Abukho	R 6 555.38
ULawulo lweZiko	Back Positioner Mobile Trolley Medium	Rachel Swart Fund	Abukho	R 11 181.01
ULawulo lweZiko	Amayeza	Kiyenzeka Amalgamated Project, Mrs V Vanana Mtambo, 6174 Peterson Street, Thembalethu George 6529	Bobobugcisa	R 3 700.00
ULawulo lweZiko	Ipeyinti	Build IT- George	Bobobugcisa (Izibonelelo)	R 1 500.00
ULawulo lweZiko	lintsimbi	R Morkel	Bobangasese	R 1 000.00
ULawulo lweZiko	IZixhobo zegadi	Food and trees for Africa, Ruan Siebert	Abukho	R 1 500.00
ULawulo lweZiko	Izipho zeKrisimasi	Penny Sparkman	Abukho	R 3 000.00
ULawulo lweZiko	Izipho zeKrisimasi	Keagan Canterbury	Abukho	R 2 500.00
ULawulo lweZiko	INkubo yeKhamera yeCCTV	Friends of Thembalethu	Abukho	R 44 955.80
ULawulo lweZiko	Ukulungiwsa kwemonitha yeempawu ezibalulekileyo	Friends of Thembalethu	Abukho	R 1 614.60
ULawulo lweZiko	Ipakethe yesidima yabafana (1 isepha, 1 ilaphu lokuhlamba ubuso, 1 intlama yokuhlamba amazinyo, ulwelo lokuthambisa lwakwanivea l, 1 -2 iipakthe zetshokolethi)	Suff Academy, Monique Michaels	Abachaphazelekayo kunye namahlakan othungelwano	R 14 000.00
I-Ofisi yeSithili yaseMetro North	IWotshi, I-t-shirt yegalufa emhlophe kunye nesipho se-English Leather	Ms Pamela Subbiah	Umzali ongangumondli	R 1 100.00
I-Ofisi yeSithili yaseEden Karoo	libhodi zezaziso ezisi-9	DoH&W	Abukho	R 9 000.00

Iziko elamkelayo	Uhlobo lomnikelo/ lesipho/lenkxaso	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane nomsebenzi	Ixabiso isipho/ umnikelo ngeeRandi
I-Ofisi yeSithili yaseCape Winelands Overberg	Infacare Infant Starter Formula, Nan, 1.8kg Pelargon Number 1 Infant Formula, Pampers Nappies, Babythings nappies, Masters nappies	APL Cartons, Ms Christelle Wium	Umnikeli uyinxalenye yeforam yabanini bamashishini engingqi abanikezele umnikelo ukuxhasa abantwana kulolongo lokhuselo lwethutyana okanye kwintlekele	R 6 697.00
Elinye	Iminikelo eyahlukeneyo elixabiso elingaphantsi kwe-R1000 umnye	ABanikeli aBahlukeneyo	Bobangasese	R 10 535.64
<b>Ewonke</b>				<b>R 129 039.43</b>

## **Ukukhuluwa kanye nonxaxho olufunyenwe luvela kwiCandelo loLawuo-mali leSizwe:**

Akukho.

## **Imisitho eqhubeke emva komhla wokunikwa kwengxelo**

Ayikho.

## **Enye**

Ayikho.

## **UMbulelo nokuQukumbela**

Egameni labaphathi abaphezulu beli Sebe, ndithanda ukubulela bonke abasebenzi beDSD, ingakumbi abo basebenza phambili ekunikezelweni kweenkonzo, ngokuzinikela kwabo ngokuzinikela nokungadinwa ekuboneleleni ngeenkonzo kwabahlelelekileyo nabasesichengeni kwiphondo lethu phantsi kweemeko ezinzima. linzame zabo buqinisekise ngonikezelo oluqhubekeyo lweenkonzo ezingundoqo, nangona kuncitshiswe uhlahlo lwabiwomali, uxinzelelo olukhulayo lwenkonzo kanye nemingeni ebekwe emagxeni yiCOVID-19.

Ndithanda ngokunjalo ukubulela yonke amahlakan emibutho yeNPO athe asebenza neSebe kulo nyaka udlulileyo, yaye kwafuneka enyanzeleke ukuba asebenze phantsi kweemeko ezinzima, enenkxaso-mali enyiwiweyo evela kurhulumente kanye notyalo-mali olunciphileyo oluphuma kwicandelo langasese.

Ubhubhane weCOVID-19 uyaqhuba ukuba nempembelelo ebonakalayo kwicandelo lenkonzo yentlalo. ISebe lizilungelelanise kule mingeni ukuqinisekisa ngokuba iinkonzo zibekwa phambili kwabo abanesidingo kakhulu, kwangaxeha linye liqinisekise ngempilo nempilo-ntle yabasebenzi, amahlakan, nabasebenzisi benkonzo. ISebe liya kuqhuba ngoko ukusebenza nabachaphazelekayo ukunikezela ngeenkonzo ezifanelekileyo kubo bonke abo bazidingayo, ngeli thuba lizilungelelanisa nobume obuguqukayo.



---

Gq. Robert Macdonald  
IGosa eliNika iNgxelo  
ISebe loPhuhliso loLuntu  
Umhla: 31 kweyeThupha 2022

## 5. INgxelo yoXanduva kanye neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam kanye nenkolelo yam, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Yonke ingcaciso kanye nezixa-mali ezibhengeze kuyo yonke iNgxelo yoNyaka ziya hambelana.
- INgxelo yoNyaka iphelele, ichanekile yaye akukho nto ishiyelelwego.
- INgxelo yoNyaka iqulunqwe ngokuhambelana nezikhokhelo ezikwingxelo yonyaka njengoko zikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
- iNgxelo zoNyaka zeMali (iCandelo E) zilungiswe ngokuhambelana ngemigangatho ehlenga-hlengisiwego yemali ezinkozo kanye nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo kanye nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
- IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokulungiselela iingxelo zonyaka zemali kanye nezigweno ezenziwe kule ngcaciso.
- IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi ethe yayilwa ukunikezelwa ingqinisekiso efanelekileyo ngokuphathelelene nemfezeko nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kanye neengxelo zonyaka zemali.
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle kunxityelelwana nabo ukuba banike imbono ezimeleyo ngeeNgxelo zoNyaka zeMali.

Ngokwembono yam, iNgxelo yoNyaka ibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi, ingcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kanye nemicimbi yemali yeSebe kulungiselelwana unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022.

Owenu othembekileyo

---

IGosa eliNika iNgxelo  
Gq. Robert Macdonald  
Umhla: 31 kweyeThupha 2022

## 6. Uvavanyo Iweqhinga

### Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

### Umnqophiso

Ukuqinisekisa ngobonelelo lothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso loluntu oluvumela kwaye luxhobise abantu abahluphekayo, abasemngciphekweni kune nabo banezidingo ezizodwa.

### Iinqobo ezisesikweni

Iinqobo ezisesikweni zeWCG, elizibophelele kuzo iSebe, zezi zilandelayo:

	<b>Ukukhathala</b>	Ukukhathalela abo sibakhonzayo kune nabo sibasebenzelayo
	<b>Ubuchule</b>	Isakhono namandla okwenza umsebenzi esiwumiselwe ukuba siwenze
	<b>Ukuthatyathwa koxanduva</b>	Sithabatha uxanduva
	<b>Imfezeko</b>	Ukunyaniseka nokwenza into elungileyo
	<b>Ukusungula izinto ezintsha</b>	Ukwamkela iiimbono ezintsha kune nokupuhhlisa izisombululo zobuchule kwiingxaki ngendlela enobuchule
	<b>Ukusabela</b>	Ukubonelela iiimfuno zabemi kune nabasebenzi bethu

I-DSD izibophelele kule **mithetho-siseko iphambili ilandelayo yokuhanjiswa kweenkonzo:**

### Utshintsho: Ukusebenza ngokwahlukileyo

ISebe liya kuzama ukuphonononga nokuvavanya iindlela ezahlukeneyo nezintsha zokusebenza ukuze kuphunyezwe ezona ziphumo ziphezulu ngexeshana elifutshane ngaphandle kokubeka esichengeni umgangatho.

### Ukubonisana kune nokubandakanya

Siza kunika ingqwalasela eqhubayo kunxibelewano olunokuba luncedo kune namahlakani ethu kune nabachaphazelekayo njengoko kuchaziwe kuMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBudlelwane booRhulumente (2005).

### Ukfikeleka

Ukfikeleka kweenkonzo kwabo bazidingayo kubalulekile. ISebe liyakuqhuba liphucula ubume balo kune neenkqubo apho kukho imfuneko yeMTEF.

### Ukuthatyathwa koxanduva nokuba phandle

Ukumilisela kwiziko ulawulo Iwequmrhu olulungileyo ngokumilisewa kokubekwa kweliso okusekwe kwiziphumo, uvavanyo nokunikwa kwengxelo, iinkqubo ezelungileyo zoshishino, imigaqo-nkqubo nokwandiswa kokuthotyelwa kwemithetho ukulungiselela ukuphuculwa kokuthatyathwa koxanduva nokusebenza.

## 7. IziGunyaziso zoWiso-mthetho neZinye

### IziGunyaziso zoMgaqo-siseko

UMthetho	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
UMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996	ICandelo lama-28 (1) loMgaqo-siseko limisela amalungelo abantwana ngokuphathelele kukhathalelo olufanelekileyo (isondlo esisisiseko, indawo yokuhlala, iinkonzo zokhathalelo lwempilo kanye neenkonzo zentlalontle) kwanokuba ukugcinwa kwabantwana linyathelo lokugqibela.

### IziGuyaziso zoMthetho

UMthetho	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
UMthetho waBantwana wama-38 wama-2005.	<p>Lo Mthetho wasetyenzisa ngokwesiBhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2010 kwaye uyachaza:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>● Uxanduva namalungelo obuzali;</li> <li>● Imithetho-siseko kanye nezhokelo zokukhuselwa kwabantwana;</li> <li>● Ukukhuthazwa kwentlalo-ntle yabantwana; kwaye</li> <li>● Ukuqitisho kwemithetho enxulumene nentlalontle kanye nokhuseleko lwabantwana kanye, kwimiba engalindelekanga.</li> </ul> <p>Eyona nto kugxilwe kuyo kuphononongo lwasibini loMthetho waBantwana yaba kokufunyenwe yiNkundla ePhakamileyo yaseSouth Gauteng kuTshazimpuzi 2011 malunga nokutolikwa okuchanekileyo kweCandelo le-150(1) (a) loMthetho. Inkundla yakufumanisa oko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Umlolongi onoxanduva olusemhethweni lokunonophela (kule meko umakhulu) usenokumiselwa njengomzali ongowakho; kwaye</li> <li>● Akukho Mthetho waBantwana okanye uMthetho woNcedo lwezeNtlalo okanye iMimiselo yawo efuna ukuhlolwa kwengeniso yomzali ongengowakho, ngoko ke imeko yemali yabantwana abafunyanisa bedinga ukhathalelo nokhuseleko kufuneka ithathelwe ingqalelo kwaye ingeyiyo yomzali womntwana. Apho abazali abangenabani abanomsebenzi osemthethweni wenkxaso bengenandlela yezemali yokwenza, kufuneka babe nako ukwenza isicelo senkxaso-mali yesondlo.</li> </ul>
UMthetho oLungisiweyo waBantwana we-17 wama-2016 kanye noMthetho oLungisiweyo wesibini waBantwana we-18 wama-2016.	<p>UMthetho oLungisiweyo waBantwana (18/2016) ulungisa uMthetho waBantwana, wowama-2005 ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufaakele iinkcazeloe ezintsha; ukubonelela ngokuba ukususwa komntwana kukhathalelo olukhuselekileyo lweleshana ngaphandle komylelo wenkundla kubekwe phambi kwenkundla yabantwana ukuze kuqwalaselwe kwakhona ngaphambi kokuphela kosuku olulandelayo lwenkundla; ukubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokukhupa umntwana ngaphandle komylelo wenkundla; ukubonelela ngeNtloko yePhondo yoPhuhliso lweNtlalo ukuba itshintshe umntwana okanye umntu ukusuka kolunye uhlobo iononophelo olulolunye amse kolunye uhlobo iononophelo nokubonelela ngesicelo sokuba umntwana ahiale kukhathalelo olulolunye olungaphaya kweminyaka eli-18 singeniswe phambi kokuphela konyaka apho umntwana ochaphazelekayo efikelela kweminyaka eyi-18.</p> <p>UMthetho oLungisiweyo waBantwana (17/2016) ulungisa uMthetho waBantwana, wowama-2005 ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufaakele iinkcazeloe ezintsha; ukubonelela ngokuba umntu obanjelwe amatyala athile athathwe njengongafanelekanga ukusebenza nabantwana; ukubonelela ngokuba uMkomishinala weSizwe weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kufuneka agqithisele</p>

<b>UMthetho</b>	<b>Impembelelo ekusebenzeni kweDSD</b>
	kuMlawuli-Jikelele zonke iinkcukacha zabantu abafunyenwe bengafanelekanga ukusebenza nabantwana; ibonelele ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komylelo wenkundla; zandise imeko malunga nexesha lokwamkelwa komntwana; kwaye ukwandisa iziphumo zomyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho ngokubonelela ngokuba umyalelo wokwamkelwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho awuziphelisi ngokuzenzekelayo zonke iimfanelo zomzali namalungelo omzali womntwana xa umyalelo wokuthathwa komntwana unikelwe egameni leqabane okanye iqabane elisistgina lasekhaya laloo mzali kwaye ubonelele ngemiba enxulumene noko
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo we-110 we-1978, Izilungiso: 1995, 1996 kune ne-1998.	UMthetho waseka iBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali zoMsebenzi weNtlalo kwaye uchaza amagunya kune nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zentlalontle kune nomsebenzi.
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo we-110 we-1978: Imimiselo enxulumene nokubhaliswa kobungcali kwiiinkonzo zoluleko (2013).	Le mimiselo ipapashwe kwiGazethi yeMimiselo enguNombolo 36159, yowe-15 kuFebruari 2013, Vol. 572, Nombolo 9911 ejolise ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.
UMkomishina weNtshona Koloni woMthetho waBantwana wesi-2 wama-2019.	Ukubonelela ngokuqeshwa koMkomishinala waBantwana kwiPhondo leNtshona Koloni; kwimiba enxulumene noko nokubonelela ngemiba ethile ephathelele kulo ofisi. ICandelo lama-78 loMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997, liseka i-ofisi yoMkomishinala waBantwana wephondo kwaye libonelela ngokuba uMkomishinala kufuneka ancedise uRhulumente weNtshona Koloni ekukhuseleni nasekuphakamiseni amalungelo, iimfuno kune nomdla wabantwana kwiphondo.
UMthetho oLungisiweyo weeNkonzo zokuLingwa wama-35 wama-2002.	Injongo yaho kukulungisa uMthetho weeNkonzo zokuLingwa, ka-1991, ukuze kufakelwe iinkcazeloz ezithile: <ul style="list-style-type: none"> <li>Wenza amanye amalungiselelo eenkqubo eziJolise ekuthinteleni nasekubhangiseni ulwaphulo-mthetho;</li> <li>Wandiswa kwamagunya kune nemisebenzi yamagosa oluleko;</li> <li>Ubonelela ngemisebenzi yabancedisi bamagosa elileko;</li> <li>Ubonelela ngovavanyo olusisinyanzelo lwabantwana ababanjiweyo;</li> <li>Ubonelela ngokusekwa kwekomiti yeengcebiso ngolingo;</li> <li>Ubonelela ngokuchongwa kwabafumani-ntsapho; kwaye</li> <li>Ukubonelela ngemiba enxulumene noko.</li> </ul>
UMthetho woBundlobongela baseKhaya 116 we-1998.	Injongo yalo Mthetho kukubonelela amakhoba obundlobongela basekhaya ukhuseleko oluphezulu kuxhatshazo lwasekhaya.
UMthetho waBantu abaDala we-13 wama-2006.	Lo Mthetho, owathi wasebenza ngokwesiBhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi wowama-2010, ujolise ekuxhotyisweni nasekukhuselweni kwabantu abadala kubandakanya ubume babo, amalungelo, intlalo-ntle, ukhuseleko, ukhuseleko kune nokulwa ukuxhatshazwa kwaBantu abaDala. UMthetho ukhuthaza indlela yophuhliso evumayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ubulumko kune nezakhono zaBantu abaDala;</li> <li>Ukuthatha inxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi yoluntu;</li> <li>Ukulawula ukubhaliswa kweenkonzo zaBantu abaDala; kune</li> <li>Nokusekwa nokulawulwa kweenkonzo kune nezibonelelo zaBantu abaDala.</li> </ul> Ngokungafaniyo noMthetho waBantu abaDala, uNombolo 81 we-1967, ugxininiso luyashenxiswa ukusuka kukhathalelo lwezikoxukuya

<b>UMthetho</b>	<b>Impembelelo ekusebenzeni kweDSD</b>
	kukhathalelo olusekelwe kuluntu ukuze kuqinisekiswe ukuba uMntu omDala uhlala kuluntu ixesha elide kangangoko kunokwenzeka.
UMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi wama-70 wama-2008.	UMthetho ubonelela ngokuphunyezwa konikezelo lwenkonzo olubanzi noluhlangeneyo kummandla wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amaShebe karhulumente. Olona gxininiso kulo Mthetho kukukhuthaza iinkqubo ezisekelwe kuluntu kanye nongenelelo kwangethuba, kanye nokubhaliswa kongenelelo lonyango ngokubhekiselele kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
UMthetho woBulungisa kuBantwana wama-75 wama-2008.	UMthetho useka inkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho kubantwana abatyholwa ngokwenza ubugwenxa kwaye ujolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.
UMthetho oLungisiweyo woLwaphulo-mthetho (uLwaphulo-mthetho ngokweSondo kanye neMiba eNxulumeneyo) we-6 wama-2012.	UMthetho ulungisa uMthetho woLwaphulo-mthetho (uLwaphulo-mthetho lwezeSondo kanye neMiba eNxulumeneyo) uMthetho oLungisiweyo, wama-2007, ukuze uchaze ngokucacileyo ukuba ukuwiswa kwezohlwayo ngokubhekiselele kumatyalala athile aqulathwe kulo Mthetho kuyekelwe ekuboneni kweenkundla; kanye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho woThintelo kanye nokuLwa ukuThengiselwa kwaBantu isondo wesi-7 wama- 2013.	UMthetho unika impembelelo kwiProthokholi yeZizwe eziManyeneyo (i-UN) yokuthintela, ukucinezela nokohlwaya ukuthengiselwa kwabantu isondo ngokungekho mthethweni, ngakumbi abasetyhini nabantwana, ukongeza kwisivumelwano se-UN esichasene nolwaphulo-mthetho olulungelelanisiweyo lwezizwe ngezizwe.
UMthetho weSizwe weArhente yoPhuhliso lolutsha wama-54 wama- 2008.	Injongo yalo Mthetho kukudala nokukhuthaza ulungelelwaniso kwimba yophuhliso lolutsha.
UMthetho woNcedo lweNtalo we-13 wama-2004.	Lo Mthetho ubonelela ngorikezelo loncedo loluntu ebantwini, kanye nendlela yokunikezelwa koncedo olunjalo; ukusekwa kwecandelo labahloli boncedo loluntu; kanye nokubonelela neminye imiba enxulumene noko.
UMthetho wokuNyuswa kweNgxowa-mali we-107 we-1978.	Lo Mthetho ubonelela ngolawulo lokuqokelelwa kweminikelo eluntwini; ukuqeshwa koMlawuli wokunyuswa kweNgxowa-mali; ukusekwa kweNgxowa-mali yokuNceda kwiNtlekele, INgxowa-mali yoMkholi woKhuselo waseMzantsi Afrika kanye neNgxowa-mali yokuNceda iiMbaci; ukubhengezwa kweentlekele ezithile njengeentlekele; kanye neminye imiba enxulumene noko.
UMthetho weMibutho eNgenzi Nzuzo (NPO) wama-71 we-1997.	Lo Mthetho ujolise ekudaleni ubume obuncedayo kanye nesikhokelo solawulo semibutho engenzi nzuzo kwigalelo layo lokuhlangabedana neemfuno ezahlukeneyo zabemi kanye nokugcina imigangatho eyaneleyo yolawulo, ukungafihli kanye nokuphendula kuluntu. Umthetho weNPO ubhangisa iinxalenyi ezithile zoMthetho wokuNyuswa kweNgxowa-mali, wowe-1978.
UMthetho woLawulo lweNtlekele wama-57 wama-2002.	Lo Mthetho ubonelela ngomgaqo-nkqubo ohlangeneyo nolungelelanisiweyo wolawulo lweentlekele (ogxile ekuthinteleni okanye ekucutheni umngcipheko weentlekele, ukuthommalalisa ubuzaza beentlekele, ukulungela unzunguphalo, ukusabela ngokukhawuleza nangempumelelo kwiintlekele kanye nokuchacha emva kweentlekele); ukusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakumasipala; amavolontiya olawulo lwentlekele; kanye neminye imiba enokwenzeka.
UMthetho oLungisiweyo woLawulo lweNtlekele we-16 wama-2015.	Lo Mthetho usebenza ukulungisa uMthetho woLawulo lweNtlekele, wowama-2002 (umthetho osisiseko ojongene nolawulo lweentlekele eMzantsi Afrika), ukuze kufakwe ezinye endaweni yazo kwaye kufakelwe iinkcazelo ezithile; ukucacisa ugqaliselo lomgaqo-nkqubo wokubuyisela kwisimo sangaphambili kanye nokusebenza kwamaziko olawulo lweentlekele; ukulungelelanisa imisebenzi ethile;

UMthetho	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
	<p>ukubonelela ngamaqumrhu karhulumente ukuba ancedise amacandelo olawulo lweentlekele; ukubonelela ngenkqubo yokunika ingxelo eyandisiweyo ngamaqumrhu karhulumente malunga nolwazi olumalunga neziganeko ezikhokelela ekubhengezweni kweentlekele, inkcitho ekuphendulenii nasekubuyiselweni kwakhona, amanyathelo anxulumene nokunciphisa umngcipheko kunye neengxaki ezithile ezifunyenwe ekujonganeni neentlekele; ukomeleza ukunikezelwa kwengxelo ngokuphunyezwa komgaqo-nkqubo nomthetho onxulumene nokuncitshiswa kweentlekele kunye nolawulo lwenkxaso-mali eyabelwe umasipala kunye namaqonga orhulumente wephondo asekwe ngokoMthetho oyi-Intergovernmental Relations Framework Act, 2005; ukomeleza ukumelwa kweenkokheli zemveli; ukwandisa imixholo yeziwangciso zolawulo lweentlekele ukubandakanya ukuqhutywa kovavanyo lomngcipheko weentlekele kwiindawo ezisebenzayo kunye nokwenziwa kwemephu yemingcipheko, imimandla kunye noluntu olusesichengeni seentlekele; ukubonelela ngamanyathelo okunciphisa umngcipheko weentlekele; ukubonelela ngemigaqo ngemfundo yolawulo lweentlekele, uqequesho kunye nemicimbi yophando kunye nokubhengezwa kunye nokuhlelwa kweentlekele; kunye nokubonelela ngemiba ehambelana noko.</p>
UMthetho woLolongo lweMpilo yengqondo we-17 wama-2002.	<p>Lo Mthetho ubonelela ngokhathalelo, unyang kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili sabantu abagula ngengqondo; umisele iinkqubo ezahlukeneyo emazilandelwe ekwamkelweni kwaba bantu kunye nokubonelela ngononophelo nolawulo lwepropathi yabantu abagula ngengqondo.</p>
UMthetho woLwaphulo-mthetho (AmaTyala eSondo kunye neMiba eNxulumene nawo) uMthetho oLungisiweyo we-13 wama-2021.	<p>Ukulungiswa koMthetho woLwaphulo-mthetho (Amatyala eSondo kunye neMiba eNxulumene nawo) uMthetho oLungisiweyo, wama-2007:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>■ Ukwandiswa komda wetyala lombulo;</li> <li>■ Ukuqaliswa kwetyala elitsha lokoyikiswa ngesondo;</li> <li>■ Ukubekwa kwesinye isicatshulwa "umntu okhubazeke ngengqondo" okanye "abantu abakhubazeke ngengqondo" nalapho isicatshulwa sibonakala nesi sicatshulwa "umntu onokukhubazeke ngengqondo" okanye "abantu abanokukhubazeke ngengqondo";</li> <li>■ Ukulawula ngaphezulu ukubandakanya kweenkcukacha zabantu kwiRejista yeSizwe elungiselelwabantu abanabatyala eSondo;</li> <li>■ Ukwandiswa koluhlu lwabantu ekufuneka bekhuselwe ngokuhambelana neSahluko 6 soMthetho;</li> <li>■ Ukwandiswa koluhlu lwabantu abaselungelweni lokungenisa izicelo kuMgcini weRejista yeSizwe yabanamaTyala eSondo;</li> <li>■ Kulawulwe ngaphezulu ukususwa kweenkcukacha zabantu kwiRejista yeSizwe elungiselelwabantu abanabatyala eSondo; kunye</li> <li>■ Kulawulwe ngaphezulu umsebenzi wokunikwa kwengxelo yabantu abanolwazi lokokuba amatyala esondo enziwe kubantu abasesichengeni, nokunikela kwimiba enxulumene nayo.</li> </ul>
UMthetho oLungisiweyo yoBundlobongela baseKhaya we-14 wama-2021.	<p>Ukulungiswa koMthetho woBundlobongela baseKhaya, we-1998, ukulungiselela ukulungisa nokufakela iinkcazelozithile; ukunikela ngaphezulu ngendlela aphozibundlobongela basekhaya kunye nemiba enxulumene noko ekufuneka iqwalaselwe; kulawulwe ngaphezulu imiyalelo yokhuselo ukusabela kwizenzozibundlobongela basekhaya; kulungiswe izibonelelo zemithetho ethile; nokunikezelwa kwimiba enxulumene nayo.</p>
UMthetho oLungisiweyo woLwaphulo-mthetho	<p>Injongo yalo Mthetho kukulungisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>■ UMthetho weNkundla kaMantyi, 1944, ukulungiselela ukunikezelwa ngokuqeshwa kwabalamleli nokunikezelwa kobungqina</li> </ul>

UMthetho	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
neMiba eNxulumene nayo we-12 wama-2021.	<p>ngokusetyenziswa kwabalamleli kwizimangalo ngaphandle kwezimangalo zolwaphulo-mthetho; nokunikezelwa kobungqina ngonxulumaniso lokubonwayo noluviwayo kwizimangalo engezizo nje kuphela ezolwaphulo-mthetho;</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>UMthetho weNkqubo yoLwaphulo-mthetho, we-1977, ukulungiselela ukulawulwa ngaphezulu kokunikezelwa nokurhoxiswa kwebheyile; ukunikezelwa konungqina ngokusetyenziswa komabonakude okanye olunye upapasho lwe-elektroniki oluyelete kuye; Ukunikezelwa kobungqina lingqina elikhubazeke ngomzimba, ngomoya okanye ngengqondo; ukutyunjwa, isifungo nobuchule babalamli; kune nelungelo lommangali kwityala elinxulumeni nekhaya lokokuba athabathe inxaxheba kwiinkqubo yokukhululwa ngesithembiso sokungabaleki;</li> <li>UMthetho oLungisiweyo woMthetho woLwaphulo-mthetho, we-1977, ukulungiselela ukulawulwa ngaphezulu kwezigwebo ngokuphathelele kumatyala athe enziwa kubantu abasesichengeni; kune</li> <li>UMthetho weeNkundla eziPhezulu, wama-2013, ukulungiselela ukunikezela ngokutyunjwa kwabalamleli nokunikwa kobungqina ngokusetyenziswa kwabalamleli kwizimangalo ngaphandle kwezimangalo zolwaphulo-mthetho; isifungo nobuchule babalamli; kune nokunikezelwa kobungqina ngokusetyenziswa konxulumaniso lokubona nokuva kwizimangalo, nokunikezela kwimiba enxulumeni noko.</li> </ul>
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente onguNombolo 01 we-1999 njengoko ulungisiwe.	Ukulawulo kolawulo lwemali kurhulumente wesizwe kune noorhulumente bephondo; ukuqinisekisa ngento yokuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi kune namatyala abo rhulumente alawulwa ngokufanelekileyo nangokusebenzayo; ukunikezela ngoxanduva lwabantu abaphathiswe ngokuthenjwa ngolawulo lwemali kwabo rhulumente; nokunikezela kwimiba enxulumeni noko.
UMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBudlelwane booRhulumente we-13 wama-2005.	UMthetho uxhibe ukuququzelela ukuhlangana okukhulu phakathi kwawo amacandelo amathathu karhulumente ukukhuthaza inkqubo ezinzileyo nesabelayo yolawulo, ethi yandise iinqobo ezisesikweni kune nemithetho-siseko yolawulo lukarhulumente.

## Imisebenzi engundoqo yeSebe

ISebe lizinikele kule misebenzi mibini ingundoqo ilandelayo:

- INkonzo yeNtalontle yoLuntu kubantu abahluphekileyo nabasesichengeni ngentsebenziswano nabachaphazelekayo kune nemibutho yoluntu; kwaye
- INkonzo yoPhuhliso loLuntu ebonelela ngeenkqubo zophuhliso ezinzileyo, eziququzelela ukuxhotyiswa koluntu.

## IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo

UMgaqo-nkqubo	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
IsiCwangciso-nkqubo esihlaziyiweyo seQhinga sesiThuba esipHakathi (MTSF) 2019-2024.	<p>Le MTSF sisicwangciso sikaRhulumente somiliselo kune nesikhokelo-nkqubo sokuhlolola ukuze kupunyezwe imiba ephambili yesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (i-NDP) sowama-2030 kwisithuba sowama-2019-2024. Isicwangciso somiliselo sigxile kwizinto eziphambili ezsixhenxe namangenelo anxulumeneyo, ngeli lixa isicwangciso-nkqubo sokubeka iliso esihlangeneyo sigxile ekubekeni iliso nakwiziphumo, izalathisi kune nokujoliswe kuko ekufezekeiseni izinto eziphambili ngokubaluleka. I-MTSF 2019-2024 ikhuthaza ulungelelwaniso, ulungelelwaniso kune nokuhlanganiswa okupheleleyo kwazo zonke izixhobo zocwangciso lophuhliso kwisicwangciso-nkqubo esidibenevo.</p>

<b>UMgaqo-nkqubo</b>	<b>Impembelelo ekusebenzeni kweDSD</b>
IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP) 2030 (2012).	I-NDP ijolise ekupheliseni intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama-2030. Ngokwesi sicwangciso, uMzantsi Afrika ungazipumeza ezi njongo ngokuthi utsale amandla abantu bawo, ukhulise uqoqosho oluxhanyulwa ngumntu wonke, ukwakhiwa kwezakhono, ukukhulisa amandla karhulumente, nokukhuthaza ubunkokeli. Kunye nentsebenziswano kuluntu lonke.
OneCape2040. Ukusuka kumbono ukuya kwisenzo (2012).	I-WCG yamkele lo mbono neqhingga ngo-Oktobha 2012. Ijolise ekuvuseleleni inguqu eya kwikamva loqoqosho olubandakanyayo noluzinzipileyo lweNtshona Koloni. Icacisa umbono wokuba abantu baseNtshona Koloni banokusebenzisana njani ukuze baphuhlise uqoqosho lwengingqi yabo kunye noluntu ngokubanzi, ngokwenza njalo, ucwangciso olukhokelayo kunye namanyathelo okukhuthaza ukuzinikela okufanayo kunye nokuphendula kwinkqubela phambili ezinzileyo yexesha elide.
IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) 2019 -2024.	I-PSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esibonisa umbono we-WCG nezinto eziphambili ngokubaluleka kwaye sakhela phezu kweziseko eziphele zamiselwa kwisithuba sezikhundla ezimbini zokugqibela. I-WCG izibophelele ekwakhiweni kombuso onobuchule osekewi kumaxabiso onika ithuba ithuba nokukhuthaza uxanduva kwiNtshona Koloni ekhuselekileyo. Umbono – iNtshona Koloni ekhuselekileyo aphi wonke umntu ephumelela – uchazwa kwimiba ephambili yeqhingga enemibono emihlanu ephefumelwego echongwe kwixesha lowama-2019-2024 eyile, uLuntu oluKhuselekileyo noluBambisanayo; Ukukhula kunye neMisebenzi; UkuXhobisa abantu, ukuHamba kunye noTshintsho lweSithuba; kunye neNguqulelo neNkcubeko.
IsiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni (2021).	Esi sicwangciso kukuqatshelwa, kunye nokusabela kubhubhane we-COVID-19 kunye neziphumo ezibi zentlalo noqoqosho kubemi baseNtshona Koloni. Ichonga iingxaki ezifuna impendulo engxamisekileyo, yoluntu lonke ukuze kudalwe imisebenzi, kukhuthazwe uluntu olukhuselekileyo, nokukhuthaza impilo-ntle yabo bonke abemi baseNtshona Koloni. Esi sicwangciso siya kuphunyeza ngaphakathi kwimiba emihlanu ephefumelwego ephambili yeqhingga echazwe kwi-PSP (2019-24).
IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sePhondo leNtshona Koloni (2014).	Isicwangciso-nkqubo sisebenza njengesiseko solungelelwaniso, uhlanganiso nomanyaniso “kumhlaba” wonikezelo lweenqubo zeSebe lesizwe nelephondo; sixhase oomaspala okokuba bazalisekise isidingo sabo socwangciso lukamasipala ngokuhambelana nee-ajenda zesiswe nezephondo; nokuxhasa nokunxibelelana ngeenjongozophuhliso lweSithuba sikarhulumente kwicandelo langasese kunye noluntu.
INdlela yoLuntu Lonke loRhulumente weNtshona Koloni kuPhuhliso loQoqosho lweNtlalo (2018).	INdlela yoLuntu Lonke iqikelela abemi abakuselekileyo, abanxulumene ngokwenthlalo, abomeleleyo nabaxhotyisiwego kunye noluntu olunofikelelo olulinganayo kwiinkonzo zentlalo kunye namathuba. Olu xwebhu lunikezelwa ngesicwangciso-nkqubo sophuhliso oluhlangeneyo kunye nentlalo eguqulelwego ngendlela enikezelwa ngamanqanaba. Lupuhliswe ngenjongo yokufumana isivumelwano ngendlela yokukhuthazwa kophuhliso lwentlalo ngokusetyenziswa “kweNdlela yoLuntu Lonke”.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weNtlalo-ntle yoLuntu (1997).	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle yoluntu emva ko-1994 ngokubonelela ngemigaqo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zophuhliso lwentlalo-ntle yoluntu.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo waBemi (1998).	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo likhuthaza uphuhliso loluntu oluzinzipileyo kunye nomgangatho wobomi babo bonke abemi boMzantsi Afrika ngokudibaniwa imiba yabemi kucwangciso lophuhliso kumacandelo ahlukaneyo karhulumente nakuwo onke amacandelo oluntu. ISebe ligunyaziswe ukuba libeke iliso ekuphunyezweni

UMgaqo-nkqubo	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
	komgaqo-nkqubo, kanye nefuthe lawo kwiintsingiselo zabemi kanye neenguqu kumxholo wophuhliso loluntu oluzinzileyo.
ISebe loPhuhliso loLuntu: uMgaqo-nkqubo omalunga neNkxaso-mali kwiMibutho eNgekho phantsi koRhulumente kuBonelelo lweNtlalontle yoLuntu kanye neeNkonzo zoPhuhliso loLuntu (2015) njengoko uhlonyelwe ngowama-2017.	Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukuqinisekisa ukuba iintlawulo ezikhutshelwego zilawulwa ngendlela engafihlisyo ekhuthaza ukuphendula, ukufikelela, ulawulo olusebenzayo, iimfuno ezicacileyo zokusebenza, kanye nemithetho-siseko yobulungisa kulawulo ukuze iDSD ifezekise injongo yayo yokubonelela ngothungelwano olubanzi lonxibelewano. iinkonzo zophuhliso loluntu eenza kwaye zixhobise abantu abahluphekayo, ababuthathaka kanye nabo banezidingo ezizodwa.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo- nkqubo kwiiNtsapho zaseMzantsi Afrika (2013) kanye nePhepha leNgcaciso yoMgaqo- nkqubo eliHlaziyiweyo kwiiNtsapho zaseMzantsi Afrika (2021).	Eyona njongo yePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kukukhuthaza impilo-ntle yosapho, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho, ubomi bosapho kanye nokubandakanya imiba yosapho kumalinge okwenziwa komgaqo-nkqubo ngokubanzi karhulumente. ISebe liphuhlise isicwangciso sephondo sokuphumeza IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kwiiNtsapho elathi lamkelwa liQonga leeNkonzo zoSapho ngomhla we-16 kweyoMsintsi ngowama-2016. IPhepha eliHlaziyiweyo leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elilungiselele iintsapho elitsalwe kukomelela kwamaxwebhu angaphambili omgaqo-nkqubo yaye lijolise ekulungiseni izigxeko neenkxalabo ezibhekiselele kububi obungacaciswanga bendlela yokuziphatha kanye neenkcazelozobomi bosapho eMzantsi Afrika kumacandelo ePhepha lokuqala leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elingeetNtsapho. Olu hlaziyo luhlaziya iphepha lomgaqo-nkqubo okokuba linike ingxelo yesimo selo xesha seentsapho eMzantsi Afrika kanye nengxelo ehlangeneyo evela kurhulumente nakwabachaphazelekayo bemibutho yoluntu abathu bahlangane ngothethwano ngethuba lokuhlaziya kwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo.
IsiCwangciso-nkqubo seeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (2013).	Esi sicwangciso-nkqubo sesizwe sivuniyiweyo silungelelaniswe neModeli eDityanisiweyo yoNikezelo lweeNkonzo (ISDM) kwaye yenze ilungiselelo lenqubo esemgangathweni aphi oonontlalontle bayakubonelela ngeenkonzo zentlalontle eziqhelekileyo ezikumgangatho oyimfuneko, eziibanzi, ezihanganisiweyo, ezisekelwe kumalungelo, kanye nezibonelelo ezifanelekileyo.
IMigaqo neMigangatho yeeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (2013).	Ukubonelela ngemilinganiselo yokubonelela ngeenkonzo eziemgangathweni zentlalo-ntle kwaye wenze inxalenye yesiCwangciso-Nkqubo seeNkonzo zeNtlalo-ntle.
IsiCwangciso esiphambili seSizwe sezi yobisi sowama-2019-2024 (2019).	Esi sicwangciso sivumela ulungelewaniso lwamasebe kanye noorhulumente basekhaya ngokuhambelana noMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wowama-2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba ilizwe linempendulo efanayo kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
IsiCwangciso-nkqubo sokuHlola soMsebenzi woBuchule beNtlalo-ntle eMzantsi Afrika (2012).	Ibonelela ngesicwangciso-nkqubo solawulo olusebenzayo lonoontlalo-ntle, abafundi abancedisayo bentlalontle, iingcali zentlalontle kanye noochwepheshababucala ukwenzela ukuba kuqinisekiswe iindlela zokwenza umsebenzi wentlalontle onobuchule osebenza ngeyona ndlela ilungileyo kubasebenzisi benkonzo kwicandelo lentlalontle eMzantsi Afrika.
IsiCwangciso-nkqubo soQinisekiso loMgangatho weeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (V5) (2012).	Esi sicwangciso-nkqubo sesizwe sibonelela ngenkqubo engaguqukiyo kanye nemigangatho ecacileyo yokuvavanya ukusebenza kakuhle kanye nokubonelela ngophuculo oluqhubeckayonogokubhekiselele kwiiNkonzo zentlalo-ntle.

UMgaqo-nkqubo	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
Umgaqo-nkqubo woLutsha weSizwe 2020-2030 (NYP 2030) (2021).	UMgaqo-nkqubo woLutsha weSizwe wowama-2020-2030 (NYP 2030) ngumgaqo-nkqubo wamacandelo ahlangeneyo ojolise ekuphumezeni iziphumo ezincumisayo zophuhliso lolutsha kubantu abatsha kwinqanaba lasekhaya, lephondo nelesizwe eMzantsi Afrika. Lo mgaqo-nkqubo wakhela phezu kwe-NYP yoku-1 neyesi-2 yaseMzantsi Afrika ebandakanya isithuba sowama-2009-2014 nowama-2015-2020. Umgaqo-nkqubo uyayiqonda into yokuba ukubekwa phambili kwezibonelelo kufuneka kubandakanye uphuhliso lolutsha, imfundu yolutsha, ukuthatha inxaxheba kwezoqoqosho kwakunye nempilo yomzimba nengqondo. Isiphumo esinqwenelekayo salo mgaqo-nkqubo sixhobisa ulutsha oluxhotyiswe ngolwazi, ulwazi nezakhono eziluvumela ukuba luthabathe amathuba kwaye luthathe uxanduva ngokufanelekileyo ekwenzeni igalelo elibonakalayo kuphuhliso loMzantsi Afrika wedemokhrasi nohlumayo.
IQhinga loPhuhliso loLutsha kwiSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2013).	Eli qhinga likhokela, lazisa yaye likhokela inkqubo yophuhliso lolutsha yeSebe kune nezinto eziphambili kune nokuzisa umlinganisel oqinileyo wokuqikelelwa kwamaziko nenqubo. Isebenza njengesixhobo esibalulekileyo socwangciso, esijolise ekujonganeni neemfuno zolutsha IwePhondo leNtshona Koloni.
IQhinga loPhuhliso loLutsha eNtshona Koloni (2013).	Injongo yeqhinga (lephondo) lophuhliso lolutsha kukudala inkxaso ethe chatha, amathuba kune neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuze bazibandakanye ngcono neendawo abahlala kuzo baze batshintshe ngempumelelo babe ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinileyo. Ijolise kulutsha olukwisigaba saphambi kolutsha oluphakathi kweminyaka eli-10 ne-14 ubudala kune nesigaba 'solutsha' phakathi kweminyaka eyi-15 nama-24 ubudala.
Isicwangciso esihlangeneyo sePhondo soPhuhliso IwaBantwana sowama- (2017).	Eyona njongo iphambilli kukukhokela nokulungelelanisa ukunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu ezingundoqo kuBantu abaKhukhazekileyo. Injongo yayo kukuqinisekisa ukuba isidima kune namalungelo abo bonke abantu abakhukhazekileyo bayalondolozwa kwaye bayahlangatyezwa, ngokubonelela ngeenkqubo ezifanelekileyo zentlalo noqoqosho kune neenkonzo eziqinisekisa ukubandakanywa kwabo.
Isicwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo – linkonzo kuBantu abaKhukhazekileyo ngokwasengqondweni (2015).	Injongo yesi sikhokelo kukunikezelwa kweenkonzo ezilungelaniwiyeo nezilungelelanisiwiyeo kubantu abakhukhazekileyo ngokwasengqondweni (PWD) ngamasebe/amacandelo ephondo ahlukeneyo ukuqinisekisa indlela egxile emntwini kwi-PWD neentsapho zabo ngokumisela iprofayili yeemfuno ze-PWD kuwo onke amacandelo kune neendima ezifanelekileyo zesebe, uxanduva kune neemodeli zenxaso-mali ezinokubakho ukuhlangabezana neemfuno ezichongiwego.
UMgaqo-nkqubo wokuPhononongwa, ukuKhululwa kune nokuManyaniswa kwakhona kwabahlali abagwetyiweyo kwiDSD kumaziko ononophelo IwaBantwana kune nolutsha kwiNdlela eNcincisayo okanye eNonophelo IwaBazali (2014).	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngezikhokelo zophononongo, ukukhululwa kune nokuhlanganiswa kwabahlali abagwetyiweyo kwi CYCC's ngokubekwa kwezinye iindawo zononophelo olulolunye olungenamiqathango njengoko kubonelelwe kwiSahluko se-11 soMthetho waBantwana, wama-38 wowama-2005.
Iahinga leSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni soPhuculo IweeNkonzo zokuKhathalelw kaBantwana (2015).	Isicwangciso saphuhliswa ukunciphisa imingcipheko enxulumene nokuphunyezwa kweemfuno ezisemthethweni, izithethe kune nemigangatho yoMthetho wabantwana. Isicwangciso sichonga oonobangela bengxaki kune nongenelelo lokujongana nale miba.

UMgaqo-nkqubo	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
lInkqubo zoMgangatho wokuSebenza (SOP) kulungiselelwa iINkonzo zoLwakhiwo loMjelokazi (2021).	Le SOP inikezela ngabalawuli bengingqi kune nabasebenzi bokhuselko lomntwana kune nezikohkhelo neenkqubo kulungiselelwa ukumilisewa kweenkonzo zokwakhwi komjelokazi kusenzelwa abantwana abangenayo okanye abasele bekwinkqubo ynonophelo olulolunye. Le SOP iseberza kuwo onke amaGosa oLwakhiwo loMjelokazi kwii-ofisi zesithili nezengingqi, ngokunjalo naweCandelo: uLawulo IweZiko.
ISebe leNtshona Koloni leNkqubo yokuSebenza koMgangatho woPhuhliso IweNtlalo (SOP) yokuSuswa kwaBantwana abahlala ezitalatweni kwindawo yoKhuseleko kune neNkqubo ezielandela (2015).	I-SOP yaphuhliswa njengesikhokelo sesinyathelo ngenyathelo malunga nendlela yokuqhube xa ususa umntwana wesitalato ofuna ukunakekelwa kune nokukhuselwa kwindawo yokhuseleko. Ichaza iindima noxanduva lwabasebenzi beSebe kune nabanye abachaphazelekayo kwiiNPO kune necandelo lobupolisa.
IsiCwangciso-nkqubo soQinisekiso loMgangatho wokubeka iliso kumsebenzi wentlalo-ntle nophuhliso loluntu ekuhlaleni (2015).	Esi sicwangciso-nkqubo sephondo sihambelana neNkqubo-sikhokelo yoQinisekiso loMgangatho weSizwe weNtlalontle yoLuntu (2013) kwaye iphakamisa uhlolo olubanzi lwendlela yokusebenza ngendlela yokuqinisekisa umgangatho wophuhliso loluntu kune neenkonzo zentlalontle kwisebe kwakunye necandelo leeNPO kweli phondo. Ikwagxile ekuphuculweni komgangatho wonikezeloo lwenkonzo, ichaza imigangatho yokugqwesa kwenkonzo kune nendlela ekufanele ibekwe esweni izet ilawulwe ngayo.
INdlela yoQinisekiso loMgangatho wamaZiko okuNyamekela abantwana kune noLutsha 2016-2018 (2016).	Lo mthetho ukhuthaza ukuphunyezwa ngokupheleleyo komgaqo wokuqinisekisa umgangatho ogxile ekuthotyelweni kwemithetho yolaWulo, ulawulo oluthobelayo Iwequmirhu kune nokuthotyelwa kobhaliso kune neemfuno zeMimiselo neMigangatho yeSizwe yee CYCC.
IQhinga lePhondo leNtshona Koloni lokuBonelelwa kwamaZiko ononophelo IwaBantwana noLutsha (CYCCs) (2016).	Eli qhinga lilawula ukunatyiswa okwaneleyo kweendawo zokuhlala zabantwana ngokusebeniza iiCYCC's kulo lonke ixesa lokhathalelo kune neenkqubo ezifanelekileyo ezisekelwe kumaziko kulo lonke iphondo, ngokuhambelana neemfuno ezithile zePhondo, iimeko, ulwabiwo lohlahlo Iwabiwo-mali kune nokufumaneka kweziseko zophuhliso.
IsiCwangciso-nkqubo seQhinga soKutya neSondlo kumaKhaya oRhulumente weNtshona Koloni (2016).	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga loKhuseleko loKutya neSondlo eNtshona Koloni esijolise kwiintstilelo ezithile kwinkqubo yangoku yokutya ukuqinisekisa ukuba inceda bonke abahlali baseNtshona Koloni. INkqubo-sikhokelo yoBuchule ichaza iziphumo kune neenjongo ezinxulumanisa iinkqubo zokuncitshiswa kwendlala nokuphuculwa kwempilo, isondlo, kune nemveliso ukuxhasa bonke abantu abahlala eNtshona Koloni ukuba baphile ubomi obusebenzayo nobunemveliso.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo ngamaLungelo aBantu aBakhubazekileyo (2015).	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lixhasa umkhondo ongundoqo wokufezekisa amalungelo abantu abakhubazekileyo ngokuyilwa koluntu olukhululekileyo nolunobulungisa oluquka abantu abakhubazekileyo njengabemi abalinganayo. Ikhokela kwaye ikhuthaze ukumela abantu abakhubazekileyo. Ichaza ngokubanzi uxanduva noxanduva kusetyenziswa iitsika zeqhinga ezisithoba ezithi zinike abachaphazelekayo uxanduva lokuphelisa ucalucalulo oluthe gqolo Iwenqubo kune nokukhutshelwa ecaleni abafunyanwa ngabantu abakhubazekileyo. Oku kukhokela iDSd yeSebe leNtshona Koloni loPhuhliso IweNtlalo ukuba libonelele ngonikezeloo Iwenkonzo olungenazithintelo, olufanelekileyo, olusebenzayo, olusebenzayo nolulungelelanisiweyo.

UMgaqo-nkqubo	Impembelelo ekusebenzeni kweDSD
IQhinga lokuHlanganiswa kwaBakhubazekileyo nabaphilileyo 2015 -2020 (2015).	IQhinga lokuHlanganiswa kwaBakhubazekileyo nabaphilileyo leDSD yeNtshona Koloni sisicwangciso seqhinga seminyaka emihlanu esikhokhela iSebe ekusebenziseni ukuhlanganiswa njengeqhingga ukukhawulezisa inguqu lweenkxalabo zokhubazeko ukususela kumda ukuza embindini womtsalane kulo lonke unokezelo lwenkonzo yeSebe.
IsiCwangciso seqhinga seSizwe soBundlobongela obusekwe kwiSini kanye nokuBulawa kwabaseTyhini (2020).	Esi sicwangciso sijolise ekuboneleleni ngomgaqo-nkqubo wobuchule obubandakanya amacandelo amanini kanye nenqubo-sikhokelo yenqubo ukomeleza indlela yokusabela elungelelanisiweyo yesizwe kwintlekele yobundlobongela obusekelwe kwiSini kanye nokubulawa kwabasetyhini ngurhulumente woMzantsi Afrika kanye nelizwe. Esi sicwangciso-qhinga sijonge ukujongana neemfuno kanye nemingeni abajongene nayo bonke abantu, ingakumbi abasetyhini kwiminyaka yobudala, ukuziqhelanisa nesondo, ukwabelana ngesondo kanye nesini; kanye namaqela athile afana nabasetyhini abadala, abasetyhini abaphila nokuhubazeka, abafazi abafudukayo kanye nabasetyhini abadlulayo, abachatshazelwe kwaye bachatshazelwa sisibetho sobundlobongela obusekelwe kwiSini eMzantsi Afrika.

## Izigwebo zeNkundla ezifanelekileyo

**INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni/yaseKapa) efaneleke kubantwana abakhubazeke kakhulu okanye nzulu ngengqondo, inombolo yetyala 18678/2007.**

Isigwebo sanikezelwa ngomhla we-11 kweyeNkanga 2010 siyalela urhulumente okokuba anikezele imiqathango efikelelekayo, esemgangathweni, kanye nemfundo yesiseko kubantwana abakhubazeke kakhulu nanzulu ngengqondo. Ukuhambelana nomylelo wenkundla iSebe lenze isibonelelo somvuzo, soqequesho nokuqinisekiswa kwabasebenzi nabamiliseli benqubo yamaziko ononophelo olulodwa. Ngaphezulu, iSebe kufunela libonelele ngenkxaso-mali kulungiselelwa uthutho olukhuselekileyo lwaba bantwana ukuya nokubuya kumaziko.

**INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (ICandelo lePhondo laseGauteng – ePitoli) efaneleke kubantwana abanophazamiseko Iwendlela yokuziphatha ephazamisayo, inombolo yetyala 73662/16.**

Umyalelo wenkundla wenziwa ngomhla wesi-02 kweyeThupha 2018 uyalela amaSebe eSizwe oPhuhliso loLuntu, elezeMpilo nelezeMfundu ukwenza isibonelelo esilungiselelwe unonophelo olulolunye olufanekileyo, iinkonzo zempilo yengqondo, kanye neefuno zemfundo zabantwana abaphazamiseke ngendlela yokuziphatha embi nenzulu. Ikomiti yoququzelelo yeprojekti yamacandelo ahlangeneyo yasekwa ukubeka imiqathango yokulungisa isimo ngokupuhliswa kwendledlana yokugqithiswa komntwana.

**INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (INtshona Koloni) efaneleke kumaxhoba oBundlobongela obusekwe kwiSondo, inombolo yetyala SS17/2017.**


Isigwebo sanikezelwa ngomhla wama-21 kweyeMsintsi 2017 siyalela iDSD yeWCG okokuba inikezele ngkubekwa kweliso kwexesha elide okufanelekileyo, ingcebiso, kanye neenkonzo zononophelo lwakamva kulungiselelwa amaxhoba amatyala esondo. Ukwangezelela, iSebe kufuneka liqinisekise ngento yokuba iiNPO ezinikezelwa ngezi nkondo ze zifumane inkxaso-mali kwiSebe ziyahambelana nezigunyaziso zazo zesivumelwano.

**INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (ICandelo lePhondo laseGauteng – ePitoli) efaneleke kwinkqubo yononophelo Iwesondlo, inombolo yetyala 55477/2020.**

Isigwebo sanikezelwa ngomhla we-12 kweyeNkanga 2020 siyalela amaSebe eSizwe nePhondo oPhuhliso loLuntu ngokunjalo ne-Arhente yoKhuseleko loLuntu yoMzantsi Afrika (SASSA) ukubonelela ngentlawulo eqhubekayo nokulawula imiyalelo yononophelo lokondla ethe yalahlekelwa lilungelo ukususela kweyeNkanga wama-2019 nangaphambili. ISebe leSizwe

loPhuhliso loLuntu (NDSD) layalelwa (kwisithuba seenyanga ezili-12 lomyalelo) ukulungiselela nokuqaliswa kwezilungiso eziyimfuneko kuMthetho waBantwana (2005). Ngaphezulu, nawuphi na umyalelo wokondla othe walahlekelwa lilungelo ngethuba lalo myalelo wenkundla uthatyathwa njengosebenzayo yaye ukho iinyanga ezingama-24 ukususela kumhla womyalelo wenkundla okanye de umntwana ade afikelele kwiminyaka eli-18 ubudala, nawuphi na ofika kuqala. Ukwangezelela, zonke iiDSD zePhondo ziyalelwe okokuba zingenise iingxelo zarhoqo ngekota kwiNDSD eziphathelele kwinkqubela phambili kumba ohambelana nomyalelo weNkundla ePhakamileyo.

## 8. Ubume bombutho<sup>1</sup>



## 9. Amaqumrhu aNika iNgxelo kuMphathiswa/ MEC

Akakho.

<sup>1</sup> Ukususela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022.

## ICandelo B: INgcaciso yokuSebenza

### 1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: iINjongo eziMiselwe kwaNgaphambili

I-AGSA kungoku nje yenza iinkqubo zophicotho-zincwadi kwiinkcukacha zokusebenza ukuze ibonelele ngesiqinisekiso esifanelekileyo ngokokuqunkunjela kophicotho-zincwadi. Isiggibo sophicotho-zincwadi ngomsebenzi othelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili sibandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi, kungekho zinto zifunyanisiweyo zichazwe phantsi kwestihloko seNjongo eQinisekisiweyo kwiNgxelo yezinye icandelo leemfuno zomthetho nezolawulo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Jonga kwiphepha le-151 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe kwiCandelo E: INgcaciso yeMali.

### 2. Uvavano lokuSebenza kweSebe

#### 2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo

ICOVID-19 ibe nempebelelo ebonakalayo kuqoqosho kune noqoqosho lwentlalo kuluntu olusetyenzelwa liSebe. Ukusabela, isiCwangcisa soVuselelo seNtshona Koloni, esilungelelaniswe kumiliselo IweQhinga lePhondo leeNdawo eziShushu, sinikezela ngesikhokheleo ekubekweni phambili kweenkonzo ngeli thuba siqinisekisa ngokhuselo lwabasebenzi nabaxhamli.

Abemi baseNtshona Koloni baqikelelwa kwi-7.2 yezigidi ngo-2022<sup>2</sup>, eziqulethe amakhaya angaphezulu kwezigidi ezi-2 ezinomndilili wobukhulu bemizi yamalungu asi-3.4. Phambi kokuvalwa ngci kwayo yonke into, umlinganiselo wentswelo-ngaresho kwiPhondo ungama-20.9 eepesenti. Ukwanda kukungakhangelwa kwabangasebenziyo abangaphangeliyo ukuya kwaphawulwa kwesi sithuba sifanayo. Xa kuthatyathwa inkcazeloyeyandisiweyo yentswela-ngaresho, equka ukungakhangelwa kwabantu abangaphangeliyo, intswela-ngaresho ikhule ukusuka kuma-24.8 eepesenti kwikota yokuqala yowama-2020 ukuya kuma-30.4 yeespesenti kwikota yesine yowama-2021<sup>3</sup>.

Ilahleko yemisebenzi kune nokukhula kwentswela-ngaresho ngexesha lokuvalwa ngci kwayo yonke into kwandisa umngcipheko wokungabikhoi kokutya kune nendlala kwimimandla yePhondo ekuMasipala oMbacha kune nengekho kuMasipala oMbacha, apho uninzi lwamalungu amakhaya engakwazi ukuzondla ngokwawo kune neentsapho zabo. Amakhaya eNtshona Koloni anofikelelo olunganelanga kukutya anda aya kutsho kwi-13.6 eepesenti ngowama-2020<sup>4</sup> ukususela kwiipesenti ezili-10.4 ngowama-2019<sup>5</sup>. Kwangokunjalo, amakhaya anofikelelo olungenele kakhulu kukutya kwande kutshi kwiipesenti ezili-10.1 lusuka kwi-7.4 kwangesi sithuba sinye. Ukusabela koku, iSebe liqhubekile nokubonelela ngokutya kubaxhamli ekujoliswe kubo kwiindawo zalo zokutya kune neeCNDC, inkxaso kumakhitshi oluntu kune nothelelwano neeNPO kune noMasipala waseDrakenstein ukuze kuqwalaselwe ukunqongophala kokutya konyaka ophelileyo. Imiqathango yokuvalwa ngci kwayo yonke intoibe nempebelelo embi ngokunjalo kwikhono lwabangenawo amakhaya okokuba bafikelele kwiinkonzo ezikhoyo zeendawo ezikhuselekileyo. ISebe liqhubekile ukusebenzisana noMasipala weSixeko saseKapa kune noMasipala waseDrakenstein ekuboneleleni ngenxaso kwezi ndawo zikhuselekileyo zethutyana, ukugcina ukwandisa kweendawo zokulala kwiindawo zokuhlala ezifumana inkxaso-mali kune nokubonelela ngenxaso yengqondo nentlalo-ntle kune neenkonzo zokuhlanganiswa kwabantu abadala abangenamakhaya neentsapho zabo.

<sup>2</sup> Statistics South Africa, 2021. UQikelelo IwaPhakathi eNyakeni IwaBemi MYPE 2021

<sup>3</sup> South African Police Service (SAPS), 2021. iINkukacha zoLwaphulo-mthetho kwiKota yesine ku: 2021.

<sup>4</sup> Statistics South Africa, 2021. UPhando IweKhaya ngokuBanzi lowama-2020.

<sup>5</sup> Statistics South Africa, 2020. UPhando IweKhaya ngokuBanzi lowama-2021.

ICoVID-19 ibe nempembelelo ngokunjalo ebonakalayo kwimpilo-ntle nokomelela kweentsapho, njengoko ibonakalisiwe kukunyuka ukuphawulweyo kwibango leenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo ukususela kunya-mali ongaphambili. Okuyinkxalabo yimpembelelo yeCOVID-19 nemiqathango yokuvalwa ngci kwayo yonke into kubantwana. Uqikelelo lwabantwana abazigidi ezi-2 zabantwana<sup>6</sup> abaphakathi kobudala beminyaka engu-0 kanye neminyaka eli-17 abahlala eNtshona Koloni, abenza malunga nesinye kwisithathu kubemi. Kwiqela elibudala busuka ku-0 ukuya kwiminyaka emi-4, iphondo linabantwana<sup>2</sup> abamalunga nama-583 728. Abantwana abakwimimandla yePhondo esesichengeni kakhulu nabangakhathalelwanga bajamelene nomngcipheko omkhulu wokuphathwa gadalala nobundlobongela, njengoko kubonakalisa kukubulawa kwabantwana<sup>7</sup> kanye neendlela zokuxhatshazwa ngokwesondo<sup>8</sup>. Ukuba sesichengeni kwaba bantwana kuye kwanda ngenxa yokuhula kokunqongophala kokutya kumakhaya<sup>9</sup>, okukhokelela kumngcipheko ophezulu wokungakhathali kwabantwana, ukungondleki kanye nokungahoywa, xa kuthelekiswa nexesha elingaphambi kweCOVID-19. Omnye umngcipheko ebantwaneni kukungaxelwa kade kwamatyala abantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko ngenxa yokuvalwa kwezikolo nee-ECDs ngexesha lokuvalwa ngci kwayo yonke into. ISebe liphumeze isigunyaziso salo ngokumalunga nokhathalelo nokhuseleko lwabantwana kwaye laphucula amandla alo ngolungelewaniso loThintelo kanye neenkonzo zoNgenelelo kwaNgethuba (PEI) kusetyenziswa inkqubo ehlanganisiweyo iRisiha (eyaziwa njenge-Isibindi), eequalthe iDrop-in-Centers, amaziko eASC kanye namakhonco enqubo iRisiha, kanye nophuhliso lokomelela ngokugcinwa kosapho kanye neenkonzo zokomeleza.

INtshona Koloni likhaya kulutsha oluzizigidi<sup>10</sup> ezi-2.4 oluphakathi kweminyaka eli-15 nama-34 ubudala. Intswela-ngqesho, izifo zentlalo (ezifana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kanye nemisebenzi enxulumene namaqela emigulukudu), ifuthe elibi lamanyathelo okuvalwa ngci kwayo yonke into kwinkqubo yemfundo, namathuba amancinane engqesho anyiniweyo kanye noqoqosho olubuthathaka loMzantsi Afrika, luqhubelekile ukuba nefuthe elibi kweli qela.

Le miba yomngcipheko ichaphazela impilo-ntle yolutsha kwiphondo kwaye ibethelela ukubaluleka kokugxila kweSebe kuphuhliso lolutsha ngokubonelela ngezakhono, uqequesho kanye namathuba ophuhliso lomntu siqu, okuya kubandakanya uqequesho lwe-intanethi kanye nokuchazwa kwemisebenzi yolutsha oluzimasa ii-Youth Cafés. Ngaphezulu, i-EPWP yinkqubo yongenelo engundoqo ejolise ekuboneleleni ngoqequesho lwezakhono kanye noncedo lwengeniso ngokusetyenziswa komsebenzi wexeshana kwabangasebenziyo – ukuya kwisithuba esiphakathi, ngokuyilwa kwamathuba omsebenzi angama-2 123 kwicandelo leNPO.

Ulutsha olungquzulana nomthetho luyinkxalabo engundoqo yePhondo, ingakumbi ulutsha olubandakanyeka kulwaphulo-mthetho olunobundlobongela. Izikhululo zamapolisa ezsibhozo kweli phondo zifikwe kuluhlu lwezikhululo ezingama-30 ezhamba phambili elizweni ngeengxelo zokubulala kwikota yesibini yowama-2021/22, kanye nezokwenzakalisa ezsithoba. Uninzi lwezi zikhululo zamapolisa zikuMasipala oMbaxa waseKapa<sup>11</sup>.

Ngokubhekiselele kuBantu abaDala, INtshona Koloni iqikelela okokuba inabantu abasele bekhulile abangama-770 847 ababudala buyiminyaka engama-60 nangaphezulu (ngowama-2022), abazipesenti ezingama-58 kubo ngabasetyhini. Oku kuthelekelewa okokuba kuya kukhula kuyo

<sup>6</sup> Statistics South Africa, 2022. UQikelelo IwaPhakathi eNyakeni IwaBemi MYPE 2021 Ubudala obunye siSithili seWC 2011-2031 Beta.

<sup>7</sup> ISebe loPhuhliso lweNtialo (DSD), 2019. Uhlahutyo lwangaPhakathi lweeNkukacha zokuGqwethwa koMntwana zeSAPS eNtshona Koloni 2013-2018.

<sup>8</sup> ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2018). UVavanyo lweeNkonzo zeNkxaso yeNgqondo yeNtialo, ezixhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu, kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngokweSondo kumaziko akhethiweyo eThuthuzela eNtshona Koloni. Ingxelo yangaphakathi ihlanganiswe nguPetro Brink kanye noFaheemah Esau.

<sup>9</sup> ICandelo loPhando, uLawulo IwaBemi kanye noLwazi (2020). Ngaba indlala iyakhula ngenxa ye-COVID-19? - Amava eDSD. Ingxelo engapapashwanga.

<sup>10</sup> Statistics South Africa, 2021. UQikelelo IwaPhakathi eNyakeni IwaBemi MYPE 2021.

<sup>11</sup> South African Police Service (SAPS), 2021. liNkukacha zoLwaphulo-mthetho kwiKota yesiBini 2021/22.

kutsho kwi-1 084 180 ngowama-2031<sup>12</sup> yaye liya kuphinda-phindwa kathathu, liyo kutsho kwi-2 044 461 ngowama-2050<sup>13</sup>. Ukufikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni kuBantu abaDala kwisithuba sonyaka odlulileyo kwaququzelelwa ngokubonelela ngamangenelo asekwe kuluntu azimeleyo nokuphila okuncediswayo, ulolongo lwabagulayo, nolufanelekileyo. Umsebenzi ongaphezulu ubandakanya ukuqinisekisa okokuba isidima namalungelo aBantu aBadala ayagcinwa. Ngokuthambekele kukuba sesichengeni okuthile kwaBantu aBadala, iSebe libeke iliso kwimilinganiselo yolwasuleleko IweCOVID ze laxhasa iimigangatho yempilo nokhuselo kumaziko okuhlala kulo lonke iPhondo.

Amangenelo olungiso ukuxhasa aBantu aBakhubazekileyo abandakanya ukuhlanganiswa kwabakhubazekileyo nabaphilileyo, inkxaso, nokukhuthazwa kwamalungelo, impilo-ntle kune noxhotyiso kuoqoqosho lwentlalo lwaBantu aBakhubazekileyo, iintsapho zabo, kune nabanikezel i bololongo ukulungiselela ukuba babe nethuba elilinganayo lokuthabatha inxaxheba kuwo onke amacandelo obomi. Ngethuba lonyaka-mali wama-2021/22, iSebe liqhibile ukubeka iliso imilinganiselo yolwasuleleko IweCOVID-19 yaye lixhase imigangatho yempilo nokhuselo kumaziko okuhlala kune namaziko emini ololongo kulo lonke iPhondo.

Iziganeko zolwaphulo-mthetho ekuhlaleni eNtshona Koloni zisaxhalabis. Inani lamatyala achaziweyo okubulala kweli phondo linyuke ukusuka kuma-2 308 ngowama- 2010/11 ukuya kuma-3 818 ngowama-2020/21 (SAPS, 2021) kune nomlinganislo wesehlo ongama-40.3 (ng-2010/11) nama-54.4 (ngowama-2020/21) kwi-100 000 labemi. Xa kuthelekiswa noku, umlinganiselo wokubulawa kwabantu kwilizwe ngokubanzi linyuke ukusuka kuma-31.3 kwi-100 000 ngowama-2010/11 (amatyala ali-15 983) ukuya kuma-33.3 kwi-100 000 ngalinye (19 846) iimeko) ngowama-2020/21.

Izenzo zolwaphulo-mthetho<sup>14</sup> ngokwesondo ezinxulumene ne-GBV zibalelwa kwi-6.9 yeepesenti (6 456) yezi zenza zolwaphulo-mthetho zonxibelevano konyaka-mali wama-2020/21. Uhlahlelo olongezelweyo lweeNkukacha zamanani olwaphulo-mthetho zeSAPS zonyaka wama-2020/21 lubonisa ukuba umlinganiselo wesizwe lamatyala olwaphulo-mthetho ngokwesondo ungama-78.0 kwi-100 000 labemi (iziganeko ezingama-46 447) ngelixa umlinganiselo waseNtshona Koloni uphezulu kakhulu ungama-92.0 kwi-100 000 (iziganeko ezingama-6 456) zabemi<sup>15</sup>. Kwinqanaba lesizwe, udlwengulo lolona luhlobo luxhaphakileyo lwezenzo zesondo ezixeliweyo, kwaye izehlo ezingama-36 463 zixelwe kuzwelonke ngowama-2020/21. Kwezi, ama-4 439 amatyala esondo kwanikwa ingxelo ngawo eNtshona Koloni. Ukwanda kodlwengulo nge-4.9% kweli phondo ukusuka ku-2018/19 ukuya ku-2019/20 kuyaxhalabisa njengoko indlela yokunika ingxelo kwiminyaka engaphambili ibonise ukuhla kwemeko.

Okunye okuxhalabisayo yingxelo ye-SAPS Crime Statistics (2021)<sup>16</sup> ebonisa ukuba ezona zikhululo eziphezulu kuluhlu lwezikhululo ezingama-30 eziphambili kwilizwe eziphezula ukuxhatshazwa ngokwesondo ziseNtshona Koloni. Ingxelo zokunyuka kwi-GBV, ngakumbi ubundlobongela basekhaya ngexesha lokuvalwa ngci kwayo yonke into, ziqaqambise ukuba sesichengeni kwabasetyhini, ngakumbi kubundlobongela. Ukwanda okumandla kumaxhoba e- GVB afikelela kwinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo-ntle kuye kwaphawulwa ngexesha lokuvalwa ngci kwayo yonke into kwe-COVID-19, xa kuthelekiswa nonyaka-mali odlulileyo. Amangenelo e-GBV aphunyezwie liSebe abandakanya ukuqeshwa ko noontlalo-ntle abanamava kwi-GBV kuzo zonke ii-Ofisi zoMmandla weDSD, ukwandisa ekufumaneni inkxaso yonyango kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngokwesondo, ukusasazwa kooNontlalontle beNPO ukuchonga imimandla eshushu lulwaphulo-mthetho, kune nenkxaso-mali eqhubekayo yeendawo zokuhlala zokhuseleko ezingama-26 kulungiselelwa abasetyhini

<sup>12</sup> Statistics South Africa, 2022. UQikelelo lwaPhakathi eNyakeni lwaBemi MYPE 2021 Ubudala obunye siSithili seWC 2011-2031 Beta.

<sup>13</sup> Statistics South Africa, 2020. UQikelelo lwaPhakathi eNyakeni lwaBemi MYPE 2021 Ubudala obunye siSithili seWC 2011—2050-2020.

<sup>14</sup> SAPS 2021. UQikelelo lwaPhakathi eNyakeni 2020/2021 Ingxelo ihlanganiswe li Candelo loPhando, uLawulo lwaBemi kune noLwazi.

<sup>15</sup> Statistics South Africa, 2020. UQikelelo lwaPhakathi eNyakeni lwaBemi MYPE 2021 Ubudala obunye siSithili seWC 2011—2050-2020.

<sup>16</sup> SAPS. 2021. liNkukacha zoLwaphulo-mthetho kwiKota yesiBini 2021/22.

abaxhatshaziwego kunye nabantwana babo. linkonzo zokuxhotyiswa kwamaxhoba zibandakanya inkxaso elungiselelw amaxhoba athengiselwa isondo, amaxhoba olwaphulo-mthetho lasekhaya nolwesondo, ngokunjalo noqequesho lokuthintelwa kweGBV, ezithe zahlangniswa kwiinkqubo zemfundo yabajali nezoqequesho kunye nezinye iinkqubo kuzo zonke iiCYCC zeDSD.

Ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nakubantwana lusoloko luqhutyelwa phambili kukusetyenzisa gwenxa kweziyobisi. ISebe lunikezele ngoluhlu lweenkonzo zeSUD ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22, kubandakanya uthintelo, ungenelo lwangethuba, unyang, kunye neenkonzo zasemva kololongo ukuqinisekisa ngokhlanganisa kwakhona okufanelekileyo kwabaxhamli kuluntu lweengingqi zavo avela kuzo kunye noluntu ngokubanzi. Liya kuqhubeka ukuxhasa amalinge okulungisa iimpembelelo eziyingozi zeFoetal Alcohol Spectrum Disorder kubantwana nokubonelela iinkqubo zolwazi ezisekwe kuluntu kulungiselelw abasetyhini abakhulelwego. ISebe linikezele ngokunjalo ngeenkonzo zothintel zeSUD kunye nonyang kuzo zpnke iiCYCC zalo laze landisela ezi nkono kwindawo zokhuseleko zeGBV kunye neendawo zokhuseleko zabantu abadala abangenawo amakhaya.

## **2.2 IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelol IweeNkonzo**

Ngenxa yovavanyo ngokutsha oluqhubeckay loMyalelo wesiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelol IweeNkonzo (SDIP) weSebe leNkonzo laRhulumente noLawulo (DPSA), iDPSA ikhuphe ngokusetyenzisa kweSetyhula 1 yowama-2020/21 ngomhla wama-24 kweyoKwindla 2021, yokokuba amasebe esizwe nawephondo ebengadingeki okokuba aphuhlise okanye amkele iSDIP ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22.

## **2.3 Ubume beSebe**

Ukulandelwa kwesibhengezo senguqu kwi-ECD ifuduswa kwiSebe isisiwa kwiWCED ukususela ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022, iqela lomsebenzi elihlangeneyo, lilawule ukhutshelo lwabasebenzi, izibonelelo, kunye nengcaciso yeenkcukacha zamanani nolwazi kwiWCED ukuqinisekiso ngophazamiso olungephi kwicandelo. Umbutho uyile uvavanyo Iwe-ECD yaze iCandelo lePartial Care nalo ngokunjalo lwaqunkunjelwa ze lwavunywa ukuqinisekisa ngokufuduswa kwabasebenzi besuswa kwiDSD besisiwa kwiWCED. Inani elipheleleyo, labasebenzi abangama-58, ii-asethi ababelwe zona ngokunjalo nokuvalelwa kweengxowamali ze-ECD kulungiselelw iMTEF yowama-2022 zakhutshelelw kwi-WCED. ISebe liya kuxhasa ngaphezulu iWCED kwindima yengcebiso kwiinyanga ezintandathu zokuqala zonyaka-mali wama-2022/23.

linkqubo zophuhliso loMbutho zokuphucula ukusebenza kakuhle kobume besebe zibandakanya:

- Ukubekwa kwindawo enye komsebenzi wokuthengwa kweempahla neenkonzo zeSCM kwi-Ofisi eyiNtloko, ngokukodwa iimfuno zabasebenzi ukulungiselela ukubekwa ndawonye komsebenzi; kunye
- Ukulungelelanisa kwezakhiwo zengingqi kunye nemimiselo kunye nemigangatho yomsebenzi kaNontlalo-ntle kunye nabasebenzi benkxaso yolawulo abafunekayo ukuthobela imigaqo kunye nemigangatho.

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22, iSebe livavanyo ngokutsha iSOP lilungiselela ulwakhiwo lomjelo. Izivumelwano zokuhlelw kokhuselo olungakho kunye nomzali owondlayo zachazwa ukuqinisekisa ngokufaneleka kwabantu kunye neziphumo ezilungileyo kubantwana abasesichengeni.

ISebe liqalisile ngokumilisela uMthetho weNgcaciso yoKhuseleko loMntu (POPIA) yaye liya kuqhubeka ngokuqinisekisa ngento yokuba uMthetho ngokunjalo neMimiselo imilisela ngokupheleleyo kwiSebe. IGosa leNgcaciso kunye neGosa eliSekelayo leNgcaciso sele liqeshiwe. IManyuwali yokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso (PAIA) sele ihlaziyiwe ukulungiselela ukubandakanya kwePOPIA, yaye iSebe sele liphuhlise uMgaqo-nkqubo weMfihlelo kunye neSaziso seMfihlalo. Iimvavanyo zempembelelo yengcaciso yomntu ziqaqhutywa ukuchonga nokunciphisa imingcipheko yokhuseleko lweenkcukacha zamanani

nolwazi. ISebe liqhube iphulo lonxibelelwano nolovuselelo ukwazisa nokufundisa bonke abasebenzi ngokuphathelele kwiPOPIA kune nemigaqo-nkqubo ephathelelene nengcaciso yomntu.

## **ULawulo IwezaBasebenzi**

### **Ingqesho kune neZithuba ezingazaliswanga**

ISebe libe nakho ukuzalisa izithuba ezininzi ezingazaliswanga ezixhaswe ngemali eziyinxalenye yesimo esivunyiweyo sombutho weSebe yaye liqueshe abanezidanga zentlalo-ntle abali-145, libaqesha okwethutyana, abo babexhamle kwiibhasari zomsebenzi wentlalo zeNDSD. Amalungu abasebenzi abasisongezelelo kuluhlu lwabasebenzi babe ngumphumela ikakhulu lweenkqubo zohlenga-hlengiso lwangaphambili ezibagele ukuthengiswa kweenkonzo ezingeyomfuneko ezifana ezokucoca nokhuseleko.

ISebe liqalise ezi nkqubo zokuyila iziko zilandelayo ngexesha lomjikelo wokwenziwa komsebenzi lowama-2019/20 owathi wamisa liZiko loShishino ngexesha lomjikelo wokusebenza wama-2020/21:

- UPhononongo loPhuculo lokuSebenza kwee-Ofisi zeNgingqi eziNtandathu; kwaye
- UPhononongo lokuSebenza ngokuPhumeza kweCandelo leSCM.

Le nkqubo ilandelayo yoyilo lombutho iye yaqukunjelwa ngexesha lomjikelo wokusebenza wama-2020/21:

- Ukutshintshelwa komsebenzi we-ECD kwiSebe iWCED kune.
- Ukuphonononga izithuba zoMphathi weNtlalontle kwiNgingqi yoNxweme oluseNtshona kune nezithuba ezongezelelweyo kuMmandla weMetro North.

### **Uqeqesho lwabasebenzi**

Ukubonelelwaa kwamathuba oqeqesho kusele kukokuphambili kwiSebe ukuqinisekisa ngabasebenzi abangamagcisa anekhono elikwinqanaba eliphezulu athi abe nakho ukunikezela ngenkonzo elungileyo kubathengi bethu kune nabaxhamli. Ngenxa yemithetho yeCOVID-19, linani elibaliweyo kuphela labanikezeli boqeqesho ababe nakho ukuhambelana nezithintelo ezibekwe kuqeqesho apho wonke umntu ukwindawo enye okanye kwigumbi lokufundela. Ngenxa yoko, uninzi loqeqesho IweSebe Iwaqhutywa ngamaqonga obuxhaka-xhaka bonxibelelwano.

Ngokumilisewa kwezithetho nemigangatho yophuhliso loluntu, iSebe lichwechwele iYunivesiti yeNtshona Koloni icela uncedo loqeqesho, etho yanikezela amathuba olwakhiwo Iwekhono kusetyenziswa ubuxhaka-xhaka bonxibelelwano, ngaphandle kweendleko, kuphuhliso loluntu kune namagcisa enkonzo yentlalo. La mathuba ajolse kuBungakanani kune nokuSebenza koPhuhliso loLuntu, iMbonakalo yoLuntu, uPhuhliso IweNgqiqo yeYantlukwano kune neMfundu yoPhuhliso loLuntu.

Ezinye iinkqubo zokufunda ezikwi-intanethi ezinikezelwe kumagcisa enkonzo yentlalo nakubasebenzi abaxhasayo kubandakanya waBantwana; ukuGcinwa koSapho; ukuBhalwa kweNgxelo yeNkundla; iKhawudi yeeNqobo eziseSikweni ezilungiselelwwe ooNontlalo-ntle; iZihobo eziHlaziyiweyo zoLawulo kwiNtlalo-ntle yoLuntu elungiselelwwe ooNontlalo-ntle; uLwazi loBuqhophololo; iMfundu yeMali; iNkqubo esisiNyanzelo yokuMisewa esikhundleni kune nokuMisewa kwiNkonzo kaRhulumente; uPapasho IweNtlalo; uLawulo IweSivumelwano; Ukhuselo IweNgaciso yoMntu; kune neMpilo eNgqeshweni noKhuselo.

ISebe labelwe iibhasari zabasebenzi abangama-52 kwimimandla eyodwa, aphi kukho ukunqongophala kwezakhono kukhoyo, ezizezi, ulolongo lokurhurha, izifundo ngomntwana nezosapho, iinkonzo zokulingwakunye nezenkundla zomsebenzi wenkundla. Ngaphezulu iibhasari zololongo zabarhurileyo ezili-18 zanikezelwa kabantu abangaphandle kweSebe ukwandisa ukufumaneka kwamagcisa aqinisekisiweyo kulo mmandla.

## Ubume betheknoloji

ITheknoloji idlala indima ekhulayo ekusebenzeni ngokufanelekileyo kwemibutho. Nangona kuncitshiswe uhlahlo lwabiwo-mali, iSebe libeke phambili ukumiliselwa kweenkqubo okokuba zihlala ziphambili kupuhliso lwetheknoloji ze lamilisela iinkqubo ukuphucula ukufumaneka kolawulo lwengcaciso. Nangona ukupuhliswa kweNkqubo yoLawulo lweNPO sele lugqityiwe, ayikamiliselwa ngokupheleleyo njengoko uhlolo lwenkqubo kuvelise imiba yenqubo yoshishino engekalungiswa ngokwakaloku nje. ISebe liqhubile ngokuqalis ngoqequesho lwayo lweNkqubo yoLawulo lweNPO nesicwangciso somilisel, ngokusungula ukuzinizia ukulungiselela ukwandiswa kokusebenza kakuhle.

ISebe liqhubile ukutshatshelisa ukusetyenziswa kwenkqubo yoLawulo lokuQulathiye kwe-Elektroniki ukuqinisekisa ngento yokuba iirekhodi zalo zifumaneka lula kubasebenzi. Imilisele ngokunjalo isakhelo seemvume soLawulo lokuQulathiye kwe-Elektroniki kwiSebe ukuqinisekisa ngohambelwano nePOPIA; lungise umgaqo-nkqubo walo wotyikityo lwe-elektroniki ukuqinisekisa ngokuthotyelwa kobume obuguqukayo beCOVID-19 nokubekwa phambili kweenkqubo zekhompyutha kulungiselela ukutshintshwa kwazo ukulungiselela uhlaziyo lweWCG isiya kwinkqubo iWindows 10.

ISebe lilugcine ngempumelelo uthungelwano lilungiselela abasebenzi balo abasebenza phambili kune nee-ofisi ezngaqhagamshelwanga ngokusetyenziswa kwebroadband ngesisombululo sayo se-e-Mobility. Isivumelwano noVodacom siphelelw ekupheleni kukaTshazimpuzi 2021. Kwangenwa kwsivumelwano esitsha noCell C ngokuhambelana neSivumelwano esitsha esiNqamlezileyo seCandelo loLawulo-mali leSizwe RT15 2021 saze saqaliswa apha enyakeni. INDSD iqalis iinkqubo ezifana neNkqubo yoLawuloloLingo lweTyala enomsebenzi wesaziso sendawo yokuqukumbela ethi idinge uthungelwano lunye neenkukacha zamanani. I-e-Mobility yeSebe iyasetyenziswa ngokunjalo kule nkqubo, ingakumbi kumsebenzi owenziwa emve kweeyure zomsebenzi – njengoko kusoloko kuba njalo kumagosa olingo.

Ukukhusela iinkukacha zamanani esebe, iinkqubo zekhompyutha ezaziwa njenge-InTune encryption iqhutyiwe ukumiliselwa kuzo zonke iikhompyutha zabasebenzi, ingakumbi ilaptop. Oku kuya kwenza ngokunjalo okokuba iikhompyutha ingabinalo ixabiso kumasela. Iprojekti ye-InTune iqalis ngesithuba sokuggibela sonyaka-mali sowama-2020/21 yaye iya kuqunkunjewa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Kulungiselela ukuqinisekisa ngempumelelo yale projekti, iSebe liqalise ngokunjalo ngenkqubo yokuqinisekisa okokuba zonke iikhompyutha zabasebenzi ezhlaziwelwe kuWindows 10, zibekelwe phambili ekubeni zitshintshwe zibe nenkqubo i-Office 365, eyimfuneko ephambili kukufakelwa kwe-InTune. lihompyutha zabasebenzi kune nee laptop ezingahambelaniyo noWindows 10, zibekelwe phambili okokuba zitshintshwe. Okokugqibela, iSebe liqhubile ngokunikezelwa ngofikelelo kuqequesho lwetheknoloji yonxibelelwano lwengcaciso nolwakhiwo lwezakhono kubasebenzi, kubandakanywa ukunelela ngoqequesho lwenkqubo ye-intanethi yomsebenzisi wokugqibela.

## 2.4 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ophambili neenguqu zomthetho

Alukho.

### 3. Isifezekiso seeMpembelelo zeZiko kune neZiphumo

Inkqubela phambili yeSebe ngokubhekiselele kufezeke lokjoliswe kuko kweminyaka emihlanu ngokuhambelana nemigqalisela yeziphumo:

Iziphumo	IMiqqalisela yesiPhumo kune nenkqubela phambili
<b>Eyona nto iphambili kwiDSD</b>  Abantwana kune nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	<b>1.1 Inani labantwana, abazali babo, abanikezeli bononophelo, kune namalungu osapho afikelelekayo kwintlalo-ntle, inkxaso yosapho, ulolongo lomntwana nokhuseleko neenkonzo zokubuyisela esimeni sangaphambili ngonyaka.</b>  <b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seqhinga:</b> Okujoliswe kuko liSebe kusasele kubonelelo lweenkqubo ezhlangeneyo zokomelelzwu kosapho nokudityaniswa kwakhona okunyamekele ekwakhiweni kweentsapho ezomeleleyo. Ezi nkqubo

Iziphumo	IMigqalisela yesiPhumo kanye nenkqubela phambili
	<p>zibandakanya inkxaso kubantu abadala abangenawo amakhaya, eziya kwandisa inani leendawo zokulala nokuqeshwa koonontlalotle kwindawo zokhuseleko ezixhaswa ngemali.</p> <p>Ngaphezulu, inkqubo esekwe kwiwebhu yoLolongo loKondla incede ekuphuculeni ukusebenza ngokufanelekileyo kolawulo lolongo lokondla. Inkqubo inikezela ngezaziso zangethuba zokuphelelwa komyalezo wenkundla, inceda amagcisa enkonzo yentlalo okokuba asungule kwangethuba izicelo zokwandiswa kwexesha.</p> <p>linkqubo eziHlanganisiweyo zoLolongo loKondla zinikezele ngololongo lwethutyana kanye neenkonzo zenkxaso kubantwana, abaminyaka ingaphezulu kubudala be-18, abaphuma kwinkqubo kanye benezakhono eziyimfuneko zokuphila ngokuzimela.</p> <p>ISebe liyaqhubeke ngesibonelelo sothintelo nokhuseleko olusekwe kuluntu lwabantwana nololongo lolutsha kanye neenkonzo zongenelo zangethuba, ezifana ngnkqubo yeRisiba. Ukumiliselwa kwale nkqubo kwanikezelwa ziCYCW eziqeqlikileyo kwiningqi yoluntu ahlala kuyo.</p> <p>Ukuncedisa kwisigwebo seNkundla ePhakamileyo yeNorth Gauteng, amaSebe eNtshona Koloni oPhuhliso loLuntu, eMpilo neMpilo-ntle kanye neMfundu, aseke iqela lomsebenzi eliqulunqwe ngamacandelo amaninzi, akhokhelwe yiDSD ukulungisa nokunikezelwa abantwana abakhubazeke ngengqondo ngololongo olufanelekileyo neenkonzo zokhuseleko.</p> <p>Ukuvulwa kweendawo zokhuseleko ezangozelelelweyo ezisebenza ngokupheleleyo zeGBV ngowama-2021/22 kwandise ukusasazeka nokubakho kweenkonzo zenkxaso zengqondo nentlalo ezungiselelw amaxhoba okuthengisela isondo, ubundlobongela besondo kanye nezithuba ezikhuseleleyo ezungiselelw abasetyhini ingakumbi abasemaphandleni. Ngaphezulu, iinkonzo eThuthuzela Care Centre zaqiniswa ngokuqeleshwa konoontlalo-ntle kanye nabasebenzi benkxaso yoluntu kwingcebiso yokwenzakala kanye neenkonzo zenkxaso eyodwa kumaxhoba angabantu abadala.</p> <p>linkonzo zonyango zeSUD ezisekwe kuLuntu nezisekwe kwisikolo zandiswa kwimimandla yasemaphandleni. Ezi nkonzo zabekwa phambili zaze zanikezelwa abathengi ngofikelelo kuluhlu lweenkonzo zongenelo lwangethuba.</p>
	<p><b>1.2 Inani leentsapho kanye/okanye amakhaya afumana uncedo lwentlalo kwimbandezelo kanye neenkonzo zenkxaso yosapho.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seqhinga:</b></p> <p>ISebe liyaqhubeke ukuqinisa iDSD-led Humanitarian Relief Work Stream, ngokusetyenziswa koqeleshwa namathuba olwakiwo lwekhono kanye namagosa eDSD kwiSOP kuNcedo lweNtlalo.</p> <p>ISebe liyaqhubeke ukuququzelela ufilelelo kubonelelo loncedo lwentlekelo yethutyana neyangoku ngohlolo lweepasile zokutya nokuqinisekisa ngokufumaneka kweenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo kubantu kanye namakhaya achatshazelwe yintlekele.</p>
<p><b>OkuPhambili kuKhuseleko lweDSD</b></p> <p>Abantwana kanye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo kanye nolukhethelkileyo olulwa</p>	<p><b>2.1 Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho, ekubhekiselelw kungenelelo loluleko, abalindele ukuxoxwa kwetyala kanye/okanye abagwetyiwego ababonelelw ngeenkonzo eziyimfuneko zokubuyisela kwimeko yesiqhelo (ngoku kodwa ngokoMthetho woBulungisa baBantwana; uMthetho oLungisiwego weeNkonzo zokulingwa).</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b></p> <p>ISebe liqinise iinkonzo zalo zophambuko ngokuququzelela uqeleshwa lwangethuba olingo kwimimandla yembonakalo yomntu, imfundo</p>

Iziphumo	IMigqalisela yesiPhumo kanye nenkqubela phambili
ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.	<p>ngesondo, ubundlobongela kubantu, iindlela zokumelana nesimo kanye nezakhono zobom.</p> <p><b>2.2 Inani lezikolo ezikwiindawo zamapolisa ezili-11 ezisemngciphekweni omkhulu kanye/okanye iindawo zesicwangciso sokhuseleko seWCG apho iDSD kanye/okanye oonontlalotle abafumana inkxaso-mali kwiDSD bachonga, bavavanye, bathumele kwaye balandelele abantwana nolutsha olusemngciphekweni kungenelelo olukhethetkileyo.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b> Imithetho yeCOVID-19 ithintele ukumiliselwa kweenkubo ezikolweni. Ngoko, iinkqubo zinikezelwe ezikolweni ezibini ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22.</p>
Abantwana ukuya kwiminyaka esi-7 ubudala bafumana i-ECD esemgangathweni kwaye abo bafikelela kwiminyaka eli-18 bafumana umgangatho ophezulu we-ASC. <sup>17</sup>	<p><b>3. Inani labantwana kwiPhondo abafumana iinkonzo ze-ECD kanye nezoNonophelo Iwasemva kokuPhuma kweSikolo.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b> Ngokumiliselwa kwesiCwangciso-nkqubo soBhaliso oluneMiqathango, iSebe liqhubile ukunceda nokuxhasa ukubhaliswa nokuyekwa kokubhaliswa kwamaziko ololongo olungaphelelanga kanye neenkqubo ze-ECD. Ukuqaliswa komqulu wovuselelo Iwe-ECD kweyoMdumba 2021 kuququzelele iintlawulo zokunikezelwa kubaxhamli kwiindawo ze-ECD ezili-1 374 kulo lonke iphondo, ukuqinisekisa ngozinzo novuselelo Iwecandelo. Umsebenzi we-ECD wafuduselwa kwi-WCED ukususela ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022. Ukuqinisekisa ngenguqulelo engenamagingxi-gingxi yalo msebenzi nokunciphisa uphazamiseko, abasebenzi, izibonelelo, kanye nengcaciso yeenkukacha zamanani zakhutshelelwa kwiWCED. I-ASC ngoko isele iluxanduva IweDSD yaye yaqhube ka ngokunikezela ngeenkonzo ezibalulekileyo kabantwana abasekubudala bokuya esikolweni.</p>
ABantu abaDala abahluphekileyo, abasesichengeni baphila ubomi obusempilweni kubume obukhuselekileyo, obukhuselweyo nobuxhasayo.	<p><b>4. Inani labantu abadala abasesichengeni abaxhamla kwiinkonzo zophuhliso Iwentlalo-ntle yoluntu.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b> Ukuqiniswa kololongo olusekwe ekhaya luqinisekisa ngento yokokuba aBantu abaDala abagulayo kuluntu bafumana inkxaso efanelekileyo, efana nololongo lomntu, ukonganyelwa kwamayeza onyango, iinkonzo zokuhlanjwa nokucoca kanye noboneleo Iwemihla yonke nokunikezelwa kwezondlo ngabalolongi abaqeqeshiweyo abasekwe ekhaya. Ukuqinisekisa ngololongo oluqhube kayo, inkxaso nokhuseleko IwaBantu abaDala, iSebe libeka iliso kuhambelwano nemithetho yempilo nokhuseleko IweCOVID-19 kumaziko okuhlala.</p>

<sup>17</sup> Isiphumo esifakelwe izilungiso emva kwexesha elidlulileyo kusetyenziswa isiHlomelo A sesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka ka-2021/22.

Iziphumo	IMigqalisela yesiPhumo kanye nenkqubela phambili
abantu aBakhubazekileyo kanye neentsapho zabo kanye/okanye abanikezelu bololongo baphila ubomi obusempilweni kubume obukhuselekileyo, obukhuselwego nobuxhasayo.	<p><b>5. Inani labantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo kanye/okanye abanonopheli abaxhamla kwiinkonzo zophuhliso lwentlalo-ntle yoluntu.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b></p> <p>Ngokusetyenziswa kweentlanganiso ezbanjwa rhoqo kanye namathuba oqequesho, iSebe liqhubekile ngokuxhobisa amahlakani alo onikezelu lwenkonzo ukwandisa ikhono lamagcisa enkonzo yentlalo okokuba alolonge yaye axhase aBantu aBakhubazekileyo, La mathuba okwakhwa kwekhono abandakanyive kumiliselo lweQhinga lokuhlanganiswa kwaBantu aBakhubazekileyo nabaphilileyo, ngokusetyenziswa koqequesho kanye namathuba okunikezelwa kolwazi aqhutya liSebe ukuqinisekisa ngokuhlanganiswa nangofikelelo kwiinkqubo nento yokokuba iinkonzo zibandakanya aBantu aBakhubazekileyo.</p>
abantu abasesichengeni banenkxaso yesondlo.	<p><b>6. Inani labantu abasesichengeni abafumana inkxaso yesondlo.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b></p> <p>Ngokusetyenziswa kwaMangenelo oNcedo lokUTya eCOVID-19 eSebe, izidlo eziphekiweyo kanye neepasile zokutya zifikelele kubantu abangama-270 802. Oku kubandakanya izidlo eziphekiweyo kumakhitshi oluntu, axhaswa liSebe ngosetyenziswa kweevawutsha kanye nokutya okomileyo, ngokunjalo neepasile zokutya, ezifikelele kubaxhamli abafanelekileyo abangama-96 500. Ngaphezulu, abaxhamli abangma-13 102 banikezelwa izidlo eziphekiweyo kwiCNDC ezixhaswa ngemali lisebe.</p>
Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilo-ntle yalo.	<p><b>7. Inani lolutsha olufikelela kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono zolutsha.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b></p> <p>ISebe liqinise uqequesho lwalo lwe-intanethi kanye neenkqubo zokufundisa eziqinisekisiweyo, ezifikelelwu lolutsha olungama-12 615 kwiiKhefi zoLutsha ezisekiweyo ezili-12 kanye nemibutho esekwe kuluntu kulo lonke iphondo.</p>
Ulawulo oluphuculweyo lwequmrhu kanye nonikezelu lwenkonzo.	<p><b>8. Uphicotho olungenaziphene olufunyenweyo kunyaka-mali ophela kweyoKwindla wama-2025.</b></p> <p><b>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga:</b></p> <p>Umsebenzi wokugqibela uxhomekeke kwisiphumo sophicotho-zincwadi (kweyeKhala 2022).</p>

## 4. INgcaciso yokuSebenza kweNkqubo yeZiko

### 4.1 INkqubo 1: ULawulo

#### Injongo

Le nkqubo ifaka iinkonzo zolawulo lweqhinga kunye nenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe okt. kwiPhondo, kwiNgingqi, kwiSithili nakwinqanaba leQumrhu/leZiko.

**Qaphela:** Iziko leeNkonzo zeQumrhu (CSC), eliphantsi kweSebe leNkulumbuso (DotP), libonelela ngeenkonzo zenkxaso yoLawulo lwezaBasebenzi kwiSebe.

#### INkquyana

- 1.1. I-Ofisi yeMEC
- 1.2. liNkonzo zoLawulo lweQumrhu Corporate Management Services
- 1.3. ULawulo lweSithili<sup>18</sup>

#### IZiphumo

Ulawulo lwequmrhu eliphuculwego kunye nonikezelo lwenkonzo.

---

<sup>18</sup> Ishloko uLawulo lweSithili sichazwa ngokuhambelana yesakhelo seSizwe soHlahlo Lwabiwo-mali. Ngoko, i-DSD yeNtshona Koloni iseenza ngokusebenza ii-ofidi zengingqi.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezizekiso ezizizo

INKquyana 1.2 liNkonzo zoLawulo lweQumrhu								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22	Izizathu zonxaxho
Uphuculo lolawulo lolawulo lwequmrhu nonikezelo lwenkonzo.	Ulwakhiwo lwezakhono lonontlalo-ntle kunye namagcisa anxulumene noko.	1.2.1.1 Inani lamangenelo oqequesho omsebenzi wentlalo kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalo.	29	29	29	29	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.
		1.2.1.2 Inani leebhasari ezinikezelwego.	N/A	146	109	86	-23	Inani labafumene ibhasari ngaphakathi lancitshiswa ngenxa yokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali.
	Oonontlalo-ntle abaqeshwa yiDSD.	1.2.1.3 Inani loonontlalontle abaqeshwe yiDSD kulo nyaka-mali. <sup>19</sup>	N/A	948	876	961	85	Abanezidanga abangezelelwego bomsebenzi wentlalo baqeshwa ngethutyanza elisigxina ukuze bafezekise izigunyaziso zabo zebhasari.

<sup>19</sup> Lo mgqaliselo unxulunyaniswe kumgqaliselo weMTSF "INani lamagcisa enkonzo yentlalo kwinkonzo karhulumente".

<b>INkqutyanana 1.2 liNkonzo zoLawulo lweQumrhu</b>								
<b>Iziphumo</b>	<b>Imiphumela</b>	<b>Imigqaliselo yemiphumela</b>	<b>UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20</b>	<b>UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21</b>	<b>Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22</b>	<b>Izifezekiso ezizo 2021/22</b>	<b>Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22</b>	<b>Izizathu zonxaxho</b>
Uphuculo lolawulo lolawulo lwequmrhu nonikezelo lwenkonzo.	Isibonelelo esisebenzayo nesifanelekileyo sophuhliso lwentlalo nonikezelo lwenkonzo.	<b>1.2.1.4</b> Ipesenti yenkcitho ngokunxulumene nohlahlo lwabiwo- mali olwabiweyo lweDSD.	N/A	0.5% lyantlukwano	2% lyantlukwano	0.73% lyantlukwano	-1.27% lyantlukwano	ISebe lichithe iipesenti ezingama-99.27 yohlahlo lwabiwo-mali lwalo.
	Ukukhuthazwa nokukhukhuliswa kweSMME kuthatyatho lwenxaxheba kuthengo lwempahla lukarhulumente.	<b>1.2.1.5</b> Ipesenti yee-invoysi ezhilawulwe kubanikezeli benkonzo beDSD kwiintsuku ezingama- 30.	N/A	99.9%	100%	99.96%	-0.04%	linvoyisi ezili-19 azizange zihlawulwe kwisithuba seentsuku ezingama-30.

<b>INkqutyan 1.2 liNkonzo zoLawulo lweQumrhu</b>								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22	Izizathu zonxaxho
Ukunikezela ngeenkonzo zenkaso zeqhinga ukulungiselela ukukhuthaza ulawulo olulungileyo nokunikezelwa lwenkonzo elungileyo.	<b>1.2.1.6</b> Uluvo loMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ngophicotho-zincwadi lweengxelo zemali kanye nengxelo malunga nokuba luncedo nokuthembeka kwengcaciso yokusebenza exeliweyo.	Uphicotho-zincwadi olungenaziphene	Uphicotho-zincwadi Olungenaziphene	Uphicotho-zincwadi olungenaziphene	Uphicotho-zincwadi olungenaziphene	-	-	-

### Izifezekiso zenkqubo

- Ulawulo olusebenzayo lwezibonelelo zemali lube nesiphumo sokuba iSebe lichithe iipesenti ezili-99.27 lohlahlo Iwabiwo-mali Iwalo lowama-2021/22, kwiqondo leyantlukwano yeepesenti ezi-2.
- Ngesithuba sonyaka ophansi kovavanyo iSebe liqulunge uVavanyo Iweenkqubo eziXhaswa ngeMali yaBazali aBasebenzayo baBafikisayo, njengenxalenyne yesiCwangciso sayo esivuniweyo soPhando noVavanyo.

### Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- iSebe liya kupuhlisa yaye limilisele imodyuli yesibumbelo sokubekwa kweliso kuphicotho-zincwadi Iwangaphambili ukulandela ii-invoyisi ezingekahlawulwa. Olu yilo isekwe kwinxelo eyiyo yokuzibophelela, ebonisa ii-invoyisi ezingekafumaneki kulungiselelwa intlawulo. Le modyuli ijolise ekuqinisekiseni okokuba ii-invoyisi zihlawulwa kwisithuba seentsuku ezingama-30.

## Ukunxulunyaniswa komsebenzi kune nohlahlo Iwabiwo-mali

Inkqubo ichithe i-100 leepesenti ye-R241.891 yezigidi eyabelwe uhlahlo Iwabiwo-mali kunyaka-mali ka-2021/22. INkqubo ichithe iipesenti ezili-99.58 kwisabelo salo sohlahlo Iwabiwo-mali oluzizigidi ezingama-R229.692 sonyaka-mali wama-2020/21. Amawaka angama-R965 angachithwanga abhekiselele kwinkcitho engaphantsi kwiMbuyekezo yaBasebenzi (CoE) ngenxa yokungafunyanwa kwabagqatswa abafanelekileyo kwinkqubo yokufunwa kwabasebenzi, ukunyuselwa kwangaphakathi nokushiya kwabasebenzi ingqesho.

### ITheyibhile G: Inkcitho yenqquyana

IGama leNkqutanya	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
ULawulo	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I-Ofisi yeMEC	7 430	7 430	-	7 091	7 040	51
lNkonzo zoLawulo lweQumrhu	142 641	142 641	-	144 349	144 349	-
ULawulo lweSithili	91 820	91 820	-	78 252	77 338	914
Zizonke	<b>241 891</b>	<b>241 891</b>	-	<b>229 692</b>	<b>228 727</b>	<b>965</b>

## 4.2 INkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu

### INjongo

Ukubonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo zophuhliso Iwentlalo-ntle yoluntu kwabahluphekileyo nabasesichengeni ngentsebenziswano nabachaphazekayo kanye nemibutho yoluntu.

### INkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo neNkxaso

INkqutyana 2.2: liNkonzo eziya kuBantu abaDala

INkqutyana 2.3: liNkonzo eziya kuBantu aBakhubazekileyo

INkqutyana 2.4: INTsholongwane kaGawulayo kanye noGawulayo

INkqutyana 2.5: UNcedo lweNtlalo

### IZiphumo

Abantu abadala abahluphekayo, abasesichengeni baphila ubomi obuxakekileyo kwindawo ekhuselekileyo, ubume obukhuselweyo nobunika inkxaso.

Abantu abaKhukazekileyo kanye neentsapho zabo kanye/okanye abanonopheli baphila ubomi obusebenzayo obukhuselweyo, kubume obukhuselweyo nobunika inkxaso.

Abantwana kanye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kubume obukhuselweyo bosapho.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

INKquyana 2.2 liNkonzo kuBantu abaDala								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22	Izizathu zonxaxho
ABantu abaDala abahluphekileyo, abasesichengeni abaphila ngohlakanipho kubume obukhuselekileyo, obukhuselwego nobunika inkxaso.	linkonzo zololongo zendawo yokuhlala/amaziko ayafumaneka alungiselelwwe aBantu abaDala.	<b>2.2.1.1</b> lindawo zokulala ezixhaswa ngemali kumaziko ololongo lwendawo yokuhlala elungiselelwwe aBantu abaDala.	8 819	5 000	5 000	4 993	-7	Imithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into ayizange ivumelwe ulwamkelo lwabantu abatsha kumaziko okuhlala alungiselelwwe abantu abadala.
	linkonzo zololongo nenkxaso ezisekwe kuluntu ziayafumaneka ezilungiselelwwe aBantu abaDala.	<b>2.2.1.2</b> Inani leenkxaso-mali ezikhutshelwe kwiinkonzozololongo nenkxaso ezisekwe kuluntu ezilungiselelwwe aBantu abaDala.	16 221	16 396	16 400	17 029	629	Ukubekwa phambili kohlahlo lwabiwo-mali kunceda kukhutshelo lwenkxaso-mali eyangezelwego.
	Amaziko ancedisayo kunye nekuhlalwa ngokuzimela akhona alungiselelwwe aBantu abaDala.	<b>2.2.1.3</b> Inani lamagumbi okulala axhaswe ngemali kumaziko ancediswayo nekuhlalwa kuwo ngokuzimela alungiselelwwe aBantu abaDala.	718	740	740	755	15	Ukubekwa phambili kohlahlo lwabiwo-mali kunceda kukhutshelo lwenkxaso-mali eyangezelwego.

## Izifezekiso zenkqubo

- linkonzo zololongo ezisekwe ekhaya zaqinisa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Oku kuqinisekisa okokuba aBantu abaDala bafumana ulolongo nenkxaso ngokusetyenziswa koluhlu olubanzi lweenkonzo ezihlangeneyo ezinikezelwa ngabalolongi abaqeqeshelwe ulolongo olusekwe ekhaya. Ezi nkonzos zibandalanya ulolongo lomntu, ulongamelo lwamayeza, iinkonzo zokuhlanjwa kwempahla nezokucoca kunye nonikezelo lwemihla ngemihla lwezidlo.
- Amagcisa enkonzo yentlalo ali-129 aqeqeshelwa iRejista yesizwe ye-elektroniki yokuXhatshazwa kwaBantu abaDala, kunye nenkubo yomiliselo yephondo eqikelelwayo kulungiselelwa unyaka-mali wama-2022/23. Le rejista iya kusebenza njengendawo esembindini yokurekhoda nokuxelwa koxhatshazo okanye uxhatshazo olurhanelwayo lwaBantu abaDala abasesichengeni ngamagcisa enkonzo yentlalo, njengoko egunyazisiwe ngokwemiqathango yoMthetho waBantu abaDala (2006). Ngaphezulu, irejista ye-elektroniki iya kwangezelela inkqubo yolawulo lwamatyala ngokanekezelwa ngengcaciso yeenkcukacha zamanani kulungiselelwa ukunikezelwa kwengxelo nokuthatyathwa kwamanyathelo afanelekileyo ukukhusela aBantu abaDala kukuxhatshazwa.
- Inkxaso eyangezelelweyo yanikezelwa kumaziko okuhlala ngohlobo lweMithetho yoKhuselo neyoLawulo. Le miqathango ijolise ekuphuculeni iimeko zococeko nokuncitshiswa kosasazeko lweCOVID-19, ngokubekwa kweliso kumaziko okuhlala ukunikezelwa ngohambelwano anezithethe nemigangatho engaongqo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhube ka lithethana namahlakani alo eNPo ngokubekwa kweliso kuhambelwano ukuphucula nokomeleza unikezelo lwenkonzo.
- Ngaphezulu ukunikezelwa ngengcaciso yexesha elililo kuxhatshazo lwaBantu abakhulileyo, iRejista ye-elektroniki yokuXhatshazwa kwaBantu abaDala inakho ukusetyenziswa ngokunjalo ngamagcisa enkonzo yentlalo ukucwangcisa nokulawula iinkonzo zaBantu abaDala.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kune nezifezekiso ezizizo

Inkquyana 2.3 liNkonzo kuBantu aBakhubazekileyo								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantu aBakhubazekileyo kune neentsapho zabo kune/okanye anikezeli bololongo abaphila ubomi bokusebenza kubume obukhuselkileyo, obukhuselweyo nobunenkaso.	Amaziko okuhlala alungiselelw aBantu aBakhubazekileyo ayafumaneka.	<b>2.3.1.1</b> Inani lamagumbi okulala axhaswa ngemali kumaziko ololongo okuhlala kwiiNPO ezixhaswa ngemali kulungiselelw aBantu aBakhubazekileyo.	1 761	1 673	1 674	1 674	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.
		<b>2.3.1.2</b> Inani laBantu aBakhubazekileyo abafikelela kumaziko okuhlala eDSD.	110	119	110	116	6	Ukwanda okuvela kwabathunyelwe yiDoH&W.
	linkonzo kucweyo oluxhaswa ngemali olukhuselweyo zikho kulungiselelw aBantu aBakhubazekileyo.	<b>2.3.1.3</b> Inani lenkxaso-mali ekhutshelwe kwiinkonzo ezinikela ngocweyo lokhuseleko olunikezela ngeenkonzo kuBantu aBakhubazekileyo.	2 950	2 863	2 836	2 958	122	Ibango eliphezulu leenkonzo.

Inkqutyan 2.3 liNkonzo kuBantu aBakhubazekileyo								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantu aBakhubazekileyo kunye neentsapho zabo kunye/okanye anikezeli bololongo abaphila ubomi bokusebenza kubume obukhuselekileyo, obukhuselweyo nobunenkxaso.	linkqubo zololongo lwemini ezisekwe kuluntu ezixhaswa ngemali ziyafulmaneka kuBantu aBakhubazekileyo.	<b>2.3.1.4</b> Inani lenkxaso-mali ekhutshelelwwe kumaziko ololongo losuku asekwe kuluntu alungiselelwwe aBantu aBakhubazekileyo.	971	1 003	1 005	1 054	49	Ibango eliphezulu leenkonzo.
	linkonzo zenkxaso ezizodwa zeNPO exhaswa ngemali zikho ezilungiselelwwe aBantu aBakhubazekileyo, iintsapho zabo nabanikezeli bololongo.	<b>2.3.1.5</b> Inani labanti abafikelela kwiiinkonzo zeDSD zenkxaso eyodwa kwiNPO exhaswa ngemali.	85 519	69 767	91 000	108 419	17 419	Ibango eliphezulu leenkonzo zenkxaso eyodwa ezilungiselelwwe aBantu aBakhubazekileyo, iintsapho zabo kunye nabanikezeli bololongo.

## Izifezekiso zenkqubo

- iSebe liqhubile ukuqinisa nokuxhobisa imibutho yalo exhaswa ngemali ngokuhlangana okuqhutywa rhoqo kune noqequesho kune namagcisa enkonzo yentlalo ukwandisa ngaphezulu ulolongo nenkxaso yaBantu aBakhubazekileyo.
- Ulwazi namalungelo aBantu aBakhubazekileyo luqhubekile lukhuthazwa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Le misitho yokunyuswa kolwazi ibandakanya ukusingwathwa liSebe lomboniso wentetho kunomathotholo ngesithuba seNyanga yoLwazi loKhubazeko, apha isidingo sobandakanyeko nendlela uluntu olungathi luncede ngayo ukususa izithintelo zentlalo nezoluvo, ukuyila uluntu olunengqiqo engaphezulu kune nengqwalasela kwaxoxwa.
- Ngentsebeniswano neBhodi yoPhonongo IweMpilo yeNgqondo kune neMpilo yeNgqondo yaseKapa, iSebe liqhube inkqubo yoqequesho kune nonontlalo-ntle abali-128 ngoMthetho woLolongo IweMpilo yeNgqondo (2002). Lenqubo yoqequesho ijolise kumiliselo loMthetho, ingakumbi ukuzingenisa kokungazithandeli nokusisinyanzelo esibhedlele kune nonyango, nkunikezela ngesikhokhelo kubalawuli abaqeshiweyo nabafanelekileyo babaxhamli bololongo Iwempilo yengqondo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo ellilindelweyo

Alinakusetyenziswa.

### Inkqutyan 2.4: Intsholo kune ne-AIDS

Amangenelo eHIV/ AIDS kune nohlahlo Iwabiwo-mali ahlanganiswe kwinkqubo yoLolongo loMmtwana kune noKhuseleko.

**Iziphumo, imiphumela, imigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo**

Inkqutyana 2.5 UNcedo IweNtlalo								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothi-weyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothi-weyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisi-weyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana nabantu bakhuselekile yaye bahlala kubume bosapho obukhuselekileyo.	limeko zobunzima ezingafanelekanga ezhholiweyo zaze zathunyelwa kwaSASSA ukulungiselela ukufumana uncedo lwezibonelelo zentlalo.	<b>2.5.1.1</b> Inani leemeko zobunzima ezingafanelekanga ezhholiweyo zaze zathunyelwa kwaSASSA ukulungiselela ukufumana uncedo lwezibonelelo zentlalo.	1 637	566	1 242	440	-802	Abaxhamli bakhetha amangenelo oncedo lokutya eDSD kunokuba bathunyelwe kwaSASSA
	Izehlo zentlekele ezhholiweyo ze zathunyelwa kuSASSA ukulungiselela ukufumana uncedo lwezibonelelo zentlalo.	<b>2.5.1.2</b> Inani lezehlo zentlekele ezhholiweyo ze zathunyelwa kuSASSA ukulungiselela ukufumana uncedo lwezibonelelo zentlalo.	1 821	881	1 355	965	-390	Izehlo zentlekele kwanikwa ingxelo ngazo, yaye Abaxhamli bakhetha amangenelo oncedo lokutya eDSD kunokuba bathunyelwe kwaSASSA. Oku kube nomphumela wabantu abambalwa abathunyelwa kwaSASSA.

## Izifezekiso zenkqubo

- ISebe liqhubekile ngokuqinisa uLuhlu loMsebenzi woNcedo wokuZondelelwa kwaMalungelo abantu okhokhelwa yiDSD ngokusetyenziswa koqequesho nolwakhilo lwekhono. Injongo yoqequesho yayikukuxhobisa amagosa eNgingqi yeDSD ngeSOP yoNcedo lweNtlalo, ejolise kwimimandla efana nokusabela kwiintlekele/kwizehlo zobunzima obungafanelekanga nokubonelelwa koncedo lokungcattywa kwabasweleyo. Uqequesho lwaqhutywa namagosa eNgingqi angama-35 ukuphuculwa kwexesha lokusabela kubaxhamli abachaphazelekayo.
- ISebe lamilisela iiNkqubo zalo zokuLungela uBusika kwindingqi nganye ngentsebenziswano kune nezinye ii-arthente zikarhulumente ezininzi ze lenze isibonelelo seenkonzo zomsebenzi wentlalo ojolise ekuhlanganisweni kosapho ngokunjalo ukuthunyelwa kucedo loncedo lwentlupheko yentlalo lwakwaSASSA. Ukusabela kwiintlekele zendalo ezifana nempuphuma nemililo, iSebe linikezelu ngeenkonzo zenkxaso ezifana, ingcebiso yokwenzakala kune nezinye iintlobu zenkxaso yengqondo nentlalo ze laququzelela ufikelelo kukuzondelelwa kwamalungelo oluntu noncedo lokuya xa ludingeka.
- Ukugcinwa kwesidima, impilo-ntle kune nempilo yabasetyhini abasebatsha namantombazana, iProjekti yeSidima yeSishubelo zasexesheni ezipakethe ezingama-999 612 zezishubelo zasexesheni kwizikolo ezingama-223 kulo lonke iphondo kweyoKwindla 2022.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhubeuka ukunxibelelana neSASSA ukulungisa ubunzima obungafanelekanga kune nezehlo zentlekele ezithunyelelwe uncedo lwentlalo yentlupheko kwiPhondo.

## Ukunxulunyaniswa komsebenzi kune nohlahlo lwabiwo-mali

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.3 yesabelo salo sohlahlo lwabiwo-mali esingamawaka ezigidi esi-R1.058 sonyaka-mali wama-2021/22. lingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezisi-R7.839 ezinxulumene nenkcitho engaphantsi kwiMpahla kune neeNkonzo ngokunjalo nee-Asethi eziNkulu. Inkcitho engaphantsi kwiMpahla neeNkonzo ibhekiselele kwiSanitary Dignity Project, kulandelwa ulytiaziseko ekuthunyelweni kwestokhwe ngenxa yempembelelo yokucinywa kombane kuhungulwa umthwalo nokungafumaneki kweepakethe. Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 iSebe livume ulwandiso lweentsuku ezingama-60 oluphela ngomhla wama-31 kuCanzibe 2022 ukulungiselela ukuthunyelwa kwestokhwe esingekathunyelwa. Inkcitho engaphantsi kwii-Asethi eziNkulu yabangelwa lulibaziseko ekuthunyelweni kwezithuthi ezizodwa eziphathelelene nesigunyaziso somthetho esivela kumyalelo wenkundla olungiselela abantwana abakhubazeke kakhulu ngengqondo. INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.55 kwisabelo salo sohlahlo lwabiwo-mali esizigidi ezingama-R996.669 konyaka-mali wama-2020/21. lingxowa-mali ezingachithwanga zezigidi ezi-R4.520 esinxulumene nenkcitho engaphantsi kwiintlawulo zee-Asethi eziNkulu ngenxa yolibaziseko ekuthengweni kwezithuthi ezilungelaniselwe aBantu aBakhubazekileyo.

## ITheyibhile H: Inkcitho yenkqutyanā

IGama leNkqutyanā	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
IINkonzo zeNtlalo- ntle yoLuntu	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo neNkxaso	580 287	580 287	-	523 989	523 989	-
INkonzo kuBantu abaDala	259 544	259 544	-	268 430	268 430	-
IINkonzo kuBantu aBakhubazekileyo	204 743	198 453	6 290	198 715	195 224	3 491
UNCEDO IweNtlalo	13 757	12 208	1 549	5 535	4 506	1 029
<b>Zisonke</b>	<b>1 058 331</b>	<b>1 050 492</b>	<b>7 839</b>	<b>996 669</b>	<b>992 149</b>	<b>4 520</b>

## 4.3 INkqubo 3: Abantwana neeNtsapho

### Injongo

Ukunikezela ngololongo oluhlangeneyo lomntwana nosapho kune neenkonzo zenkxaso kuluntu ngentsebenziswano nabachaphazelekayo nemibutho yoluntu.

### Inkqutyana

- Inkqutyana 3.1: ULawulo neNkxaso
- Inkqutyana 3.2: ULolongo neeNkonzo kuSapho
- Inkqutyana 3.3: ULolongo loMntwana noKhuseleko
- Inkqutyana 3.4: I-ECD kune noLolongo oluNgaphelelanga
- Inkqutyana 3.5: AmaZiko oLolongo loMntwana noLutsha
- Inkqutyana 3.6: iINkonzo zoLolongo eziSekwe kuLuntu zabantwana

### IZiphumo

Abantwana kune nabantu bakhuselekile yaye bahlala kubume bosapho obukhuselekileyo.

Abantwana ababudala buyokutsho kwiminyaka esi-7 bafumana i-ECD esemgangathweni ze abo babudala buyokutsho kwiminyaka eli-18 bafumane i-ASC esemgangathweni.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkqutyana 3.2 ULoLongo neeNkonzo eziya kwiiNtsapho								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile yaye bahlala kubume bosapho obukhuselekileyo.	linkonzo zokuhlanganiswa kosapho ziayfumaneka kwiintsapho ezichaphazeleyo.	<b>3.2.1.1</b> Inani lamakungu osapho ahlanganiswe neentsapho <sup>20</sup> zawo.	598	514	700	602	-98	Imithetho yeCOVID-19 yokuvalwa ngci kwayo yonke into kuthintela oonontlalontle ekutyeleleni, ekuholeni, nasekuluniseni iintsapho ekubeni zamkele yaye zifumane amalungu osapho lwano.
	Amagumbi okulala axhaswe ngemali kwiindawo ezikhiselweyo ezilungiselelw abantu abadala abangenawo amakhaya ayafumaneka kubantu abadala abawadingayo.	<b>3.2.1.2</b> Inani lamagumbi okulala axhaswe ngemali kwiindawo ezikhiselweyo ezilungiselelw abantu abadala abangenawo amakhaya.	1 499	2 031	2 500	2 208	-292	Abe mbalwa amagumbi okulala axhaswa ngemali ngenxa yothethwano oluqhube kayo neendawo ezikhiselweyo.
	linkonzo zokugcinwa kosapho nenkxaso ziayfumaneka kwiintsapho ezichaphazeleyo.	<b>3.2.1.3</b> Inani leentsapho ezithabatha inxaxheba kwiinkonzo zokugcinwa nenkxaso.	21 034	14 471	20 160	19 563	-597	Imithetho yeCOVID-19 yokuvalwa ngci kwayo yonke kube nomphumela wokufikelela kwabaxhamli abambalwa kwiinkonzo.

<sup>20</sup> Lo mgqalisela ubala inani labantu abadala abakwiindawo ezikhiselweyo ezixhaswa ngemali yiDSD ezilungiselelw abantu abangenawo amakhaya abathe bahlanganiswa neentsapho zabo.

## Izifezekiso zenkqubo

- Ukwandisa kweenkonzo zisiswa kubantu abadala abangenawo amakhaya kubandakanye isibonelelo sezithuba zeebhedi ezingama-2 208, kunye nokuqeshwa konoontlalo-ntle abanikezelwa ngeenkonzo zenkxaso yokuhlanganisa kubaxhamli beendawo ezikhuselwego.
- Inkqubo yeRisiha, inkqubo yePEI esekwe kuluntu, enikezele kubantwana abasesichengeni abangama-8 834 abahlala kwiinginqi zoluntu ezhlelelekileyo ezinofikelelo kwiinkonzo zothintelo nongenelelo Iwanethuba olunikezelwa ziiCYCWs ezichongiweyo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- Ukunikezelwa ngemfundo yomgaqo-nkqubo noqequeso konoontlolo-ntle beNPO exhaswa ngemali ukuqinisa iinkonzo zokuhlanganisa nokubandakanya kwiindawo ezikhuselwego ezhungiselelw abantu abadala abangenawo amagama.
- Iintlanganiso zabachaphazelekayo ngokunjalo nokubekwa kweliso okwenziwa kwiziko, kuya kuqhubeka ukunceda amahlakani eNPO ukuqinisa iinkqubo zobuzali kunye neenkonzo.
- ISebe liya kuqhubeka ukuthethana kunye nemibutho yeendawo ezikhuselwego exhaswa ngemali nengaxhaswa ngemali ukwandisa izithuba zeendawo zokulala zethutyana kubantu abadala abasesichengeni abangenawo amakhaya.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkqutyan 3.3 ULolongo loMntwana noKhuseleko								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile yaye bahlala kubume bosapho obukhuselekileyo.	linkonzo zokubekwa kulolongo Iwesondlo ziyafulaneka kubantwana abanesidingo sololongo nokhuseleko.	<b>3.3.1.1</b> Inani Labantwana ababekwe kulolongo lokondliwa.	3 478	2 892	3 206	3 492	286	Ibanglo elandileyo lololongo olulolunye lololongo Iwabantwana.

Inkqutyan 3.3 ULolongo loMntwana noKhuseleko								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile yaye bahlala kubume bosapho obukhuselekileyo.	linkonzo zokuhlanganisa ziyafumaneka kubantwana abachaphazelekayo, iintsapho zabo kunye nabalolongi abangabanye.	<b>3.3.1.2</b> Inani labantwana elihlanganiswe neentsapho zabo okanye abalolongi abangabanye.	352	238	340	280	-60	linkonzo zokuhlanganiswa zintsonkothile ngokubanzi yaye zixomekeke kukulungela neemeko zoqoqosho lwentlao zomzali ongunozala okanye umnikezeli wololongo.
	linkqubo zemfundo yomzali noqoqosho ziyafumaneka kubazali abachaphazelekayo kunye nabanikezeli bololongo.	<b>3.3.1.3</b> Inani labazali nabanikezeli bololongo abathe bagqiba iinkqubo zemfundo yabazali noqequesho.	3 251	1 972	3 230	3 035	-195	Imithetho yeCOVID-19 yokuvalwa ngci kwayo yonke into iminye inani labazali kunye nabanikezeli bololongo abathabatha inxaxheba kwiinkqubo zemfundo noqequesho. Ngaphezulu, ayingabo bonke abazali abaqukumbele inkqubo yoqequesho.

## Izifezekiso zenkqubo

- Inkqubo esekwe kwiwebhu yoLawulo loLolongo loKondla yaqaliswa kulo lonke iphondo kunyaka-mali wama-2021/2022. Le nkqubo inikezela iSebe ngerekhodi yexesha elililo yabantwana abakulolongo lokondliwa, yaye ibandakanya inkqubo yemihla ngemihla yokupaphamisa ethi yazise amagcisa enkonzo yentlalo ngokuphelelwa okukufuphi kwemiyalelo yololongo lokondla.
- Abantu abatsha ababudala bungaphezulu kweminyaka eli-18 abaphumayo kulolongo olulolunye, ukuhlanganiswa kune neenkonzo zasemva kololongo abathathe inxaxheba kulolongo lwethutyana kune neenkqubo zenkxaso. Ezi nkqubo zincede aba bantu batsha banezakhono kune neendlela zokumelana neengxaki zokuziphilela ngokuzimela.
- Ukuphononongwa kweSOP yeeNkonzo zokwakhiwa koMjelo kwaqukunjelwa ukuqinisa ngaphezulu inkqubo esemthethweni yokhuseleko lomntwana ngokulandela bonke abantwana abangenayo, abahanjisa kwiinkonzo zololongo ezizezinye. Uhlaziyo Iwale SOP Iujolise ekucacisweni kwemithetho kune neenkqubo ezinxulumene kwinkqubo yokuhelwa kwabazali abondlayo nokhuselo, ngoko luqinisekisa ukufaneleka kwabazali abanokuba ngabo bokondla kune nokuqinisekisa into yokuba aba bantwana mababekwe kubume obufanele impilo yabo, impilo-ntle kune nophuhliso.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- Inkqubo esekwe kuLawulo loLolongo loKondla iya kunikezela kwiSebe ngeenkukacha zamanani abonakalayo zabantwana abakulolongo lokondla ngokunjalo nophaphamiso lwemiyalelo yololongo lokondla ethe yaphelelwa okanye ukuphelelwa sele kusondele, ukuphucula ukufaneleka, nokuqinisekisa ngololongo oluqhubekeyo olulungiselelwwe aba bantwana.
- ISebe liya kuqhubekeyo linikezela ngamangenelo omsebenzi wentlalo kune neenkqubo ezithi zixhobise yaye zilungiselele abazali ukuhlanganiswa kwakhona kune nabantwana babo ababazalayo.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkquyana 3.4 I-ECD noLolongo oluNgaphelelanga								
Iziphumo <sup>21</sup>	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana abayokutsho kubudala beminyaka esi-7 bafumana i-ECD efanelekileyo kunye nabo babudala boyokutsho kwiminyaka eli-18 befumana i-ASC efanelekileyo.	Amaziko e-ECD axhaswa ngemali.	<b>3.4.1.1</b> Inani leenkxaso-mali ezikhutshelwe kumaziko e-ECD ukulungiselela unikezelo lweenkonzo ze-ECD kubantwana abancinane.	N/A	60 911	60 000	58 538	-1 462	Ukungahambelani okubangelwe kukuyekwa kobhaliso kuge nomphumela kwinkxaso-mali enganelanga ekhutshelweyo.
	Isibonelelo seenkonzo ezizodwa zenkxaso kumaziko e-ECD kunye nezikolo zabantwana abasemngciphekweni wokungafezekisi amanqanaba abo ophuhliso. <sup>22</sup>	<b>3.4.1.2</b> Inani lamaziko e-ECD aphi iinkonzo ezizodwa zenkxaso zinikezelwa kubantwana abasemngciphekweni wokungafezekisis amanqanaba abo ophuhliso. <sup>22</sup>	N/A	79	95	95	-	Ekujoliswe kuko kwafezekiswa.
	Amaziko e-ASC axhaswa ngemali.	<b>3.4.1.3</b> Inani leenkxaso-mali ezikhutshelwe kumaziko e-ASC ukulungiselela unikezelo lweenkonzo kubantwana.	N/A	6 254	6 500	6 587	87	I-ASC enye eyangezelelweyo yabhaliswa yaye kubekho amanqanaba ohambelwano ngokuphathelelene nokuhlaziya.

<sup>21</sup> Isiphumo salungiswa kususelwa ngasemva kusetyenziswa iSihlomelo A wesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2021/22.<sup>22</sup> Umphumela kunye nomgqalisela ulungisiwe ukususa "kunye nezikolo" ngowama-2021/22.

<b>Inkqutyan 3.4 I-ECD nololongo oluNgaphelelanga</b>								
Iziphumo <sup>21</sup>	Imiphumela	Imiqqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana abayokutsho kubudala beminyaka esi-7 bafumana i-ECD efanelekileyo kunye nabo babudala boyokutsho kwiminyaka eli-18 befumana i-ASC efanelekileyo.	Amaziko ololongo olungaphelelanga abhalisiwe.	<b>3.4.1.4</b> Inani lamaziko ololongo olungaphelelanga. <sup>23</sup>	1 708	2 385	1 500	1 727	227	Ukusetyenziswa kwesicwangciso-nkqubo somqathango omtsha wobhaliso sibe nesiphumo kumaziko amaninzi abanakho ukuhambelana neenqobo ezisesikweni zokubhalisa.
	Amaziko e-ECD ahlaziyiweyo.	<b>3.4.1.5</b> Inani lamaziko e-ECD ahlaziyiweyo ngokusetyenziswa koMnikelo onemiqathango yeZibonelelo	N/A	14	50	50	-	Ekujolisweyo kufezekisiwe.

### Izifezekiso zenkqubo

- Icandelo le-ECD lachatshazelwa kakubi ngubhubhane weCOVID-19. Ngezulu kwenkxaso enikezelwe liSebe, ethe yadlala indima enkulu ekugcineni icandelo lizinile, i-NDSD iqalise ngomquli wokuvuselelwa kwe-ECD. Undululwe kweyoMdumba 2021, iintlawulo zomqulu wovuselelo lwe-ECD zensiwa ukunikela kubaxhamli abakumaziko e-ECD ali-1 374 kulo lonke iphondo.
- Inkqubo yonyango ye-ECD inikezele ngobume obukhuselekileyo nobukhulisayo obukhuthaza uphuhliso olupheleleyo lomntwana ukulungiselela ngcono abantwana ababudala buyiminyaka emi-4 ukuya kwemi-6 ukulungiselela ukuba basebenze ngokupheleleyo kubume obuqhelekileyo besikolo. Le projekti iquhubile kulo lonke ixesha likabhubhane ngokwmkelwa kohlobo lonxibelewano oluqhutywa kwiindawo ezininzi lwamangenelo abandakanya okuqulathiweyo kwemfundo okukwi-intanethi nenkxaso kubazali, amaqela onyango kubuso ngobuso, kunye neenkonzo zofikelelo kubazali, amagcisa nabantwana. Inani elipheleleyo Labantwana abali-1 963 lifikelela kumathuba onyango ngokusetyenziswa kwenkqubo.

<sup>23</sup> Kweli nani, malunga ne-10% abhaliswe kumaziko e-ASC ololongo olungaphelelanga.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- Alinakusetyenziswa. Umsebenzi we-ECD usiwe kwiWCED ukususela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022.

### Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezizekiso ezizizo

Inkquyana 3.5 ABantwana kunye namaZiko oLolongo loLutsha								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile yaye baphila kubume bosapho obukhuselekileyo.	linkonzo zendawo yokuhlala yololongo ziayfumaneka kubantwana abadinga ulolongo olulolunye.	3.5.1.1  Inani Labantwana abakwindawo yololongo kwiiCYCC zeNPO exhaswa ngemali ngokuhambelana noMthetho waBantwana.	2 787	2 498	2 880	2 605	-275	Ukubekwa kwabantwana kulolongo olulolunye okanye ukuhlanganiswa kwakhonokunye neentsapho – iindlela ezingcono kubantwana – kubonelele kuncitshiso kwianani Labantwana ababekwe kulolongo kwiiindawo zokuhlala zololongo.
		3.5.1.2  Inani labantwana kwiiCYCC labo ngokuhambelana noMthetho waBantwana.	690	620	500	619	119	Ibango eliphezulu lokubakwa kwabantwanaabanendlela yokuziphatha enomngeni neyonakalisayo abanesidingo sololongo nokhuseleko kwiiCYCC zesebe.

### Izizekiso zenqubo

- Iqela lomsebenzi lamacandelo amaninzi eliqulunqwe ngamaSebe eNtshona Koloni oPhuhliso IweNtlalo, elezeMpilo neMpilo-ntle, neleMfundu, lasekwa ukulungisa iinkonzo ezinikezelwayo kubantwana abanophazamiseko lwendlela yokuziphatha embi kakhulu eyonakalisayo. Eli qela, elikhokhelwa yiDSD, likwinkqubo yokuyila indlela yokuthunyelwa kwabantwana ukuqinisekisa ngokuba aba bantwana bobonelelwya ngofikelelo olufanelekileyo kwimfundu.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- liCYCC ziya kuqhube ka zihambelana nemithetho yempilo nokhuselo IweCOVID-19 yaye ziqhubeke zivumela ukubekwa okungxamileyo kwabantwana abanesidingo sololongo olulolunye kunye neenkonzo zokhuseleko.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kune nezifezekiso ezizizo

Inkqtyana 3.6 liNkonzo zoLolongo eziSekwe kuLuntu ezlungiselelwe abantwana								
Iziphumo	Imiphumela	Iimgqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantu nabantu bakhuselekile yaye baphila kubume bosapho olukhuselekileyo.	Ukuqeleshwa kwabasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha.	<b>3.6.1.1</b> Inani labasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha abafumene uqelesh.	20	8	10	9	-1	I-CYCW e-1 ayizange ibe nokulugqiba uqelesh nje ngko ifumene omnye umsebenzi.

### Izifezekiso zenqubo

- Ngesithuba sonyaka, abangma-23 beCYCW bangenele inkqubo yokuqwalaselwa kokufunda okungaphambili okuncede ukuhlaziya kweziqinisekiso ukususela kwinqanaba lesi-4 leNQF ukuya kwinqanaba lesi-5 leNQF.

### Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kunikezela ngenxaso ngokuphathelele kwinkqubo yeCYCW yokufuna, yokuhlela, kune nokukhetha.

### Ukunxulunyaniswa komsebenzi kune nohlahlo lwabiwo-mali

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-98.6 yesabelo sohlahlo lwabiwo-mali lwezigidi ezingama-R866.207 sonyaka-mali wama-2021/22. lingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezili-R12.549 zinxulumene nenkcitho engaphantsi kokuKhutshelweyo neNkxaso-mali elungiselelwe i-ECD kune noLolongo oluNgaphelelanga ngenxa yokuyekwa kweziqinisekiso zobhaliso nokungabikho kwamaziko amatsha e-ECD anza izicelo zenkxaso-mali. INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.07 kwisabelo sayo sohlahlo lwabiwo-mali esizigidi ezingama-R864.239 sonyaka-mali wama-2020/21. lingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezisi-R8.006 inxulumene nenkcitho engaphantsi kwiintlawulo zokhutshelo nenkxaso-mali ngenx yokungahambelani kweeNPO kukhutshelo lwe-ECD.

**ITheyibhile I: Inkcitho yenkqutyanan**

IGama leNkqutyanan	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali IokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali IokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
Abantwana neeNtsapho	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo neNKxaso	4 533	4 533	-	2 657	2 657	-
ULolongo neeNkonzo kwiiNtsapho	106 385	106 385	-	55 684	55 684	-
ULolongo loMntwana noKhuseleko	222 419	222 419	-	235 220	235 220	-
I-ECD kune noLolongo oluNgaphelelanga	424 212	411 663	12 549	462 021	454 015	8 006
AmaZiko oLolongo loMntwana noLutsha	108 658	108 658	-	108 657	108 657	-
<b>Zizonke</b>	<b>866 207</b>	<b>853 658</b>	<b>12 549</b>	<b>864 239</b>	<b>856 233</b>	<b>8 006</b>

## 4.4 INkqubo 4: linkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo sangaPhambili

### Injongo

Ukubonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo zophuhliso lothintelo lolwaphulo-mthetho ekuhlaleni kanye nokuchasana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwabona bantu basemngciphekweni ngentsebenziswano nabachaphazelekayo kanye nemibutho yoluntu.

### Inkqutyana

Inkqutyana 4.1: ULawulo neNkxaso

Inkqutyana 4.2: UThintelo loLwaphulo-mthetho kanye neNkxaso

Inkqutyana 4.3: UkuXhotyiswa kwexhoba

Inkqutyana 4.4: UkuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo kwiSimo sesiqhelo

### IZiphumo

Abantwana kanye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.

Abantwana kanye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo kanye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.

### Iziphumo, imiphumela, iimigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kanye nezifezekiso ezizizo

Inkqutyana 4.2 UThintelo lolwaphulo-mthetho neNkxaso								
Iziphumo	Imiphumela	Iimigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kanye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Abantu abadala abakungquzulwano nomthetho abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophambuko.	<b>4.2.1.1</b> Inani labantu abadala abakungquzulwano nomthetho abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophambuko.	12 976	4 728	9 734	8 080	-1 654	Ukusebenza kuxhomekeke kukuthunyelwa kwinkundla.

<b>Inkqutya 4.2 Uthintelo lolwaphulo-mthetho neNkxaso</b>								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kanye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Abantu abadala abakungquzulwano nomthetho abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophambuko.	<b>4.2.1.2</b> Inani labantu abadala abakungquzulwano nomthetho abagqibe iinkqubo zophambuko.	8 214	3 345	6 234	5 413	-821	Ukusebenza kuxhomekeke kukuthunyelwa kwinkundla. Imithetho yeCOVID-19 ibe nomphumela wokokuba ibe ngamaqela amancinane athabatha inxaxheba kwezi nkqubo.
Abantwana kanye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bandediswa ngongenelelo ngokwasengqondweni nentla-lontle olulwa ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.	Abantwana abakungquzulwano nomthetho bathunyelwa kwiiNkundla kwaye bathabathe inxaxheba kwiinkqubo zoluleko ezivuniweyo. <sup>24</sup>	<b>4.2.1.3</b> Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho bavavanyiwe.	6 388	3 992	6 520	4 744	-1 776	Ukusebenza kuxhomekeke kwiSAPS nokuthunyelwa yinkundla. Izithintelo zeCOVID-19 ziliphembele kakubi ngokunjalo inani lokuthunyelwa.

<sup>24</sup> Ukuhla kokujoliswe kuko kulungiselwelwa imigqalisela yokondla kulo mphumela kunxulumene kukuhla kancinane kwinani Labantwana ababanjwayo ze bagwetyelwe ulwaphulo-mthetho yiSAPS, ukusuela ekumiliselweni koMthetho kuTshazimpuzi 2010, kwisizwe. (Ngokuhambelana neNgxelo yoNyaka phakathi kwamaSebe ngokumiliselwa koMthetho woBulungisa waBantwana, 75/2008).

Inkqutya 4.2 Uthintelo lolwaphulo-mthetho neNkxaso								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kanye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa baze bancediswe ngamangenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo nangokweengcali ezilwa ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.	Abantwana abakungquzulwano nomthetho bathunyelwa kwiiNkundla kwaye bathabathe inxaxheba kwiinkqubo zoluleko ezivuniyiweyo. <sup>24</sup>	<b>4.2.1.4</b> Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zophambuko.	1 772	767	1 966	981	-985	Ukusebenza kuxhomekeke kukuthunyelwa okuvela kwinkundla. Inkundla ikhethe ngokunjalo ukuthumela abantwana kwiinkonzo zoluntu endaweni kweendlela ezizezinye ezikhoyo zophambuko.
		<b>4.2.1.5</b> Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abagqibe iinkqubo zophambuko.	1 220	387	1 340	625	-715	Ukusebenza kuxhomekeke kukuthunyelwa okuvela kwinkundla kwiinkqubo zophambuko. Ngaphezulu, imilinganiso ephezulu yokushiya phakathi, kanye neendleko zothutho ezichaphazela kakubi ukusebenza.

Inkquyan 4.2 Uthintelo lolwaphulo-mthetho neNkxaso								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kanye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa baze bancediswe ngamangenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo nangokweengcali ezilwa ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.	Amaziko okuhlala abhalisiweyo athobela uMthetho woBulungisa baBantwana ayafumaneka ukulungiselela ukuxoxwa kwetyala kanye nabantwana abagwetyiweyo.	<b>4.2.1.6</b> Inani labantwana abagwetyelwe kukhusela iiCYCC zokhathalelo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	162	130	160	115	-45	Ukubekwa kuxhomekeke kukuthunyelwa yinkundla. Ulibaziseko ekuqukunjelweni kweenkqubo zenkundla kunciphisa ukubekwa kwabantwana.
		<b>4.2.1.7</b> Inani labantwana abangquzulana nomthetho abalinde ukuthethwa kwetyala kwiiCYCC zololongo olukhesekileyo ngokuhambela noMthetho woBulungisa baBantwana.	1 201	836	1 300	832	-468	Ukubekwa kuxhomekeke kukuthunyelwa yinkundla.

Inkquyan 4.2 Uthintelo lolwaphulo-mthetho neNkxaso								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kanye nolutsha olusemngciphekweni bachongwa baze bancediswe ngamangenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo nangokweengcali ezilwa ukwahlukana kanye nokuziphatha okucela umngeni.	Abantwana kanye nolutsha olusemngciphekweni kwiindawo ezili-11 zomngcipheko ophezulu babonelewa ngongenelelo olukhethekileyo olufanelekileyo.	<b>4.2.1.8</b> Inani lezikolo ezikwiindawo zamapolisa ezili-11 ezisemngciphekweni omkhulu kanye/okanye iindawo zesicwangciso sokhuselko seWCG apho oonontlalontle abafumana inkxasomali kwiDSD kanye/okanye kwiDSD bachonga, bavavanye, bathumele kwaye balandelete abantwana nolutsha olusemngciphekweni kungenelelo ngoncedo olulodwa ngeveki.	N/A	3	70	2	-68	Imithetho nemigaqo yeCOVID-19 ithintele ukumiliselwa kweenqubo ezikolweni.

## Izifezekiso zenkqubo

- linkqubo zothintelo zolwaphulo-mthetho ezisekwe kwisikolo ezinikezela nezakhono zokuphila kubafundi abanophambuko lwendlela yokuziphatha oluchongwe ngoxitshala ziqhibile ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Inani elipheleleyo elingama-5 806 labafundi lathabatha inxaxheba kwiinkqubo ukulungisa isimo sohlasel, ubuntshakavu kanye neeSUD kwimimandla yasemaphandleni nakumasipala ombaxa, efana neOudtshoorn, iStellenbosch, iWellington, iPaarl, iCeres, eBredasdorp, eRiversonderend, eGugulethu, eKhayelitsha, eSeawinds, e-Ocean View, eNew Crossroads, e-Elsies River, eDelft, eBishop Lavis, e-Eerste River, eMfuleni naseKraaifontein.
- Ukulungiswa kokuxhaphaka kweGBV, abenzi bobubi abangama-945 bamatyala eGBV kanye namaxhoba abo bagqibe iNkqubo yoNgenelo lonyango loMaphuli-mthetho neXhoba. Ezi nkqubo zaqukunjelwa kwiiNkundla zoLuntu eMitchell's Plain naseGugulethu, kanye neeNkundla zikaMantyi zaseStrand naseSomerset West ngokwahlukahlukene. Le nkqubo ijolise ekubandakanyeni aboni babantwana, ixhoba, iintsapho ezichaphazelekayo kanye namalungu oluntu/uluntu, okokuba achome ngokuhlangeneyo ze alungise amatyala ngokwamkela imiqathango yokuthintela ukuphinwa kwetyala.
- Amagosa olingo angama-26 aqeqeshwa kwiinkqubo zophambuko ejolise kwimbonakalo yomntu, imfundu ngesondo, iindlela zokumelana nesimo kanye nezakhono zokuphila.
- Uphuhliso IweNkqubo yesizwe yoLawulo IweTyala loLingo Iwaqukunjelwa, yaye ukuqeleshwa kwamagosa olingo esebe kuqalisive. Injongo yale nkqubo ye-intanethi kukunciphisa ixesha elichithwa ngabantwana kwinkqubo yobulungisa bobundlobongela. Inkqubo inikezele ngokunjalo iinkcukacha zamanani exesha elililo kubantwana bonke abangquzulana nomthetho kwiphondo, njengoko umiliselo lulindeleke ukuba luqhubeke ngesithuba sonyaka-mali ozayo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhubeke linxibelelana yaye liqinisa ubudlelwane kanye neenkundla ukuphucula ukuthunyelwa kwabantwana nabantu abadala abangquzulana nomthetho kwiinkonzo ezifanelekileyo zophambuko kanye neenkqubo.
- Uphuhliso IweNkqubo yoLawulo IweTyala loLingo luya kuvumela amagosa olingo okokuba aqukumbele iinkqubo ekude ne-ofisi, ufilelelo kwiinkcukacha zamanani zexesha elililo ukulungiselela ukufinyenza inkqubo yabantwana abakwinkqubo yobulungisa bobundlobongela, nokwandisa iinkonzo ezinikezelwa kubantwana abangquzulana nomthetho.

## Iziphumo, imiphumela, imigqalisela yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkqutya 4.3 UkuXhotyiswa kweXhoba								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo khuselekileyo yosapho.	linkonzo zenkxaso yengqondo nezentlalo ziayfumaneka kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela.	<b>4.3.1.1</b> Inani lamaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini (GBV) afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentalontle.	23 672	17 933	18 375	21 878	3 503	Ufikelelo oluphuculweyo ngenxa yokugeshwa koonontlalo-ntle abanobuchule beGBV; Ukunyka kolwazi lweGBV; kunye nokunyuka kokuthunyelwa kwabantu okusuka kwabachaphazelekayo.
		<b>4.3.1.2</b> Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela athe afikelela kwiinkonzo zenkxaso.	N/A	588	1 100	677	-423	Kuxhonyekewe kuthunyelo olusuka kwiSAPS.
	linkonzo ziayfumaneka kumaxhoba okuthengiselwa isondo.	<b>4.3.1.3</b> Inani lamaxhoba okuthengiselwa isondo kunye nabantwana abo lithe lafikelela kwiinkonzo zentlalo- ntle.	N/A	13	22	13	-9	Kuxhonyekewe kuthunyelo olusuka kwiSAPS.

<b>Inkqutya 4.3 UkuXhotyiswa kweXhoba</b>								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo khuselekileyo yosapho.	Ukubonelela ngendawo yokuhlala ekhuselekileyo kumaxhoba olwaphulo- mthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zokuhlala kumaziko <sup>25</sup> axhaswa ngemali eNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba.	<b>4.3.1.4</b>  Inani lamaxhoba olwaphulo- mthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zokuhlala kumaziko <sup>25</sup> axhaswa ngemali eNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba.	N/A	1 963	1 851	1 903	52	Ibango eliphezulu leenkonzo zendawo yokhuseleko.

### Izifezekiso zenkqubo

- Ukuqaliswa kweendawo zokhuseleko zeGBV ezintandathu ezisebenza ngokupheleleyo ngesithuba esiphantsi kovavanyo kwandise ukusasazeka nokubakho kweenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo ezungiselelw amaxhoba obundlobongela basekhaya nobundlobongela besondo ngokunjalo neendawo ezikhuselekileyo ezungiselelw abasetyhini, ingakumbi kwimimandla yasemaphandleni. Inani elipheleleyo, elingama-26 leendawo zokhuseleko ezixhaswa ngemali ziyasebenza ngokwakaloku nje kwiphondo, kunye neenkonzo ezangezelelw yenkozenkxaso yengqondo nentlalo ezungiselelw kwimimandla yasemaphandleni eyile, iSwartland, iCape Winelands kunye neCentral Karoo. Ngaphezulu, oonontlalo-ntle abali-14 bafumene uqequesho kunya lwendiqiqo yendlela yokuziphatha ukunceda abaxhamli ababonisa iiSUD kwezi ndawo zokhuseleko.
- Ufikelelo kwiinkonzo zenkxaso zonyango IweGBV Iwaxhaswa kukubekwa koonontlalo-ntle beNPO kwimimandla eshushu echongiweyo, kubandakanya iKhayelitsha, eMfuleni, e-Elsies River, eDelft, eHanover Park, eNyanga, ePhilippi, eGugulethu kunye noLanga.
- ISebe liqhubile ukuqinisa iinkonzo zalo zenkxaso yethuba elide yengqondo nentlalo kumaziko ololongo iThuthuzela kulo lonke iphondo. Oonontlalo-ntle abasibhozo kunye noonontlalo-ntle abancedisayo baqequesha kwingcebiso yokwenzakala kunye neenkonzo zenkxaso ezizodwa kubantu abadala abangamaxhoba kumaziko ololongo eThuthuzela. Ngaphezulu, iSebe liqhubekile ngophuhliso Iweendlela zokuthunyelwa ukuqinisekisa ngokuba abantu abadala abangamaxhoba bafumana iinkonzo ezifanelekileyo kunye nololongo.

<sup>25</sup> Ukuthiywa ngokutsha ukususela "Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela afikelela kwiinkonzo zendawo ezikhuseleleyo kumaziko enkonzo axhaswa ngemali eNkqubo yokuXhotyiswa kweXhoba".

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- ISebe liya kuqhubeka lihlangana namahlakani alo eNPO ukuqinisa iinkonzo kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela, ngokusetyenziswa kwamathuba oqequesho nawolwakhwiwo lwekhono ngokunjalo nokulungiswa kweendlela zokuthunyelwa kuvela kwiSAPS, ukwandisa ulwazinofikelelo kwiinkonzo zobuchule nezomthetho.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezizekiso ezizizo

Inkqutyana 4.4 UkuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo nokubuyiselwa kwisimo sangaphambili								
Iziphumo	Imiphumela	Iimgqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	linkonzo ezixhaswa ngemali zonyango lwezigulana ezilaliswayo ziayfumaneka.	<b>4.4.1.1</b> Inani labasebenzisi benkonzo abathe bafikelela kwiinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiNPO ezifumana inkxaso-mali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD. <sup>26</sup>	1 300	692	1 241	922	-319	Imithetho nemigaqo yeCOVID-19 iluminyle ulwankelo lwezigulane ezilaliswa esibhedlele.
	linkonzo zonyango ezisekelwe kuluntu ziayfumaneka.	<b>4.4.1.2</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafikelele kwiinkonzo zonyango ezisekwe kuluntu <sup>26</sup> .	2 961	2 100	3 620	3 141	-479	Izithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into zeCOVID- 19 zinyine iinkqubo ezikolweni. Ukuvalwa kwamaziko okucocwa kwesiyobisi emzimbeni kuchaphazele ngaphezulu ufikelelo kwinkonzo.

<sup>26</sup> Le migqalisela inxulunyaniswe nomgqalisela weMTSF "Inani labantu abafikelela kwiinkqubo zothintelo nonyango".

Inkquyan 4.4 UkuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo nokubuyiselwa kwisimo sangaphambili								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahllala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	linkonzo zokungenelela kwangethuba zokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ziyafumaneka.	<b>4.4.1.3</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zokungenelela kwangethuba kusetyenziso gwenxa lweziyobisi. <sup>27</sup>	6 373	4 320	6 580	6 081	-499	Izithintelo zeCOVID-19 zokuvalwa ngci kwayo yonke into kunyne ufilelo kwinkqubo.
	linkonzo zononophelo Iwasemva konyango kunye nokubuyiselwa eluntwini ziyafumaneka.	<b>4.4.1.4</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kubudlelwane bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi. <sup>28</sup>	1 821	1 595	2 510	1 816	-694	Imithetho nemigaqo yeCOVID-19 inyine ukuthunyelwa kwiinkonzo zasemva kololongo neenkonzo zokubuyiselwa esimeni. Ngaphezulu, asingbo bonke abaxhamli abaqukumbele ulolongo Iwasemva kokhathalelo nenkqubo yokubuyiselwa esimeni kwakhona.

<sup>27</sup> Lo mgqaliselo uxulunyaniswe nomgqalisela weMTSF "Inani labantu abafikelela kwiinkqubo zothintelo".<sup>28</sup> Lo mgqaliselo uxulunyaniswe nomgqalisela weMTSF "Inani lamaxhoba okuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi elifikelela kwiinkqubo zenkxaso".

## Izifezekiso zenkqubo

- lSebe lizandisile iinkonzo zalo zonyango ezisekwe kuluntu zasiwa kwimimandla yasemaphandleni yephondo, okt. eBeaufort West, eSitlbaai, eCeres naseVilliersdorp.
- linkqubo ezisekwe esikolweni ziqhubekile zibekwa phambili liSebe yaye zandiselwa eRobertson naseMcGregor kuMasipala waselLangeberg. Ezi nkqubo zibandakanya iinkonzo zongenelo Iwanethuba ezifana, amangenelo onyango lomntu, amangenelo omsebenzi weqela nawosapho. Malunga nabafundi abali-1 091 bafikelele kwezi nkonzon gesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.
- Ukuqinisa ulwazi, izakhono kunye nobuchule bamagcisa onyango, abasebenzi besebe babhaliswe kwikharityhulam yonyango jikelele elungiselelwiiSUD. Le yinkqubo yoqequesho evunywe yi-African Union yaye iququzelelwiiNDSD. Amagosa esebe alishumi athe ukuza kuthi ga ngoku aqukumbela le nkqubo.
- Ukwakhwiwa kwekhono kunye noqequesho labakwibakala elingaphantsi kwesidanga abanobuchule kwiinkqubo zeSUD kuqhubele kuxhaswa liSebe. Inani elipheleleyo, abangaphantsi kwibakala lesidanga abangama-25 baqukumbele isifundo sesiqinisekiso sokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwiYunesiti yeNtshona Koloni baze abafundi abakwibakala elingaphantsi kwelesidanga abangama-24 baqukumbela iDiploma ekwibakala elingaphezulu kwesidanga kwiYunesiti eyaseKapa neyaseStellenbosch ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

- Indlela yabachaphazelekayo abaninnzi iya kwamkelwa liSebe ukuqinisekisa ngokubonelelwanofikelelo kwiinkonzo zeSUD. Ngaphezulu, lSebe liya nxibelelana neenkqubo zolwakhwiwo Iwekhono nokuphakanyiswa kweqondo lolwazi, liqinisekise ngohambelwano nomthetho weeNPO ukumilisela iinkqubo zeSUD nokuqinisa iindlela zothunyelo ukuququzelela ufikelelo olufanelekileyo kubaxhamli abadinga iinkonzo zeSUD kunye nonyango.

## Ukunxulunyaniswa komsebenzi kune nohlahlo Iwabiwo-mali

INkqubo ichithe i-100 leepesenti lesabelo salo sohlahlo Iwabiwo-mali oluzigidi ezingama-R466.393 sonyaka-mali wama-2021/22. INkqubo ichithe i-100 leepesenti lesabelo salo sohlahlo Iwabiwo-mali sezigid ezingama-R440.417 sonyaka-mali wama-2020/21.

### ITheyibile J: Inkcitho yenqquyana

IGama leNkqutya	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
LiNkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo neNkxaso	5 612	5 612	-	3 578	3 578	-
UThintelo lolWaphulo- mthetho neNkxaso	283 376	283 376	-	272 222	272 222	-
UkuXhotyiswa kweXhoba	66 495	66 495	-	63 860	63 860	-
UkuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi nokuBuyiselwa kwiSimo saNgaphambili	110 910	110 910	-	100 757	100 757	-
Zizonke	466 393	466 393	-	440 417	440 417	-

## 4.5 Inkqubo 5: UPhuhliso noPhando

### Injongo

Kukunikezela ngeenkqubo zempilo esekelwe kuzinzo, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu, ngokusekelwe kwiiinkqubo zophando ezinobungqina kwakunye nengcaciso engamanani oluntu.

### Inkqutyana

- Inkqutyana 5.1: ULawulo neNkxaso
- Inkqutyana 5.2: UVuselelo loLuntu
- Inkqutyana 5.3: ULwakhwiwo lweKhono leZiko (ICB) kunye neNkxaso yeeNPO
- Inkqutyana 5.4: UkuBhangiswa kweNdllala noZinziso lokuPhila
- Inkqutyana 5.5: UPhando oluSekwe kuLuntu noCwangciso
- Inkqutyana 5.6: UPhuhliso loLutsha
- Inkqutyana 5.7: UPhuhliso lwabaseTyhini
- Inkqutyana 5.8: UkuKhuthazwa koMgaqo-nkqubo waBemi

### IZiphumo

Ukuphuculwa kolawulo lwequmrhu kunye nonikezelo lwenkonzo.

abantu abasesichengeni banenkxaso yesondlo.

Ulutsha lwenza izigqibo ezelungileyo, zobomi obusempilweni ezithi zandise impilo-ntle.

#### Inkqutyana 5.2 UVuselelo loLuntu

La mangenelo alawulwa ngokunqamlezileyo kwiNkqutyana.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkqutya 5.3 ULwakhiwo IweKhono leZiko (ICB) kunye neNkxaso yeeNPO								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Ukuphuculwa kolawulo lwequmrhu kunye nonikezelo lwenkonzo.	liNPOs zixhotyisiwe.	<b>5.3.1.1</b> Inani leeNPO ezixhotyisiweyo. <sup>29</sup>	848	330	710	569	-141	Imithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into inyine amathuba olwakhiwo Iwekhono IweNPO.
	liNPO ezincedwe ngenkubo yokubhaliswa.	<b>5.3.1.2</b> Inani leeNPO ezincedwe ngenkubo yokubhaliswa. <sup>29</sup>	1 552	701	798	1 727	929	Ukunyuka kwezelcelo ezitsha ngokunjalo nezelcelo ezelvela kwimibutho esele ikho.
	Uqequesho kwinkxaso yezolawulo kwiiNPO luyafumaneka.	<b>5.3.1.3</b> Inani leeNPO elithe labonakalisa kuvavanyo lwangaphambili nolwasemva okokuba ulwazi lwalo luphucukile emva kokungenela uqequesho lokuxhaswa kolawulo.	12	12	12	13	1	INPO eyangezelelweyo iqeqeshiwe.

<sup>29</sup> Le migqalisela inxulunyaniswe nomgqalisela weMTSF "INani leeCSO elixhotyisiweyo".

<b>Inkquyana 5.3 ULwakhwiwo IweKhono leZiko (ICB) kunye neNkxaso yeeNPO</b>								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqalisela yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Ukuphuculwa kolawulo lwequmirhu kunye nonikezelo lwenkonzo.	Inkqubo yokuxhobisa iyafikeleka kwiiNPO.	<b>5.3.1.4</b> Inani leeNPO ezisemngciphekweni ezingenele inkqubo yokuxhobisa ezinolwazi, iinkqubo nezakhono ezithe zaphuculwa.	12	0 <sup>30</sup>	12	24	12	Uqequesho lwemibuto eli-12, obelurhoxisiwe ngenxa yezithintelo zeCOVID-19 ngowama-2020/21, luqhutywe kunya-mali wama-2021/22.

### Izifezekiso zenkqubo

- Kwisithuba sonyaka ophansi kovavanyo, iSebe liququzelele amathuba oqequesho angama-37, neenkokheli zeNPO eziphuma kwiiNPO ezingama-584 kulo lonke iphondo. La mathuba oqequesho ajolise kubhaliso IweNPO nohambelwano ukunceda iiNPO ekuqinisekiseni ngohambelwano kwiinkqubo zolawulo olufanelekileyo.
- Inani elipheleleyo lamathuba amane oqequesho lokuzinzisa iNPO laqhutywa, elibandakanya iinggaq zasemaphandleni nomaspala ombaxa wephondo. La mathuba oqequesho ahlangnise imithetho-siseko yephulo i-#KnowYourNPOStatus ze lajolisa kuhambelwano nozinziso lombutho. La abandakanye ucweyo ngokukhululwa ekuhlawuleni irhafu okulungiselelwe iiNPO, amaqhinga okunyuswa kwengxowa yemali kunye nolawulo olulungileyo.
- Amathuba olwakhwiwo Iwekhono aqhutywa kunye namagosa eWCG ali-170, kubandakanya amagosa eDSD. Injongo yala mathuba yayikukuqinisa, ukuxhobisa nokunceda amagosa eWCG okokuba axhase ukusebenza ngokupheleleyo nokomelela kwecandelo leNPO.

### Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhuba lixhasa, lixhobisa yaye liqinisa iindlela zokusebenza kombutho weNPO kunye nolawulo olulungileyo ukwandisa unikezelo lwenkonzo nokuzinziswa kweNPO.

<sup>30</sup> Ukurhoxiswa kukuqaliswa nokunikezelwa kwenkqubo yokuxhobisa kubangelwe zizithintelo zeCOVID-19 ezikhokhelele ekungaqtyweni kwenkqubo ngowama-2020/21. Ngoko, inkqubo yoxhotyiso yaggityezelwa kunya-mali wama-2021/22.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkquyan 5.4 UkuDaniswa kweNdala nokuZinziswa kweMpilo								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
abantu abasemngciphek weni bayayifumana inkxaso yesondlo.	abantu abasemngciphek weni bafumana izidlo zamihla ngemihla.	<b>5.4.1.1</b> Inani lezidlo ezixhaswa ngemali ezithi zinikwe abantu abasemngciphekweni kwiindawo ezixhaswa ngemali lisebe kwakunye nee CNDC <sup>31</sup> .	7 533	14 685	9 620	13 102	3 482	Ukwanda kwibango leenkonzo okubangelwa ngubhubhane weCOVID-19.
	Amathuba omsebenzi e-EPWP.	<b>5.4.1.2</b> Inani lamathuba omsebenzi we-EPWP ayiliweyo.	1 441	-32	1 886	2 123	237	Ukunikwa kwengxelo okuphuculweyo kumathuba omsebenzi asele ekho.

### Izifezekiso zenkqubo

- ISebe liqhubele ngokwandisa amangenelo alo oncedo lokuya, ngokubonelela ngenxaso yesondlo kubantu abahlupheke kakhulu nabasesichengeni kwiphondo. La mangenelo abandakanya iivawutsha zokuya ezikhutshelwa amakhitshi oluntu athi anikezelo ngoncedo lokuya kubaxhamli abangama-15 000, isibonelelo sezidlo eziphekiweyo eziya kubaxhamli abaqinisekisiweyo abali-147 287 kumakhitshi oluntu axhaswayo, kunye nabaxhamli abongezelelwego abali-1 221 kumaziko okondla axhaswa ngemali ngokwakaloku nje. Inali elingaphezulu labaxhamli abangama-10 794 laxhaswa ngesibonelelo sokuya okomileyo kumakhitshi oluntu kunye nepasile zokuya zanikezela kubaxhamli abafanelekileyo abangama-96 500 ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22.
- Ngaphezulu, iSebe libe nakho ukubonelela ngamathuba omsebenzi wethutyana kubathabathi-nxaxheba be-EPWP abangama-2 123 kunyaka-mali wama-2021/22.

<sup>31</sup> Lo mgqaliselo unxulunyaniswe nemigqaliselo yeMTSF "I-% yamakhaya angakhuselekanga asesichengeni afumana ukuya ngokusetyenziswa kwamalinge okuya nokhuseleko" ze i%" yabantu abasesichengeni kwindlal ifikelele kukuya ngamalinge okuya nokhuseleko lwesondlo".

<sup>32</sup> Umgqalisela ekunganikwanga ngxelo ngawo kwi-APP ngesithuba sonyaka-mali, izifezekiso zalinganiswa ze kwani kwa ingxelo ngazo kwiNkqubo yokuNikwa kweNgxelo yeSizwe ye-EPWP.

- Ulwakhiwo lwekhono kwiinkqubo zolawulo lohambelwanao lwanikezelwa kwimibutho exhaswa ngemali eli-16 ukuqinisa ulawulo lwayo lwemali nengcaciso ukukhuthaza nokugcina iindlela zolawul ezilungileyo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelwego

Alinakusetyenziswa.

### Inkqutyan 5.5 UPhando noCwangciso oluSekwe kuLuntu

La mangenelo alawulwa ngokunqmlezileyo kwiiNkqutyan.

## Iziphumo, imiphumela, iimigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kune nezizekiso ezizizo

### INkqutyan 5.6 UPhuhliso loLutsha

Iziphumo	Imiphumela	Iimgqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izizekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Ulutsha lwenza izigqibo eziphilileyo, ezsimplweni ngobim nezivuselela intalo-ntle yalo.	linkqubo zophuhliso lwezakhono zolutsha ziayafumaneka.	<b>5.6.1.1</b> Inani lolutsha oluthabatha inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono.	16 315	12 229	10 000 <sup>33</sup>	12 615	2 615	Ukwanda kwebango leenkqubo zphuhliso lwezakhono zophuhliso lolutsha.
	Ulutsha lwayanyaniswe nemisebenzi kwakunye namathuba ophuhliso lwezakhono.	<b>5.6.1.2</b> Ulutsha lwayanyaniswe nemisebenzi kwakunye namanye amathuba ophuhliso lwezakhono avela kwiinkonzo zalo.	6 334	2 117	3 860	3 784	-76	Ukuvalwa ngci kwayo yonke into kweCOVID-19 kunyine ukufumaneka kwamathuba omsebenzi kulutsha.
	IKhefi zoLutsha ezixhaswa ngemali ziyasebenza.	<b>5.6.1.3</b> Inani IKhefi zoLutsha ezixhaswa ngemali.	13	12	12	12	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.

<sup>33</sup> UKuncitshiswa kokujoliswe kuko kubhekiselele kukuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali, ukuvalwa kwKhefi yoLutsha ngokunjalo nolwamkelo loyilo oluhalziyiweyo nolujolisileyo apho kulungiswa iimfuno ezivelayo kulutsha IwePhondo.

## Izifezekiso zenkqubo

- ISebe liqhubekile ngenkxaso yalo nobonelelo lokufikelela kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono. Ezi nkqubo zasetyenzisa lulutsha olungama-12 615, kwiiKhefi zoLutsha ezisekiwego ezili-12 kune nemibutho emininzi esekwe kuluntu kwiphondo. Ezi nkqubo zibandakanya uqequesho lwezakhono zokuphila kune noqequesho lophuhliso lweshishini kulungiselelwa uphuhliso lwezakhono. linkqubo zasemva kokuphuma esikolweni ziqhubelele kwiikhefi zoLutsha yaye zibonelela ngenkxaso kulutsha olugqithayo (iigreyidi 10-12) kune nophuhliso lwezakhono lwemfundo nezakhono ngokubanzi.
- ISebe liqalise iKhefi yoLutsha eRiversdale ngentsebenziswano noMasipala waseHessequa kune neNPO elihlakani. Le khefi inikezele ulutsha ngofikelelo kwizakhono ezibalulekileyo kwimfundo yedijithali, ushishino, ubunkokheli kune nezhono zokuphila.
- Imibutho exhaswa ngemali ngokuhlanganisa iinkqubo eziyalise kulutsha olukhubazekileyo yaye yaxhasaw kule nzame luqequesho nolwakhiwo lwekhono ukunikezelza ngeekonzo kulutsha abangeva kakuhle. Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, lutsha olungama-207 lufumene uqequesho oluqinisekisiwego kulwimi lweminwe. Ngaphezulu, abali-10 bolutsha abakhubazeke ngengqondo bazimanye neKhefi yoLutsha yaseVelddrift, bethunyelwa yi-Die Eiland Huis, bafumana uqequesho lophuhliso kubugcisa bokuyila novuselelo lomzimba ukubanceda ekuphuhliseni izakhono nokuzithemba ukulungiselela ukoyisa imingeni abajamelene nayo imihla ngemihla.
- linkonzo ezinxulumene nempilo yesondo ziqhibile ngokunikezelwa ukuphucula ulwazi nokunciphisa ukuxaphaphaka kweGBV kwiinginqi zoluntu. Le misebenzi ibandakanya iiklasi zokuzikhuela kune neentetho zolwazi. Ngaphezuli, iSebe lisebenzisene neHuman Screen Foundation ukulungisa imiba yamalungelo oluntu ngokusetyenzisa kwemiboniso bhanya-bhanya neengxoxo zonxibelewano nabathathi-nxaxheba bolutsha abali-175 kunya ophantsi kovavanyo.

## Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhube ka ngokuququzelela amathuba alungiselelele ulutsha ukuba afikelele kwizibonelelo kune neenkonzo ukuluxhobisa okokuba babe ngabemi abazimeleyo nabanoxanduva.

### Inkqubo 5.7 UPhuhliso IwaBasetyhini

La mangenelo alawulwa ngokunqmlezileyo kwiiNkqutyana.

## Iziphumo, imiphumela, imigqaliselo yemiphumela, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

Inkqutya 5.8 UkuKhuthazwa koMgaqo-nkqubo waBemi								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicothiweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Ulawulo lwequmrhu oluphuculwego nonikezelo lwenkonzo.	Uphando ngabemi nokuhla ngenjongo yokuhlahlelwa kwabemi kwakanye nophuhliso lobume.	<b>5.8.1.1</b> Inani lamaphulo ophando ngabemi kwanoohlolo lwabo athe aqosheliswa.	1	1	1	1	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.
		<b>5.8.1.2</b> Inani leeprojekti zembonakalo yabemi liqoshelisiwe.	11	6	6	6	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.
	linkqubo zimiliselwa ukukhuthaza ulwazi nokuqondwa kwemiba yabemi kunye nophuhliso.	<b>5.8.1.3</b> Inani lamathuba ophuhliso lwekhono labemi eliqhutyiwego.	N/A	6	6	4	-2	Amathuba amathathu olwakhwiwo lwekhono kufuneke ahlanganiswe yaye abe yinxalenye yocwego lweentsuku ezintlanu olweqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha kwimiba enxulumene nokufuduko namalungelo oluntu olusingethwe lSebe ngentsebenziswano neNDSD.

<b>Inkqulyana 5.8 UkuKhuthazwa koMgaqo-nkqubo waBemi</b>								
Iziphumo	Imiphumela	Imigqaliselo yemiphumela	UMsebenzi onguwo ophicotihweyo 2019/20	UMsebenzi onguwo ophicotihweyo 2020/21	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2021/22	Izifezekiso ezizizo 2021/22	Unxaxho lokuvela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2021/22
Ulawulo lwequmrhu oluphuculwego nonikezelo lwenkonzo.	Imisebenzi yovuselelo, eyengcaciso, eyemfundo neyonxibelelwano (IEC) imiliselwe.	<b>5.8.1.4</b> Inani lwemisebenzi yovuselelo, yengcaciso, yemfundo nonxibelelwano (IEC) elimiliselweyo.	N/A	4	4	4	-	Ekujoliswe kuko kufezekisiwe.

### Izifezekiso zenkqubo

- ISebe linikezele ngoluhlo olwahlukeneyo lweemveliso eziqikelelweyo zabemi oluthe lwasetyenzisa ngamasebe eWCG kulungiselelwa iinjongo zocwangciso. Oku kubandakanya ukuqukunjelwa kwembonakalo ezintandathu zoluntu kulungiselelwa uMasipala weSithili saseCape Winelands.
- Ngentsebenziswano neNDSD, iSebe lisingethe ucwego lweentsuku ezintlanu olubanjwe ngobuxhaka-xhaka bekhomyutha ngemiba enxulumene nokuFuduka naMalungelo aBantu.
- ISebe linikezele ngenkxaso kwiqela lokusebenza lwempilo-ntle lesiCwangciso soVuselele seNtshona Koloni ngokusetyenzisa kokuqokelelwa kweenkcukacha zamanani kulungiselelwa inkqubo yokucupha yokhuseleko kune namangenelo okhuseleko kwimimandla eshushu.
- ISebe liqhubile ngohlaziyo lwalo lwarhoqo ngeveki IweProvincial Humanitarian Relief Programme Dashboard. I-dashboard inikezelala ngomelo Iwesithuba lokondliwa kwamihla le kune neepasile zokutya ezikhutshwe yiWCED, iDSD, iSebe looMasipala kune neeNPOs.

### Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- ISebe liya kuqhuba lihlangana nabachaphazelekayo, ngokusetyenzisa kwamathuba ahlangeneyo acwangcisiweyo olwakhwiw lwekhono, ukwandisa ulwazi kune nengqiqo yeendlela zabemi kune namandla nokunceda iinkqubo zomgaqo-nkqubo nokuthatyathwa kwezigqibo.

### Ukunxulunyaniswa komsebenzi kune nohlahlo lwabiwo-mali

INkqubo ichithe i-100 leepesenti Iwesabelo salo sohlahlo lwabiwo-mali Iwezigidi ezingama-R93.209 sonyaka-mali wama-2021/22. INkqubo ichithe i-100 leepesenti Iwesabelo salo sohlahlo lwabiwo-mali Iwezigidi ezili-R161.217 sonyaka-mali wama-2020/21.

## ITheyibhile K: Inkcitho yenkqutyanan

IGama leNkqutyanan	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho Eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
UPhuhliso noPhando	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo IweNkxaso	6 891	6 891	-	6 845	6 845	-
ULwakhiwo IweKhono IweZiko kunye neNkxaso yeeNPO	2 270	2 270	-	2 595	2 595	-
UkuDanjiswa kweNdala nokuZinziswa kweMpilo	62 094	62 094	-	131 005	131 005	-
UPhuhliso loLutsha	18 031	18 031	-	17 554	17 554	-
UkuKhuthazwa koMgaqo- nkqubo waBemi	3 923	3 923	-	3 218	3 218	-
Zisonke	<b>93 209</b>	<b>93 209</b>	-	<b>161 217</b>	<b>161 217</b>	-

## UkuNikezelwa kweNgxelo ngokuSabela kweZiko kuBhubhane weCOVID-19

Kwisithuba sonyaka-mali ophelileyo, ifuthe leCOVID-19 kuqoqosho kwanakuqoqosho lwentlalo lwathi lwachaphazela ikakhulu abona bantu bahlelelekileyo kwiPhondo. Ukuphulukana nobomi kunye nentswela misebenzi ejikelezayo kwakhokelela kwintlekele yoluntu njengoko amakhaya amaninzi aswela ukuya, yaye ukuziniswa kwamahlakani eNPO kwabasemngciphekweni. La mangenelo adweliswe ngasezantsi aba sisongezelelo kwiinkonzo ezigunyazisiwyo liSebe.

### ITheyibhile L: INkqubela phambili yokuSabela kweZiko kuBhubhane weCOVID-19

Uhlahlo Lwabiwo-mali IweNkubo	UNgenelo	INDawo	INani laBaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Isabelo esiphelelyo sohlahlo lwabiwo-mali ngokongenelo (R'000)	Uhlahlo Lwabi-mali oluchithiwyo ngongenelo (R'000)	Umnikelo kwiMiphumela ekwi-APP	Izipumo zangoku
Inkqutyana: ukuDanjiswa kweNdllala nokuZinziwsa kweMpilo	COVID-19 Amangenelo oNcedo loKutya	lingingqi zonke ezi-6 zeDSD kwiPhondo.	Abaxhamli abangama-270 802	Abafumene izidlo Abasetyhini 135 401 (iipesenti ezingama-50), Amadoda 56 868 (iipesenti ezingama-21), Abantwana abangama-78 533 (iipesenti ezingama-29) abafumene ukuya.	98 610	98 610	N/A	Uncedo kumakhaya kunye nabantu abanganako ukuya.

<b>UHlahlo Lwabiwo-mali IweNkqubo</b>	<b>UNgenelo</b>	<b>INDawo</b>	<b>INani laBaxhamli</b>	<b>Ukwahlulahluwa kwabaxhamli</b>	<b>Isabelo esiphelelyo sohlahlo lwabiwo-mali ngokongenelo (R'000)</b>	<b>UHlahlo Lwabi-mali oluchithiweyo ngongenelo (R'000)</b>	<b>Umnikelo kwiMiphumela ekwi-APP</b>	<b>Iziphumo zangoku</b>
Inkqutyana: I-ECD kanye noLolongo oluNgaphelela nga	UMinkelo woNcedo loVuselelo IweNgqesho kwi-ECD	Yonke imimandla emi-6 yeDSD kwiPhondo.	Malunga nama-2 725 amaziko e-ECD kanye neenkqubo.	N/A	53 067	53 067	N/A	Inkxaso kubasebenzi be-ECD abachatshazelwe kakubi yiCOVI-19. UMnikelo woNcedo woVuselelo unikezela ngentlawulo ekhutshwa ixesha libe linye elingana nenkxaso yeenyanga ezintandathu (6) ngokweenkqubo ezivuniweyo kuwo onke amaziko e-ECD kanye neenkqubo ezisebenzayo yaye ziyifanele le nkxaso.

## 5. liNtlawulo ezikhutshelwego

### 5.1 lntlawulo ezikhutshelelwe kumaqumrhu karhulumente

Azikho ezikhutshelwego.

### 5.2 lntlawulo ezikhutshelelwe kuyo yonke imibutho kunye namanye amaqumrhu ngaphandle kwakarhulumente

Nceda ujunge iSihlomelo A: lntlawulo ezikhutshelwego kuyo yonke imibutho ingengawo amaqumrhu karhulumente.

## 6. IMinikelo enaMiqathango

### 6.1 Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiwego ezihlawulwego

Ayikho ekungnikezelwa ingxelo ngayo.

### 6.2 Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiwego ezifunyenwego

ISebe labelwa izigidi ezingama-R321.137 kunyaka-mali wama-2021/22.

#### Iminikelo enemiqathango

#### UPhuhliso loBuntwana IwaNgethuba

Umnikelo wenkubo yeECD ozizigidi ezili-R104.278 uzama ukwandisa ufilelelo kwinani labantwana abakumaziko kunye neenkubo ze-ECD, yaye uqhuba uhlaziyo olungephi Iwesibonelelo, ulungiso nokubonelelwa kwemathiriyeli yokufunda ukunceda amaziko okokuba afuduken kubhaliso olunrmiqathango luya kubhaliso olupheleleyo. Izigidi ezongezelwego ezili-R17.228 zafunyanwa ukulungisa intsielo evela kwiNqanaba 1 IweLinge leNgqesho ka Mongameli elithi lizame ukunikezela ngenkhaso yomngcipheko yentswela ngqesho kubasebenzi abanxulumene nophuhliso lobuntwana Iwanethuba echatshazelwe kukuvalwa ngci kwayo yonke into kweCOVID-19.

#### liNgxowa-mali eziChongiwego

#### ABantu aBakhubazekileyo

Isabelo esichongiwego sezigidi ezingama-R54.408 samkelwa kulungiselelwa iinkonzo kuBantu aBakhubazekileyo sibandakanya izigunyaziso zomthetho eziqukuqela zivela kumyalelo wenkundla obhekiselele abantwana abanokukhubazeka kakhulu kwengqondo.

#### Isibonelelo sezithuthi ezixhaswa ngemali ukuthutha abantwana abakhubazeke ngengqondo ukuya kumaziko ololongo losuku (Ityala leNkundla IokuKhubazeka)

Isabelo esichongiwego zezigidi ezi-R5 samkelwa ngowama-2021/22 ukuyila ulolongo nenkhaso nokunceda ngofikelelo kwimfundu kubantwana abakhubazeke ngengqondo.

#### UkuQeshwa koNontlalo-ntle

Isixa-mali esichongiwego esizizigidi ezili-R15.773 sasetyenziswa ukulungisa isidingo sonooNtlalo-ntle nokunciphisa umthwalo wenani elingaqeshwanga Iwabanezidanga zomsebenzi wentlalo emva kokugqiba imfundu yabo exhaswe ngemali ngurhulumente.

#### Ukongezelwa koNontlalo-ntle

Isabelo esichongiwego sezigidi ezingama-R20.910 safunyanwa ngowama-2021/22 ukuzinzisa ingqesho yooNontlalo-ntle, ingakumbi kwimimandla elinezechlo ezixhaphakileyo kakhulu zeGBV, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kunye nemiba echaphazela abantwana.

## IProjekti yeSidima seZishubelo zasexesheni

Isixa-mali sezigidi ezili-R10.509 sachongwa ngowama-2021/22 kulungiselelwa iProjekti yeZishubelo zasexesheni, IProjekti ijolise ekunikezeleni abafundi basetyhini abahluphekileyo abakwiigreyidi yesi-4 ukuya kweye-12 abakwizikolo ezihlwe zakukhwintali 1-5, abanofikelelo kwiimveliso zesiseko zezishubelo zasexesheni.

## II Nkqubo zoThintelo IweHIV (II Nkqubo zeNtlalo neNguqu yeNdlela yokuZipathha)

Isixa-mali sezigidi ezi-R5.869 safunyanwa ngowama-2021/22 kulungiselelwa inkxaso eqhubekayo eya kwiiNPO ezimilisela iinkqubo zeNguqu yeNdlela yokuZipathha yeNtlalo, njengenxalenye yamaqhingga okulungisa abaququzeleli bentlalo nesakhelo seHIV, iTB kunye neeSTI, ngokunjalo neGBV.

## Ukunikezelwa kwemisebenzi kwiiCYCC: CoE

Isixa-mali sezigidi ezili-R15.077 safunyanwa ngowama-2020/21 esibhekiselele kukuqeshwa kwabasebenzi abadingekayo kwiiCYCCs eziseHorizon naseClanwilliam.

## Ubundlobongela obuJolise kwaBasetyhini

Izigidu ezili-R17.865 zachongwa ngonyaka-mali wama-2021/22 kulungiselelwa ukwandiswa kweNkqubo yokuXhotyiswa kweXhoba ukulungisa ubundlobongela obujolise kwabasetyhini nabantwana.

## Inguqu kuMsebenzi woNcedo woKutya, amaziko okunikezelwa koKutya kunye noPhuhliso Iwesondlo soluntu

Isixa-mali sezigidi ezili-R14.600 sachongwa ngowam-2021/22 ukomeleza isibonelelo senkxaso yesondlo kubantu abasesichengen ngokusetyenziswa kwamaZiko ePhondo okuNikezelwa koKutya kunye neeCNDCs.

## Intlupheko yoLuntu (Uncedo lokutya/Iwesondlo)

Isixa-mali sezigidi ezingama-R25 sachongwa ngowoma-2021/22 ukomeleza imiqathango yoncedo lokutya ngenkxaso yesiCwangciso soVuselelo IweNtshona Koloni.

## Inkxaso eyandisiweyo yeentsapho ngenxa yempembelelo yeCOVID-19, iGBV, njl.njl

Isixa-mali sezigidi ezili-R10 sachongwa ngowama-2021/22 ukuxhasa ngaphezulu iintsapho eazinezidingo zeenkonzo zentlalo ngenxa yeemeko ezingamkelekanga ezibangelwa yiCOVID-19 kunye neGBV.

## IMinikelo eneMiqathango neZabelo eziChongiwego

IMinikelo eneMiqathango neZabelo eziChongiwego	ISixa-mali eSabiweyo R'000	INkcitho Eyiyo R'000	Ngaphantsi/ (Ngaphezulu) R'000
<b>IMinikelo eneMiqathango</b>			
IMinikelo eneMiqathango yeECD	121 506	111 215	10 291
<b>INkxaso-mali eChongiwego</b>			
ABantu aBakhubazekileyo	54 408	54 408	-
Isibonelelo sezithuthi ezixhaswa ngemali uklungiselela ukuthuthwa kwabantwana abakhubazeke ngengqondo ukuya kumaziko ololongo Iwemini (amatyala enkundla okhubazeko)	5 000	-	5 000

<b>IMinikelo eneMiqathango neZabelo eziChongiweyo</b>	<b>ISixa-mali eSabiweyo R'000</b>	<b>INKcitho Eyiyo R'000</b>	<b>Ngaphantsi/ (Ngaphezulu) R'000</b>
UMnikelo weNgqesho yonooNtlo-ntle	15 773	15 773	-
ISongezelelo soNoontlalo-tle Social Worker Addition	20 910	20 910	-
IProjekti yeSidima seZishubelo zasexesheni	10 509	8 960	1 549
iiNkqubo zoThintelo lweHIV (iiNkqubo zeNguqu yeNtlalo neNdlela yokuZiphattha)	5 869	5 869	-
Ukunikezelwa kwemisebenzi kwiiCYCC: CoE	15 077	15 077	-
Ubundlobongela obuJoliswe kwaBasetyhini	17 865	17 865	-
Unguqu kuMsebenzi woNcedo loKutya, amaziko okunikezelwa kokutya nophuhliso lweSendlo soluntu	14 600	14 600	-
Intlupheko yoluntu (Uncedo lokutya/isondlo)	25 000	25 000	-
Ukwandiswa kwenkxaso yeentsapho ngenxa yempembelelo yeCOVID-19, GBV, njl.njl.	10 000	10 000	-

### **INgqinisekiso yokokuba lonke ukhutshelo lwadipozithwa kwi-akhawunti yebhankeqinisekisiweyo yeCandelo loLawulo-mali lePhondo**

IAndelo loLawulo-mali lePhondo liqinisekise ngento yokokuba lonke ukhutshelo lwadipozithwe kwi-akhawunti yebhanka eqinisekisiweyo yeCandelo loLawulo-mali.

### **ITheyibhile M: UMnikelo oneMiqathango**

<b>Isebe ekukhutshelwe kulo umnikelo</b>	ISebe leSizwe loPhuhliso
<b>Injongo yomnikelo</b>	Ukwandisa inani Labantwana abahluphekileyo abafikelela kwiinkonzo ezixhaswa ngemali ze-ECD ngokusetyenziswa kololongo olungaphelelanga. Ukuxhasa abanikeli bophuhliso lobuntwana lwangethuba abanikezela ngenkqubo ye-ECD ukuhlangabezana neemfuno zesiseko zempilo nokhuseleko ukulungiselela ubhaliso. Ukunikezela ngeepakethe zenkxaso yeSixhobo soKhuseleko loMntu kwi-ECD, i-ASC kunye neenkqubo ukulungiselela ukuvulwa kwakhona. Ukuhlaziwa kwamaziko aneendleko eziphantsi e-ECD. Ukuqaliswa kweprojekti yobhaliso lweVangasali kulo lonke iPhondo.
<b>Imiphumela elindelweyo yomnikelo</b>	Amaziko angama-50 avavanyiwe, anikwa amaxabiso, ze ahlaziwa UMnikelo wenkxaso-mali: abantwana abangama-9 500
<b>Imiphumela eyiyo efezekisiweyo</b>	Amaziko angama-50 ahlaziyiwe UMnikelo wenkxaso-mali: abantwana abangama-15 923
<b>Isixa-mali ngokolungiso lweDORA</b>	R121 506 000 kuso: R104 278 000 – Inkxaso-mali, IZbonelelo. R17 228 000 – Ilinge lengqesho lika Mongameli

<b>Isixa-mali esifunyenweyo (R'000)</b>	R121 506 000
<b>Izizathu ukuba ngaba isixa-mali ngokweDora asifunyenwananga</b>	Asikho
<b>Isixa-mali esichithwe lisebe (R'000)</b>	R111 287 000
<b>Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liqumrhu</b>	Akukho zicelo zitsha zangezelelweyo zifunyenweyo zomnikelo wenkxaso-mali.
<b>Izizathu zonxaxho kumsebenzi</b>	Uninzi lwabantwana babuyiselwe kwii-ECD emva kwemithetho yeCOVID-19, ngoko ufezekiso olungaphezulu.
<b>Amanyathelo athatythiweyo ukuphucula umsebenzi</b>	Awekho
<b>Indlela yokubekwa kweliso lisebe elamkelayo</b>	<p>ISebi lePhondo ingenise iingxelo ezilandelayo kwiNDSD kune neCandelo loLawuo-mali lePhondo (PT):</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>■ Ingxelo yokuBekwa kweLiso rhoqo ngeNyanga eNyakeni (IYM) ukubeka iliso kwinkcitho.</li> <li>■ UYilo lwarhoqo ngeNyanga lokuNikwa kweNgxelo yeZibonelelo ukubeka iliso kwinkqubela phambili yokuhlaziya kwsibonelelo kune nenkcitho.</li> <li>■ Ingxelo yenqubela phambili yarhoqo ngekota yokunikezelwa kwenqanaba elikuwo umsebenzi kumnikelo wesibonelelo nenkxaso-mali.</li> <li>■ Isixhobo sokubekwa kweliso kwarhoqo ngekota ukunikezela ngeenkukacha zamanani ngendlela iphondo elinikezela ngayo iinkonzo ze-ECD ngokusetyenziswa komnikelo onemiqathango ngokunjalo nezabelo ezilinganisiweyo.</li> <li>■ INgxelo yokuPhela koNyaka ukunikezela ngomsebenzi/ngezifezekiso zonyaka, inkcitho nemingeni efunyenweyo.</li> <li>■ Ukuzimasa kwiNDSD iintlanganiso zarhoqo ngekota zokunikezelwa kwengxelo kulungiselelwa ukunikezelwa nohlaziyo olungenqanaba lePhondo kumnikelo onemiqathango kune nohlaziyo kwimiba yoMgaqo-nkqubo.</li> <li>■ lingxelo zoNyaka zovavanyo lomsebenzi ziQunkunjelwe yiyo yonke imibutho exhaswa liSebe lePhondo ukulungiselelwa ukuhlolwa kohambelwano kune nesiVumelwano seNqanaba leNkonzo (SLA/iimfuno zeTPA).</li> <li>■ lingxelo eziya kwiNDSD ngomiliselo lwepakethe yovuselelo.</li> </ul>

## 7. liNgxowa-mali zoMnikelo

Akukho nto ekunganikwa ingxelo ngayo.

## 8. UTyalo-mali IweNkunzi

### 8.1 UTyalo-mali IweNkunzi, ukulungiswa nesicwangciso solawulo Iwe-asethi

### Inkqubela phambili eyenziweyo kumiliselo Iwenkunzi, utyalo-mali kune nesicwangciso solawulo Iwe-asethi

Utyalo-mali IweSebe ikakhulu luqulathe ii-asethi ezishukumayo ngokuphathelelene nezixhobo zekhompyutha, ifanitshala, izithuthi kune nezinye izixhobo. Irejista yee-asethi ihlaziya ngoko nangoko kune nezifunyenweyo, ezilahliweyo kune naziphi na ezinye ii-asethi ezishukumayo. li-asethi zetheknoloji yengcaciso zibandakanya isiqinisekiso seminyaka emihlanu kwimeko apho i-asethi ingaphuka.

ISebe lixhomekeke ngokupheleleyo kwiDTPW ngeemfuno zalo zeZibonelelo nolungiso njengoko uhlahlo Iwabiwo-mali lubekwe kwindawo enye, yaye ulawulo Iweprojekti lubekwe emagxeni kwiDTPW. Isibonelelo seSebe kunye neeprojekti zolungiso zimiliselwa ngokuhambelana ngesiCwangciso soLawulo Iwee-Asethi yoMsebenzisi weSebe nokubekwa kweliso ngokusetyenziswa kweentlanganiso zarhoqo ngenyanga kunye neDTPW.

### **Iprojekti zeZibonelelo (okukhoyo nokuqhubeKayo)**

- Ukuhlaziya koMmandla wokuNikezelwa kweNkonzo weBergriver kukwinqanaba lokuthengwa kwempahla nolwakhiwo osele lukufuphi luqaliswe kuyaka-mali wama-2022/23.
- Iziko elitsha elangezelelweyo lamadoda kwiZiko loNyango laseKington liseKwinqanaba locwangciso.
- I-Ofisi yeNgingqi yeMetro South (Wynberg): ULungiso ngokuBanzi kunye nohambelwano kwiNqanaba loku-1 sele lisondele okokuba liquunkjelwe yaye lufanele okokuba luqunjelweekupheleni kwekaCanzibe 2022; iNqanaba lesi-2 likwiqondo locwangciso.
- IMurraysburg – ukuhlaziya kwe-ofisi entsha kule dilesi 35 Voortrekker Road kugqityiwe.
- Ukuhlaziya kweKliniki endala i-JJ du Preez Clinic ePaarl kulungiselelwa ii-ofisi ezintsha zeDSD kuyekwa ezi zikhoyo ezingamaziko aqeshiweyo kusacwangciswa, kuxhonyekew kwinxaso-mali ekhoyo.
- IClanwilliam – indawo yethutyana sele isekiwe kwindlu eqeshiweyo. linzame ziyeziwa ukufumana indawo yexesha elide.
- IMetro North, iZiko iGoulburn – Ulungiso ngokubanzi nohambelwano, kubandakanya ukufakelwa kophahla sele kuqukunjelwe.

### **Izicwangciso zokuvalwa nokuthotyelwa kumgangatho osezantsi kwawo nawaphi na amaziko akhoyo**

Akukho zicwanciso zakuvalwa okanye ukuthotyelwa ezantsi komgangatho walo naliphi na iziko elikhoyo.

### **Inkqubela phambili eyenziweyo kulungiso Iwesibonelelo**

- ULungiso ngokuBanzi olwahlukeneoyo kunye neeprojekti eziNkulu kumaziko ololongo akhuselekileyo lugqityiwe: eOuteniqua (iGumbi elitsha elilala abantu abaninzi), eOuteniqua (iziko eseleslikho), eLindelani kunye neDe Novo (ROAR) INqanaba 2 kubandakanya icandelo elitsha leCYCC kwicandelo ebilelo kusetyenziswa kwenxa kweziyobisi ngaphambili. Ezinye iziphene ebezingakenziwa zinkwa ingqwalasela ngoku.
- ULungiso ngokuBanzi olwahlukeneoyo kunye neeprojekti eziNkulu kumaziko ololongo akhuselekileyo sele luqhutywa: iZongezelelo ezitsha eHorizon neGumbi elitsha elilala abantu abaninzi eClanwilliam elisakhiwayo kunye noLungiso ngokuBanzi eBonnytoun naseVredelus kunye noHambelwano kukuthengwa kwempahla.
- ULungiso ngokuBanzi olwahlukeneoyo kunye neeprojekti eziNkulu kumaziko ololongo akhuselekileyo lukwinqanaba locwangciso yaye inkqubela phambili ixhomekeke kwinxaso-mali: eClanwilliam (magumbi amadala alala abantu abaninzi) kunye noLungiso ngokuBanzi olukwiNqanaba lesi-3 eDe Novo (ROAR); kunye namaZiko amatsha eSiyakatala.
- ULungiso ngokuBanzi neprojekti yoHambelwano kwiZiko else likho loNyango eKington likwinqanaba locwangciso. Ingqwalasela ekhawulezileyo kuhambelwano nomlilo iyafuneka. Amanyathelo ethutyana akho ukuzalisekisa iimfuno zethuba elifutshane ezivela koyiNtloko woMlilo weSixeko saseKapa.

## **Uphuhliso olunxulumene noku kungentla okulindelekileyo okokuba kube nempembelelokwinkcitho ekhoyo yeSebe**

Okungsentla akusayi kuba naliphi na ifuthe kwinkcitho ekhoyo yeSebe njengoko iindleko zathwalwa yiDTPW.

### **linguqu eziphathelelene nee-asethi ezikulawulo lweSebe**

Inani elipheleleyo lee-Asethi eziNkulu ezikuLawulo lweSebe iindleko zalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 ngama-R 83 676 236.39. Umsebenzi woqinisekiso lwee-asethi wonyaka, ngokuqinisekiswa ngokubalwa kwazo nokuhlolwa ngokwesampulu, kwagqitywa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Zonke iinkcukacha zee-asethi zacholwa-cholwa zafakwa kwirejista yee-asethi yaye zichanekile, zithembekile, zihlelwé ngokulungileyo yaye zicacisiwe. Zonke ezingasenekusetyenziswa, ezingasenakulungiswa, kunye nee-asethi ezonakeleyo zilahlwa qho yaye ngendlela ephandle.

Okubandakanyiweyo kwinani elipheleleyo lee-asethi ezinkulu ezilawulwa lisebe zii-asethi ezinkulu ezili-115 ezingekhoyo ebekufanele ukuba zikho, phantsi kophando luLawulo lwee-Asethi eziShukumayo okanye luLawulo lwaNgaphakathi, zixabisa, ngeendaleko, isi-R1 902 809.14 ngokwexabiso lencwadi, ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022, ngama-R451 776.32. Oku kubonisa, ngeendaleko, iipesenti ezi-2.27 zenani elipheleleyo lee-asethi ezinkulu ezikulawulo lweSebe.

### **ITheyibhile N: Ulwahlulwa-hlulo kwee-Asethi eziNgundoqo (eziNkulu) ezikulawulo lweSebe lunjengoku lulandelayo:**

IStora	Ixabiso leendaleko R
I-Ofisi	R 21 342 032.65
UMmandla weMetro South	R 7 536 790.34
UMmandla weMetro East	R 8 476 314.98
UMmandla weMetro North	R 8 214 104.31
UMmandla we-Eden-Karoo	R 8 381 023.47
UMmandla weCape Winelands Overberg	R 8 208 964.01
UMmandla weWest Coast	R 3 753 466.58
AmaZiko	R 17 763 540.05
Zonke	<b>R 83 676 236.39</b>

### **II-Asethi ezilahliweyo konyaka-mali wama-2021/22**

Inani elipheleleyo lee-asethi ezinkulu elingama-528, elixabisa isi-R 6 536 238.16 lilahliwe ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/2022. II-asethi ezinkulu zinxulumene:

- Ama-502 ee-asethi ezinkulu, ezixabisa izigidi ezi-R 5 200 150.08, zalahlwa ngohlobo oluqhelekileyo loshishino;
- Izithuthi ezibini (2) ezizodwa, ezixabisa ama-R 875 452.12, kwaphiswa ngezibini (2) kwimibutho echongwe kwangaphambili ezilungiselelwé ukuthuthwa kwabantwana abakhubazeke kakubi nakakhulu;
- Ezili-17 ii-asethi ezinkulu, ezixabisa ama-R 253 184.67, zacinywa okunxulumene nokucinywa okuvunyiweyo liGosa eliNika iNgxelo; yaye
- Ezisi-7 zee-asethi ezinkulu, ezixabisa ama-R 207 451.29, zakutshelwelwa kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (ii-asethi ezi-5) kunye neDTPW (ii-asethi ezi-2), kunxulumene nokutshelo olwamkelwe kwicandelo lama-42.

Inani elipheleleyo lee-asethi ezincinane eli-1 499, elixabisa ama-R 2 016 800.68 lalahlwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/2022. li-asethi ezincinane ezilahliwego zinxulumene;

- Ne-1 449 lee-asethi ezincinane, ezixabisa isigidi esi-R 1 921 160.28, ezilahliwe ngohlobo oluqhelekileyo lokuqhutywa koshishino;
- Nesi-5 see-asethi ezincinane, ezixabisa ama-R 4 711.51, sacinywa nokuhambelana nokucinywa okuvunyiweyo liGosa eliNika iNgxelo; kunye
- Nama-45 ee-asethi ezincinane, ezixabisa ama-R 90 928.89, zakhutshelelwa kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko, okunxulumene kukhutshelo olwamkelwego lweCandelo lama-42.

### **Amanyathelo athatyathiweyo ukuqinisekisa okokuba irejista yee-asethi yeSebe ihlala ilungile**

li-asethi ziayarekhodwaa kwiRejista yee-Asethi yeSebe ngomhla ezamkelwe ngawo ngokweNkqubo yeLOGIS. ULungelewaniso lwarhoqo ngenyanga IweBAS/LOGIS nalo luyaqhutywa ngokunjalo ukuqinisekisa ngokuphelela nokulungelelanisa iNkcitho yee-Asethi ngokoMncono wokuGqibela weBAS kunye neRejista yee-Asethi, kubandakanywa amaCandelo ee-Asethi. IYunithi yoLawulo Iwee-Asethi eziShukumayo iqhubo ngokunjalo uhlahlelo lwarhoqo ngenyanga phakathi kwerejista yee-asethi kunye noluhlu Iwazo zonke ezisebenzayo oluvela kwiCSC ukuchonga amagosa abe nokulishiya iSebe ngenxa yokuthatha umhlala-phantsi, ukurhoxa emsebenzi, ukugxothwa, njl.njl kunye nalapho ii-asethi zisenakho ukwabelwa kuloo magosa. ISebe linabalawuli bee-asethi kuyo yonke imimandla/amaziko kunye namaziko eendleko kwi-Ofisi eyiNtloko ekudingeka okokuba alungelelanise kunye/okanye enze iingqinisekiso zee-asethi rhoqo ngekota kwimimandla/kwiziko/kwiziko leendleko yabo eyahlukeneyo. Zonke iinguqu ezichongiweyo ngethuba lale nkqubo kunikwa iingxelo ngazo kunye/okanye zifakte kwiLOGIS evumela uhlaziyo olukhawulezileyo lwerejista yee-asethi yeSebe. Uqinisekiso lonyaka Iwee-asethi luyaqhutywa ngokunjalo ukuqinisekisa ngokuphelela nokuchaneka kwerejista yee-asethi. Njengomqathango owangezelelwego iyunithi yolawulo yee-asethi kwi-Ofisi eyiNtloko yenza uhlolo olungacwangciswa kwiifisi/kumaziko achongiweyo ngesithuba sonyaka-mali.

### **Ubume obukhoyo bee-asethi ezinkulu zeSebe**

Ubume obukhoyo bestokhwe see-asethi ezinkulu zeSebe: iipesenti ezingama-45 zee-asethi zikumgangatho olungidoqo, ezingama-50 eepesenti zee-asethi zikwisimo esingcono (zisenokusetyenziswa), ze iipesenti ezintlanu yee-asethi ezinkulu zeSebe eziseleyo zibe kwisimo esibi kakhulu yaye kunokugqitywa ekubeni zilahlwe.

### **Iiprojekti zolungiso olungundoqo ziqhutyiwe**

Akukho msebenzi ungundoqo owensiweyo liSebe kulo nyaka uphantsi kovavanyo. I-DTPW inoxanduva lwezi projekti.

### **Inkqubela phambili eyenziweyo ekulungiseni umsebenzi osemva wolungiso**

Ngesi sithuba sokunikwa kwengxelo iDTPW ibe nakho ukulungisa eminye imisebenzi esemva yolungiso. Nangona kunjalo, umsebenzi omkhulu osemva ukho kumaziko ololongo lokhuseleko lweSeba.

**ITheyibhile O: liProjekti zeZibonelelo**

liprojekti zeZibonelelo	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwomali lokugqibela R'000	Inkcitho eyiyo R'000	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho R'000	Ulwabiwomali lokugqibela R'000	Inkcitho Eyiyo R'000	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcith oR'000
li-asethi ezintsha nekuthengwe ezinye endaweni yezo	-	-	-	-	-	-
<b>li-asethi ezikhoyo zeZibonelelo</b>						
- ESwellendam DSD – Ulungiso Ngokubanzi IweSakhiwo kubandakanywa iintambo zombane	-	-	-	3 490	4 760	(1 270)
- EBeaufort West- I-Ofisi yoPhuhliso IweNtlalo kwiDan De Villiers Building – Indawo yokuPaka enesigqubuthelo FY1819	-	-	-	193	229	(36)
- EStellenbosch- Lindelani – Ulungiso ngokuBanzi kwiiGaraji zeZindlu eziNinzi kuye neNdawo evalelekileyo FY1718	-	-	-	5 825	6 262	(436)
<b>Ukhutshelo IweZibonelelo</b>						
• Ezikhoyo	-	-	-	-	-	-
• EzinKulu	-	-	-	-	-	-
<b>Zizonke</b>	-	-	-	<b>9 507</b>	<b>11 250</b>	<b>(1 742)</b>

# ICandelo C: ULawulo

## 1. Intshayelelo

Ukuzibophelela kweSebe ukulungiselela ukugcina imigangatho ephezulu yolawulo kusisiseko kulawo lweemali zikarhulumente nezibonelelo. Abasebenzi bafuna ingqinisekiso yokokuba iSebe linezibonelelo zolawulo olulungileyo ezikhoyo ukulungiselela ukusetyenziswa kwezibonelelo zikarhulumente ngokusebenzayo, ngokufanelekileyo nangoqoqosh, ezixhaswa ngemali ngumhlawuli werhafu.

## 2. ULawulo loMngcipheko

IGosa eliNika iNgxelo leSebe loPhuhliso loLuntu lithabathe uxanduva lokumilisela uLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali leSizwe (PSRMF) kunye neCandelo loLawulo loMngcipheko weShishini (D: ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DotP) linikezelea ngenkonzo ebekwe endaweni enye embindini kwiSebe.

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukunceda iGosa liNika iNgxelo ekumiliseleni uxanduva lwakhe olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

### **liNqobo ezisesikweni kunye noXanduva IweKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino (ERMCO)**

IKomiti yoLawulo lowMngcipheko weShishini (ERMCO) inika ingxelo yokokuba ihambelene nxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, uMmiselo weCandelo loLawulo-mali 3.2.1 iMimiselo yeCandelo loLawulo-mali 3.2.1 kunye neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iSahluko 2, iSahlulo 1, 2 kunye nesesi-3. I-ERMCO inika ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMigaqo neSikhokhelo esifanelekileyo esisesikweni (eyamkelwe ngusihlalo we-ERMCO ngomhla we-14 kwegoMdumba 2019) yaze yalungelelanisa imicimbi yayo ngokuhambelana kunye neMigaqo neSikhokhelo yaye iqhube lonke uxanduva lwayo njengoku luqulathiwe apha.

### **Amalungu eKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO)**

I-ERMCO ibandakanya amalungu akhethiweyo eqela labalawuli abaphezulu beSebe. NgokweMiqathango yayo yokuSetyenziswa, i-ERMCO idibene kane kulo nyaka uphononongwayo.

Itheyibhile engezantsi iveza ulwazi olufanelekileyo ngamalungu e-ERMCO:

ILungu	Isikhundla	Intlanganiso eziZinyasiweyo	USuku aQeshwe ngawo
Gq. R Macdonald	IGosa eliNika iNgxelo (USihlalo)	3	31/03/2017
Mnu. J Smith	UMlawuli oyinTlolo: ULawulo IweMali (CFO & neNtshatsheli yoMngcipheko)	2	30/03/2017
Mnu. C Jordan	UMlawuli oyinTlolo: ABantwana neeNtsapho ne-ECD	3	30/03/2017
Nksk. M Johnson	UMlawuli oyinTlolo: UCwangciso IweShishini neQhinga	2	30/03/2017
Mnu. M Hewu	UMlawuli oyinTlolo: UPhuhliso loLuntu noThelelwano	3	30/03/2017
Nksk. A van Reenen	UMlawuli oyinTlolo: uLawulo noLungelewaniso lokuNkezelwa kweNkonzo	4	01/07/2021

<b>Ilungu</b>	<b>Isikhundla</b>	<b>lintlanganiso eziZinyasiweyo</b>	<b>USuku aQeshwen gawo</b>
Nksk. L Goosen	UMLawuli oyiNtloko: liNkonzo zeNtlalo-nntle noLuntu nezokuBuyiselwa esimeni saNgaphambili	3	17/11/2020
Nksk. R Patel	UMLawulo: INkxaso yoLawulo lokuSebenza	1	01/01/2022

Oku kulandelayo sisalathisi samane amagosa athe azimasa imihlangano ye-ERMCO kunya ka ophantsi kovavanyo:

<b>Igama</b>	<b>Isikhundla</b>	<b>lntlanganiso eziZinyasiweyo</b>
Mnu. D Arendse	USekela-Mlawuli: ULawulo IwaNgaphakathi	3
Mnu. S Abrahams	UMLawuli oNcedisayo oBambeleyo: ULawulo IwaNgaphakathi	1
Nksk. D West	UMcwangcisi-mali kaRhulumente: ULawulo IwaNgaphakathi	4
Mnu. D Holley	UMLawuli: UCwangciso IweMali	1
Mnu. C Starling	UMLawuli: ULawulo IweSixokelelwano soNikezelo	1
Mnu. G Miller	UMLawuli: UPhando noLawulo IweNgcaciso	3
Nksk. S Nieftagodien	UMLawuli: UCwangciso IweShishino nokuBekwa kweLiso	1
Mnu. L Arnolds	UMLawuli: UPhuhliso loLuntu	1
Nksk. A Haq	UMLawuli: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	3
Nksk. G Solomons	UMLawuli oBambeleyo: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	1
Mnu. S Africa	UMcebisi oyiNtloko woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4
Nksk. M Natesan	UMLawuli oBambeleyo: liNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	4
Nksk. M Danker	liNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	1
Nksk. L Abrahams	liNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	1
Nksk. P Pillay	liNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	1
Mnu. S Malan	UMLawuli: UPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi (DotP)	3
Nksk. A Behardien	USekela Mlawuli: UPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi (DoTP)	4

## **IMisebenzi ePhambili yeKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini**

IGosa eliNika iNgxelo ngusihlalo we-ERMCO. Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMCO yenza le misebenzi ungundoqo ilandelayo ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo:

- UMgaqo-nkqubo ovavanyiweyo kwakhona woLawulo woMngcipheko weSebe nesiCwangciso soMiliselo; kulungiselelwa izindululo ezenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo leGosa eliNika iNgxelo;
- Imisela, ivavanya kwakhona ize isebeenzise umnqweno womngcipheko ofanelekileyo neemvume, ze kucetyiswe okufanayo kulungiselelwa ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuvavanywa kobungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwiSebe;
- Ukuhlolwa komiliselo loMgaqo-nkqubo weSebe woLawulo loMngcipheko, iQhinga nesiCwangciso soMiliselo;
- Ukuvavanywa kokusebenza amaqhingga odanjiso ukulungisa iqhinga lemathiriyeli, iinqobo ezisesikweni kunye nemingcipheko yolwaphulo-mthetho loqoqosh:
- Ukunikwa kwengxelo kwiGosa eliNika iNgxelo nakuziphi na iinguqu kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Ukuqwalaselwa kokuchongwa komngcipheko overlayo;
- Ukuvavanywa ngokutsha kwesiCwangciso soBuqhophololo noRhwaphilizo yaye nokuhamba nako isiCwangciso soMiliselo ze kundululwe ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuhlolwa kokumilisela kwesiCwangciso sesebe sokuMiliselwa koLawulo lweenQobo ezisesikweni; kunye
- Nokunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenQobo ezisesikweni kwiSebe.

## **Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo yaze yalungiswa kwisithuba sonyaka**

Le mingcipheko yeqhinga engundoqo ilandelayo yeSebe ithe yavavanywa ngokutsha apha enyakeni, kubandakanywa ukuhlolwa udanjiso osele lukho nolwangezelweyo olukhoyo:

- **"Ukungakwazi ukulungisa ngempumelelo izithintelo zezakhono zeeNGO".** Umgeni ophambili ojamelene neSebe, ngowokuba xa iNGO ivala iingcango zayo iSebe kufuneka lithabathe uxanduva lweenkonzo ebezinikezelwa yiloo NGO kubemi beWCG. iINGO ezintathu sele zichazile kwangekota yesine okokuba ziya kuvala. Inkaso-mali ngumba ophambili onikelayo, yaye iSebe alunalo tu ulawulo kukuvalwa kweeNGO.
- **"Ukwanda kwendlala kumakhaya kwiingingqi ezininzi zoluntu kwiWC".** Ngenxa yohlobo lwayo lokugabadela aphi indlala kumakhaya kwensiwe mandundu ngubhubhane weCOVID-19 kunye neempembelelo zamaNqanaba oPhaphamiso lokuvalwa ngci kwayo yonke into kweSizwe, lo mngcipheko wachazwa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Inani lamakhaya asesichengeni anganayo imali yokuthenga ukutya kodwa axhomekeke kwiipasile zokutya ezazikhutshwa liSebe lande kakhulu, nangona ukubonelelwa kweepasile zokutya akusiso isigunyaziso seSebe, kodwa sesikaSASSA. Ukubonelelwa kweepasile zokutya kunye noNcedo oluLodwa lweCOVID-19 lweNdlala (SRG) seR350 sinike isiqabu kubemi abasesichengeni abakwi-WCG. ISebe lizamela ukufumana ithuba lokusebenziana neWestern Cape Food Forum eyahlanganiswa yiWestern Cape Economic Development Partnership (WCEDP), kunye neenzame zokuthomalalisa indlala kwiingingqi zoluntu ezisesichengeni kakhulu kwiWC.
- **"Isigrogriso sokhuselo nokhuseleko kubasebenzi beDSD, abaxhamli/abahlali, ii-asethi ezishukumayo nezingashukumiyo".** Lo mngcipheko wachazwa kwakhona kwikota yesine ulungelelaniswa kwizehlo zokhuselo ezifunyenwe kwiSebe. Uhlobo oluhamba nemisebenzi yonoontlalo-ntle isoloko ibakhokhelela kwiimeko eziyingozi kubomi, okanye babanjwe inkunzi baxuthwe izinto zabo kubandakanywa ii-asethi ezishukumayo ezinikezelwe kubo liSebe. Njengenxalenyne yamanyathelo okudambisa, iSebe liqalise kokususa imibhlalo karhulumente kwizithuthi iiGG zikarhulumente ze zifale ifilim apha ezifestileni ukuthintela ukwaphulwa kwazo ze kuthathwe okungaphakathi kwizithuthi ezisesikweni. Ngaphezulu,

oonontlalo-ntle bonokucela uncedo lokuphelekwa kwiSAPS xa beqonda okokuba babza kububa sengozini okanye abaxhamli babo bachanatywe kwiingozi zokhuselo nokhuseleko.

- **"Ukunganeli kwabasebenzi (kwiDSD) ukunikezela kwisigunyaziso seqhinga seSebe".** Imiba engundoqo enikelayo kulo mngcipheko kukunyina uhlahlo lwabiwo-mali lweCoE nokungaqukunjelwa kweenqubo zoYilo loMbutho. Lo mngcipheko wenziwa mandundu ngakumbi libango leenkonzo zeDSD ngabona bemi basesichengeni kakhulu kwiphondo ngenxa yobhubhane weCOVID-19. Kunikwe ingxelo ngesithuba sekota yesine ye-ERMCO yokokuba igosa labelwa okokuba lisebenze ngqo kwimimandla yophando loYilo loMbutho, oluya kubandakanya isahlulo esithile samaziko kulungiselelwa unyaka-mali wama-2022/23. Ikomiti iqinisekise ngento yokuba oku akuzange kubuguqule ubukhali bomngcipheko kweloo nqanaba.
- **"Ukungafaneleki kolawulo Iwesivumelwano seNPO (uMbutho oNgenzi Nzuzo)".** Ubonelelo lwenkonzo yeSebe lunokubekwa esichengeni ngenxa yokunokwenzeka kweenNPO ezinikezela iinkonzo ezikumgangatho ophantsi kubemi abasesichengeni kakhulubephondo. ISebe lenze inkqubela phambili enku kuphuhliso nomiliselo lweNkqubo yoLawulo lweNPO, elawula inkqubo emalunga nezivumelwano ezininzingokuhambelana nengcaciso yemali nengeyomali. Ixhibe ngaphezulu ukulawula iiNtlawulo zoMjikelo zeNkxaso-mali eFanayo zeeNPO, kubandakanya ukubekwa kweliso novavanyo lweeNPO ezinezivumelwano zentlawulo ekhutshelwego kune neSebe.
- **"Ukunganikezelwa kweenkonzo yi-Arhente yoNcedo IweNtlalo (SASSA) kubaxhamli abathunyelwe yiDSD (UNcedo olithe ngqo IweNtlalo)".** ISebe alunalo ulawulo olupheleleyo kulo mngcipheko yaye lixhomekeke kakhulu kwiSASSA okokuba anikezele kubaxhamli abathunyelwe liSebe kune neenkonzo eziyimfuneko abazidingayo.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iSebe linike ingqwalasela kumanyathelo aphambilii okudambisa njengechaiziweyo kwisiCwangciso salo sokuQhubeka kweShishini (BCP) ukulawula ubhubhane weCOVID-19, kubandakanya nesehlo esiphasamisayo, nokuqinisekisa okokuba umsebenzi uyaqhube ka njengesiqhelo. Okubaluleke kakhulu, kukuqinisekisa ngempilo nokhuselo lwabasebenzi balo kune nabaxhamli elibasebenzelayo. Zonke iinkonzo eziyimfuneko kune nemisebenzi yoshishino olubalulekileyo zichongwe ngokucacileyo kwiBCP. Ikhono leSebe lokuhambelana noMthetho wePOPI lachazwa yaye imiba enikelayo kune neempembelelo kune namanyathelo odanjiso abandakanya kumngcipheko "ufikelelo lweNgqiqo olungaGunnyaziswanga (okt. linkqubo ezibalulekileyo okanye ingcaciso iyakrokrelisa)". ISebe lenze inkqubela phambili enku ekumiliseleni izicwangciso zokusebenz ezithe zachongwa.

Umngcipheko wenqubo nganye waxoxwa/kwaxoxwa ngawo kwiintlanganiso zekota ze-ERMCO. Abaphathi benkqubo kuye kwafuneka banike ingxelo ngenqubela-phambili yokuphunyezwu kwe izicwangciso zamanyathelo okunciphisa ukubakho komngcipheko kune/okanye impembelelo ukuba ziyenzeka ukwenza izinto ezibonakalayo. I-ERMCO ikwabhekiselele kwimincipheko emva ekufuneka ihlalutywe ngokubanzi kwaye icebise ngonciphiso olongezelelweyo okanye amanyathelo okulawula umngcipheko.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi eHlangeneyo yeNtlalo inikezela ngolongamelo oluzimeleyo lolawulo lomngcipheko wenqubo yeSebe. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa iingxelo zenqubela phambili zaRhoqo ngeKota ze-ERM kune neerejista zomngcipheko ukulungiselela ukumilisela indima yayo yolongamelo oluzimeleyo.

### **Imingcipheko engundoqo evelayo kunyaka-mali olandelayo**

Umngcipheko ovelay ophambilii odinga ukuba uqwelaselwe kunyaka-mali olandelayo unxulumene kwikhono leSebe lokujongana "nebango elandileyo leenkonzo zesebe ngabemi abasesichengeni kakhulu kwiWC". Lo mba mngcipheko unionxulmano olithe ngqo kumngcipheko weqhinga **"Ukunganeli kwabasebenzi (kwiDSD) Ukunikezela kwisigunyaziso seqhinga leSebe"**.

## Isiphele

ISebe linenkubo eyendeleyo yolawulo lomngcipheko kwimisebenzi yalo yolawuloyaye kukho inkqubela phambili enolawulo lwemingcipheko ngokupheleleyo kwiSebe. Imingcipheko engekho kulawulo lweSebe isele iphakamile; kodwa isoloko ivavanywa ngabachaphazelekayo (umz., iiNPO, amasebe ephondo kunye namasebe angalawulwa ngokupheleleyo ngurhulumente) kulungiselelwa inkcazel nengqiqo engcono, ngokuphathelel kumanqanaba okunyamezela, imiba yokudanjisa efana neendleko, kunye nokulunga kwenkonzo efunyenwego.

### 3. UBuqhophololo noRhwaphilizo

Ubuqhophololo norhwaphilizo lumele imingcipheko emikhulu engakho kwii-asethi zeSebe yaye inganempembelelo embi kunikeyelo lwenkonzo olufanelekileyo nokundiliseka kweSebe. IWCG yamkele iQhinga eliChasene noRhwaphilizo eliqinisekisa ukungabamkeli kwephondo ubuqhophololo norhwaphilizo. Ngokuhambelana neli qhinga iSebe lizibophelele libhekiselele nokulwa korhwaphilizo okanye ubuqhophololo, nokokuba ingaphakathi okanye ingaphandle ze iyilandele ngamandla ze iyitshutshise ngazo zonke iindlela elinazo, nawo nawaphi na amaqela enza imisebenzi enjalo okanye azama ukwenza njalo.

ISebe lamkele isiCwangciso sokuThintelwa koBuqhophololo kunye nesiCwangciso soMiliselo esihamba kunye naso esincedisa isiCwangciso soThintel.

Imijelo eyahlukeneyo elungiselelwe ukuchazwa kwezityholo zobuqhophololo ubusela norhwaphilizo ikho yaye le ichazwe yacalulweyo kwiQhinga lePhondo lokuLwa noBuqhophololo noRhwaphilizo, kuMgaqo-nkqubo weWCG wooNtamnani nakwisiCwangciso seSebe sokuThintelwa koBuqhophololo. Isityholo ngasinye esamkelweyo yiYunithi yeeNkonzo zePhondo zaseNkundleni (PFS) siyarekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukungiselela ukunika ingxelo ngenqubela phambili eyenziweyo kumatyala anxulumene neSebe ze kuveliswe iinkcukacha zamanani kulungiselelwa iphondo neSebe.

Abasebenzi abathe baxela urhanelo lobuqhophololo, urhwaphilizo kunye nobusela bakhuselekile ukuba bangenza ubhengezo olukhuselweyo ukuba ngaba ubhengezo olo lukhuselwe (okt luyahlangabezana neemfuno zomthetho uMthethowobhebgezo oluKhuselweyo, onguNomnbolo 26 wama-2000 umz. Ukuba ngaba ubhengezo olo lwenziwe kungaxhitywe mpindezel). UMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama unikezela ngezikohkhelo kubasebenzi ngendlela yokuphakamisa iinkxalabo kunye nolawulo olufanelekileyo, abantu abatyunjiweyo abathe ngqo kwiWCG okanye amaziko angaphandle, apha kukho imihlaba efanelekileyo yokukohkhelwa okokuba ukwaphulwa komthetho okanye ukungafaneleki kuthe kwaqhutyelwa phambi kwiWCG. Ithuba lokuhlala ungaziwa kufuneka linikezelwe nakuwuphi na umntu ongathanda ukuchaza izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo yaye ukuba bathanda ukwenza oko ngokwabo, ukuba bangobani kugcinwa kuyimfihlo ngumntu lowo kunikwa ingxelo kuye.

Ukuba ngaba emva kophando ubuqhophololo okanye urhwaphilizo luqinisekisiwe emva kokuqkunjelwa kophando, umqeshwa ofanelekileyo othabathe inxaxheba kwezi zenzo usiwa kululeko. Kuzo zonke ezi meko, ummeli we-WCG oqala iinkqubo zoluleko udingeka ukuba andulule ukululekwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apha ubungina bolovo bokujala bokuziphatha ngobugebenga buthe bafunyanwa, umba wolwaphulo-mthetho uyaxelwa SAP.

Ukulungiselela unyaka ophantsi kovavanyo, iPFS ikhuphe isiqinisekiso sokudlulisela kwetyala ukwenzela iSebe liqaphele oku kulandelayo:

Amatyala	Inani
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga kumhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021	0
Amatyala amatsha (2021/22)	1
Amatyala avaliweyo (2021/22)	0
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga kumhla wama-31 kweyoKwindla 2022	1

Le theybhile ilandelayo ihlalutya nangakumbi amatyala avuliwego njengoko kuchaziwe ngentla apha:

Uhlobo neziphumo zophando kwityala elinye (1) elivuliwego
Izityholo zangqinelwa kweli tyala linye (1) lilandelayo:
Inombolo yetyala PFS21-22-0-000027 livulwe ngowama-2022/01/28
Isityholo: izityholo ezininzi (urhanelo lobuqhophololo/lorhwaphilizo/lokuphatha gwenxa impahla)
Inqanaba: Uphando lusaqhutywa.

Le theyibhile ilandelaya ihlahlela ngaphezulu amatyala avaliwego aboniswe apha ngasentla:

Uhlobo nokuphandwa kwesiphumo se-0 samatyala avaliwego
Izityholo zangqinelwa kula matyala angekhoyo (0) avaliwego:
Abukho.

#### 4. Ukuncitshiswa koNgquzulwano loMdla

Umgangatho ophezulu weenqobo ezisesikweni zobuchule kufuneka ukhuthazwe yaye ugcinwe kwinkonzo karhulumente. Kule meko, onke amalungu eNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (SMS) adingeka ukuba abhengeze kugunyaziwe ophezulu iinkcukacha zaho wonke umdla wabo ngokuhambelana neSahluko 2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente sama-2016. Injongo yeSahluko 2 kukuchonga naluphi na ungquzulwano lomdla ukulungiselela ukukhuthaza imisebenzi yolawulo enobulungisa nelungileyo yamagosa akwizikhundla eziphezulu ukwenzela ukukhusela iinkonzo zikarhulumente kwizenzo ezinokuthi zibe nefuthe elibi ekusebenzeni kwawo. Ubhengezo olunjalo lwenzeka rhoqo ngonyaka. Xa kuthe kwavela naluphi na ungquzulwano lomdla kuya kujongwana nalo, ngokuhambelana neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 kune nemithetho enxulumene nayo.

Ngokuhambelana necandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe), abaqeshwa abakwinkonzo karhulumente banako ukwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwengqesho yabo yesebe elifanelekileyo, ngaphandle kokuba banemvume ebhaliwego ephuma kuGunyaziwe oLawulayo. Ngaphezu koko, uMmiselo 13(c) weMimiselo yenkonzo kaRhulumente yowama-2016 othe waqalisu ukusebenza ngomhla wokuqala kwinyanga ka-Epreli wama-2016 ukhokhela into yokokuba "umqeshwa akasayi kuqhuba lushishino nalo naliphi na isebe likarhulumente, ngaphandle kokuba umqeshwa lwo ukwisikhundla esisesikweni sokuba ngumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 neye-3 yomthetho woLawulo IweMali kaRhulumente."

Abaqeshwa abangekafumanu imvume eyimfuneko yokwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (RWOP) bayo kululekwa.

Ngokuvveliswa kweMimiselo yeNkonzo kaRhulumente wama-2016 iSihlomelo 1 (Amalungiselelo eNguqulelo), efundwa kune neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente uxinzelelo olukhulu lubekwa kubaqeshwa abaqhuba ushishino nesebe likarhulumente. Imiqathango yeNguqulelo ngokuhambelana neSihlomelo 1 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 idinga ngokuthe ngqo:

- (1) Zonke iimvume nezithathyathwa njengemvume ezinikezelwego kubasebenzi ngokwemiqathango yeCandelo 30 loMthetho ngaphambi kokuba usebenze yomiselo oluqikelelwayo kumthetho 24 ziya kurhoxiswa ukususela kwiinyanga ezintandathu emva kokuqaliswa ngoko.
- (2) Umqeshwa, othe ngethuba lokuqalisu kokusebenza kwale mithetho, waqhuba ushishino kune nesebe likarhulumente okanye abe ngumlawuli kwinkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente, ngaphandle kokuba ngumqeshwa okwisikhundla sakhe esisesikweni engumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 okanye 3 yoMthetho kaRhulumente woLawulo IweMali, uya kuthi-
  - (a) kwisithuba senyanga enye, abhengeze into yokokuba umqeshwa uqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye ungumlawuli wenkampani eshishina norhulumente;
  - (b) kwisithuba seenyanga ezintandathu:

- (i) ayeke ukuqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
- (ii) arhoxe njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
- (c) ukuba umqeshwa akarhoxi kwisithuba seenyanga ezintandathu, umqeshwa kufuneka angenise ubungqina bokuba uyekile ukuqhuba ushishino okanye urhoxile njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente kwisithuba senyanga yokwenza njalo."

Ukuchongwa kwezehlo zabaqeshwa abavela kwi Central Supplier Database (CSD) ziyalungiswa nabaqeshwa abafanelekileyo, becelwa ukuba basebenzise iziggibo zabo njengoko kuqikelelwe kwimiqathango yenguqulelo, ngasentla, nokunikezelala iSebe ngobungqina obubhaliwego obuyimfuneko besigqibo sabo.

Abaqeshwa abafuna ukwenza umsebenzi ongomnye weRWOPS, kufuneka benze isicelo ngokuhambelana neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente noLawulo (MPSA), obandakanya ifomu yesicelo elungisiwego, ekufuneka ingeniswe kwiGosa elityunjiveyo leeNqobo ezisesikweni ukuxhasa kunye(okanye banike isizathu/izizathu sokungasixhasi isicelo, phambi kokunikezelwa kwemvume nguGunyaziwe oLawulayo okanye nguGunyaziwe oThotyelwe amagunya. Kwakufumaneka imvume uGunyaziwe oLawulayo okanye uGunyaziwe oThotyelwe amalungelo ukhupha isiQinisekiso: Imvume yoMnye uMsebenzi oHlawulayo, kusaziswa umenzi wesicelo okokuba imvume inikezelwe. Isiqinisekiso siqaqambisa ngokucacileyo nguuphi umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente ummntu anakho ukuwenza kubandakanya wa sokuwenza. Isiqinisekiso sichaza into yokokuba ukuba ngaba kunokufumaniseka ukuba kukho ukungahambelani okanye ukungathotyelwa kwemithetho karhulumente elawula omnye umsebenzi ohlawulayo, kubandakanya wa nokungaqhutywa koshishino nesebe likarhulumente, imvume iya kurhoxiswa ze amanyathelo oluleko, ahambelana neMiqathango yoLuleko neeNkqubo elungiselwelwe iNkonzo kaRhulumente, iya kumiliselwa. Ukhankanyo luyenziwa ngokunjalo lokokuba ukuba ngaba umntu ufuna ukuqhube ka nomnye umsebenzi ohlawulayo emva komhla wokuphela kwemvume, isicelo esisesinye kufuneka singeniswe.

Zonke izicelo kufuneka zibe ze zibhaliwego, yaye kufuneka, phakathi kwezinye, ziqwalasele uhlobo nobungakanani bomsebenzi ohlawulayo ekufuneka wenziwe, kubandakanya wa amaxesha/iiyure zomsebenzi nobudlelwane ngoko (ungquzulwano lomdla olungakho okanye imimandla yenxalabo) kwimisebenzi yesiqhelo athi umqeshwa ayenze kwinkonzo karhulumente. Izicelo ezzinjalo zixhomekeke ngoko kuvavanyo. Abaqeshwa kufuneka benze izicelo rhoqo ngonyaka phambi kokuphela kwesithuba semvume nguMphathiswa oLawulayo okanye nguMphathi oThotyelwe amagunya. Amaphepha eendaba arhoqo ngekota, aqaqambisa inkqubo emalunga nokuqhutywa komnye umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente unikezelwa kubo bonke abasebenzi bangaphakathi ukuphucula ingqiqo yabo nohambelwano kunye nesicwangciso-nkqubo esilawulayo.

Ngaphezulu, amagosa eenkqubo ezisesikweni atyunjwa nguMphathiswa oLawulayo ukulungiselela ukubeka iliso kuhambelwano olubhekiselele kwizibhengezo. Ukunciphisa ungquzulwano lomdla kwinkqubo zeSCM, amagosa eSCM kunye namalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso aziswa ngezigunyaziso zawa enqobo ezisesikweni kubandakanya wa ukusayinwa kweKhowudi yokuZiphatha, ngamalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso namagcisa eSCM. Ngethuba lengqwalasela, ulwamkelo okanye ulwabiwo lonikezelo lwamaxabiso okanye naluphi na unikezelo lwefomu yesibhengezo izaliwiwe yaze yasayinwa ngawo onke amalungu aphi azibophelelayo okokuba njengamalungu ekomiti, abayi kukhetha cala okanye bagwebela nawuphi na umntu kwinkqubo yokuthatyathwa kwsiggibo yikomiti.

Ukuqinisekisa ngohambelwano kuMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe) kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente, 2016 uMgaqo-nkqubo oNqamlezileyo weZipho kunye neRejista yeSebe yeZipho naMalizo kunye nezibhengezo ezibhaliwego ziyasebenza.

IKomiti uyeNqobo ezisesikweni yoPhando, esekwe ngowama-2009, iqinisekisa ngokunjalo ukukhuthazwa kophando olusekwe kwiinqobo ezisesikweni kwiSebe. Ukupuhliswa nkqubo weNqobo ezisesikweni zoPhando kuphelele ekunikezelweni kwezikhokhelo zenqubo ezisesikweni ukulungiselela ukuqaliswa kophando

## 5. Indlela yokuZiphatha

UMqulu oNgendlela yokuZiphatha kwaBasebenzi baseBurhulumenteni, njengoko ibandakanywe kwiSahluko 2 kwiMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, phakathi kweminye, ulawula indlela yokuziphatha yabasebenzi bakarhulumente kune nabo bonke abasebenzi baindeleke okokuba bahambelane nawo. INdlela yokuZiphatha ichaza izithethe nemigaqo ekukhuthazeni imfezeko, kune nokunikezelwa kweenkonzo okufanelekileyo nokusebenzayo kuluntu; luluhlu lwemigangatho echaza indlela yokuziphatha esiyilindeleyo kubaqeshwa bethu; ikhokhelo abaqeshwa ngedlela elindelwego kubo yokuziphatha okusesikweni, ngendlela yokuziphatha yomntu ngamnye nobudlelwane babo kune nabanye.

Ulwazi malunga nalo Mqulu weNdlela yokuZiphatha lwaveliswa ngokusetyenzisa koqeleshlo lokubekwa esikhundleni kulungiselelwababaqeshwa abatsha, abafunda besengqeshweni ngokunjalo namalungu abasebenzi ze yaqiniswa ngeencwadana zendaba ezinikezelwe kubo bonke abasebenzini. Amathuba engcaciso awenziwa ngonxibelewano lwekhompyutha ngendlela yokuziphatha elungiselelwababaqeshwa abasebenzi benkonzo yentlalo andlalwa kumagcisa enkonzo yentlalo ngothethwano neBhunga loMzantsi Afrika laMagcisa eNkonzo yeNtlalo (SACSSP).

IMiqathango yoLuleko neeNkqubo ezlungiselelwababaqeshwa abatsha, abafunda besengqeshweni ngokunjalo namalungu abasebenzi ze yaqiniswa ngeencwadana zendaba ezinikezelwe kubo bonke abasebenzini. Amathuba engcaciso awenziwa ngonxibelewano lwekhompyutha ngendlela yokuziphatha elungiselelwababaqeshwa abasebenzi benkonzo yentlalo andlalwa kumagcisa enkonzo yentlalo ngothethwano neBhunga loMzantsi Afrika laMagcisa eNkonzo yeNtlalo (SACSSP).

## 6. Imiba yeMpilo, yoKhuseleko neyeNdalo

Imingcipheko yempilo nokhuseleko kwiSebe yohluka ngokwezelohlo ezenzeka kwii-ofisi kune nezehlo zamaziko kwenyukela ke kuye kuthi ga kwezinye iingozi ezingaba nobuzaza ezifana nokwenzakala emzimbeni yiyo ke le nto kukho isidindo sokwenziva kweemvavanyo zomngcipheko wempilo yabasebenzi neyamaziko rhoqo ngonyaka. Ekujoliswe kuko okungundoqo kwiMpilo noKhuselo ngesithuba salo nyaka-mali ibe kukuqinisekisa ngohambelwano nemiyalelo yeCOVID-19 yeSebe leNgqesho nelaBasebenzi.

ISebe liye lazinkela ekuqinisekiseni ukuthotyelwa kwayo yonke mitetho elawula imicimbi yempilo neyokhuseleko, imigaqo esemthethweni ze labandakanya neendlela zokuziphatha ngokuthi kuqeshwe ngokwemigaqo yeCandelo 16(2) abathunywa nabameli bezempilo nokhuseleko, abasebenzi abajongene nokukhupha abanye ngokukhawuleza kwisakhwi, aboncedo lokuqala, ukumiselwa kweekomiti zokhuseleko kwakunye nekomiti yokhuselo. Ukuze kube nokusoloko kupuhliwa ze kwakhiwe izakhono zala magosa amiselwe lo msebenzi, iimashali zemigangatho, abameli bokhuselo, abacimi-mlilo kune noqeleshlo loncedo lokuqala lwanikezelwa.

litsheklisti zarhoqo ngenyanga zingenisiwe ukulungiselela ukulandela uhambelwano lomiliselo lweemfuno zoMthetho weMpilo noKhuselo eNgqeshweni kwi-ofisi nganye okanye kwiziko. Imiba eqaqanjiwa kwiitsheklisti ilungisiwe mhlawumbi kwiSebe okanye yiDTPW. ISebe libandakanye uhambelwano lwazo zonke izakhwi/amaziko kwisiacawangciso soLawulo lwee-Asethi zaBasebenzisi zeSebe (U-AMP) zangeniswa kwiDTPW ngokunjalo nakwiPT.

IKomiti yeSebe yezoKhuseleko iqinisekise ngokumelwa kwabalawuli abaphezulu abanoxanduva lwemicimbi yokhuseleko kuzo zonke ii-ofisi zeDSD, kwiindawo ekunikezelwa kuzo inkonzo kune namaziko. IKomiti isasebenza kunangoku yaye ihangana rhoqo ngekota. Ikwayiyo eqinisekise ukumiselwa kwezindululo zophicotho lwezokhuseleko kwanenkqubo yohlolo lweenkcukacha zokhuseleko eyathi yensiwa yiSAPS yeSebe lwayo kwi-Arhente yezoKhuselo lukaRhulumente (SSA), ngokulandeletana.

ISebe likwasamkele isidindo sokuqulunqwa, ukumiselwa nokugcinwa kwemigaqo-nkqubo, iinkqubo namalinge okuncedisa kwimeko apho kuphazanyiswa ngokumandla inkqubo yoshishino lwesebe, yiyo ke le nto ibone kufanelekile ukuqulunqa iBCP. Kule BCP kukho isiCwangciso sokuSabela kwimeko yaManzi, isiCwangciso sokuSabela kuMlilo kwakunye nokuQhuba kokusebeza koMbane. iBCP ivakalisa amanyathelo eliya kuwathabatha iSebe ukuqokelela nokubuyisa iinkqubo zokuqinisekisa ukuqhubeka kwemisebenzi yoshishino oluphambili kusetyenzisa ezona ziseko zingephi.

## 7. liKomiti zePalamente

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	lKomiti eSigxina
31 kuCannzibe 2021	<p>Ucwego oluhlangeneyo loPhuhliso lweNtlalo neMfundu lwasingathelwa eSaldanha.</p> <p>Injongo yentlanganiso:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Yayikukuhola iindlela zokuqhutywa kolongamelo</li> <li>Yayikukuhloala imiba enqamlezileyo echaphazela amacandelo eloPhuhliso lweNtlalo kanye naleMfundu</li> <li>Yayikukuvumela amalungu okokuba ahlangane nabachaphazelekayo kwizikhundla zabo ezahlukeneyo</li> </ul>	Intlanganiso yayizinyaswe liSebe.	UPhuhliso loLuntu neMfundu
04 kweyeSilimela 2021	<p>Kwacelwa okokuba iKomiti inikwe ingxelo koku kulandelayo:</p> <p>Indlela sele zikho zokubekwa kweLiso nokulawulwa kwamatyala anokuthi enzeke arekhodwe konyaka-mali wama-2019/20, kubandakanywa impembelelo yoluntu yokukhutshwa kweepasile zokuya kanye nexabiso lemali ethe yafezekiswa kuniKEZELO.</p>	Intetho eyenziwa yiKomiti yaqhutywa njengoko iceliwe.	SCOPA
15 kweyeSilimela 2021	lKomiti icele ukunikwa ingxelo yenqubo yoYilo lweNkxaso-mali kanye nokuBekwa kweLiso noVavanyo lweNGO kwiPhondo.	Intetho eyenziwa yiKomiti yaqhutywa njengoko iceliwe.	UPhuhliso loLuntu
21 kweyeSilimela 2021	<p>lKomiti icele okokuba iSebe linikezela ingcaciso elandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Inkqubo ecalulweyo kwinkqubo yokwenziwa kwsicelo yeProjekti yeSidima sezishubelo zasexesheni.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo kwiNGO ezingama-293 ezixhaswa ngemali, kubandakanywa iintloblo zeenkonzo, isabelo esipheleleyo senkxaso-mali ngeNPO, imimandla yendawo kanye needilesi zendawo zazo zonke iiNPO ezixhaswa ngemali.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo kwi-ECD ezingahambelaniyo, kanye namangenelo anikezelwa liSebe ukuxhobisa iiNPO okokuba zihambelane.</li> <li>Ululu lweeNGO zonke eztithe zatyelelwa liSebe ekupheleni konyaka-mali wama-2020/21 yaye zibe yintoni iziphumo zolu tyelelo.</li> <li>Ingcaciso kumatyala obuqhophololo kwiNPO ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngabo konyaka-mali wama-2021/22 kanye nenqubela phambilleyenziweyo ukuphanda amatyala.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo kwisabelo esipheleleyo sohlahlo lwbabiwo-mali kanye nenkcitho yeNkqubo yoPhuhliso loLutsha ngesithuba sowama-2020/21, kubandakanywa isabelo kanye nenkcitho ngokommandla kanye neenkonzoezinkezelweyo.</li> </ul>	Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kwiKomiti yoLungelelwano ngomhla wesi-05 kweyeKhala 2021.	UPhuhliso loLuntu

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti eSigxina
	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uluhlu lweeNPO zeGBV ezixhaswa ngemali eKhayelitsha.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo engovavanyo olwenziweyo liSebe eRusthof Old Age Home ePaarl East kule mijikelo yemali yeminyaka emi- ukuya kowesi-3.</li> <li>Uhlahlelo olupheleleyo lonyaka IweDSD kule minyaka mi-6 kwiRusthof Old Age Home ePaarl East.</li> </ul>		
22 kweyeNkanga 2021	<p>IKomiti icele into yokuba iSebe linikezele ngengcaciso elandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Uluhlu olucalulweyolwabaxhamli beepasile ezinikezelwe ngonyaka-mali ophantsi kovavanyo.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo ngenani elipheleleyo labaNtsundu abafumele amangenelo oncedo lokutya ngesithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo.</li> <li>Ingxelo ngenani lezithuba ezingazaliswanga kwiSebe.</li> <li>Ingxelo ngesixa-mali esichithwe liSebe kukuthengwa komoya weselula kunye nedatha ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21.</li> <li>Ingxelo ecalulweyo ngenqanaba leBEE yenkamani ethe yaqeshelwa ukunikezela ngezishubelo zasexesheni kulungiselelwa iProjekti yeSidima seziShubelo kwiPhondo.</li> <li>Ingcaciso ecalulweyo ngeendawo zokutyisa ezikwiphondo, kwisithili, kumasipala wengingqi, kunye namanganaba ewodi. Ingcaciso kufuneka ibandakanye iidilesi zendawo.</li> <li>Uluhlu lwabaxhamli beProjekti yoNcedo loMntu.</li> <li>Uluhlu loonontlalo-ntle abanesidanga abangaqeshwanga ababengabaxhamli bebbasari ukususela ngowama-2014 ukuya kowama-2021 kiphondo.</li> <li>Ingxelo ngokungahambelan okukhokhelele kurhoxiswa kwenkxaso-mali kwezinye zeeNGO kwiphondo ngesithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo.</li> <li>Ingxelo ecalulweyo ngendalela iSebe elincede ngayo amaKhaya aBantu abaGugileyo abanghambelaniyo phambi kokuba inkxaso-mali yawo irhoxiswe.</li> </ul>	Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kwigosa leKomiti yeSikhundla ngomhla we-14 kweyoMnga 2021.	UPhuhliso loLuntu
03 kweyoMnga 2021	IKomiti icele ingxelo ngesiCwangciso soRhulumente weNtshona Koloni soMiliselo soBundlobongela obuSekwe kwiSondo.	iSebe linike ingxelo kwiKomiti.	UPhuhliso loLuntu
09 kweyoMdumba 2022	IKomiti iqhubo utsyelelo lokongamele eVredenburg. Injongo yotsyelelo yayikukuqinisekisa ngento yokuba amalungu ePalamente yePhondo kufuneka ahambe phambili ngolwazi lophuhliso nemiba yokunikezelwa kwenkonzo kwiPhondo.	iSebe liqinisekisa ngento yokuba amagosa afanelekileyo ayafumaneka ukwamkela abathunywa.	UPhuhliso loLuntu
22 kweyoMdumba 2022	IKomiti iqhubo utsyelelo lokongamele kuMbutho waBantwana waseKindersorg estellenbosch. Injongo yotsyelelo yayikukhola iinkonzo ezinikezelweyo, isakhelo sabasebenzi, imingeni kunye nempumelelo yeziko.	iSebe liqinisekisa ngento yokuba amagosa afanelekileyo afumaneka ukwamkela abathunywa.	UPhuhliso loLuntu

## **8. Izigqibo zeKomiti yeSigxina zee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA)**

IKomiti iyithatthele ingqalelo imbono yophicotho-zincwadi ye-AGSA ephathelelene neengxelo zonyaka zemali zonyaka-mali wama-2020/21 zeSebe, ekhbeni lifumene imbono yophicotho-zincwadi olungenaziphene kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili, kkusilela kolawulo lwangaphakathi, okanye uhambelwano kunye nemithetho ephambili. Le mbono yophicotho-zincwadi ihleli ayguquki ukususela konyaka-mali wama-2019/20.

### **IMbono yoPhicotho-zincwadi**

I-AGSA ayiphakamisanga miba eyifumeneyo neSebe ngohambelwano nemithetho nemimiselo, iinjongo ezimiselwe kwangaphambili okanye intsilelo kulawulo lwangaphakathi.

### **ULawulo IweMali**

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, iSebe lichithe amawaka ezigidi ezi-R2.678 avela kuhlahlo lwabiwo-mali olwabiwego lwamawaka ezigidi ezi-R2.696, olube nomphumela kwinkcitho engaphantsi yezigidi ezili-R13.491 (iipesenti ezinga-99.45 echithiweyo). Ngoko, ngesithuba sonyaka-mali wama-2019/20, iSebe lichithe amawaka ezigidi ezi-R2.431 lohlahlo lwabiwo-mali olwabiwego, olube nomphumela ongaphantsi kwenkcitho yezigidi ezingama-R29.448 (iipesenti ezingama-98.8 ezichithiweyo zohlahlo lwabiwo-mali).

Inkcitho engaphantsi epheleleyo kwiSebe yenzeke kwinkqubo ezingezantsi ezilandelayo:

- INkqubo 1: ULawulo (R965 amawaka);
- INkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (R4.520 izigidi); kunye
- INkqubo 3: Abantwana kunye neeNtsapho (R8.006 izigidi).

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, iSebe liqokelele izigidi ezi-R2.109 kokufunyenweyo kweSebe okuvela kuqokelelo oluthelekelelwego lwesigidi esi-R1.192, okube nomphumela kuqokelelo olungaphezulu lwamawaka angama-R917. IKomiti iqaphele into yokuba ngesithuba sonyaka-mali wama-2019/20, iSebe liqokelele isigidi esi-R1.443, uluvela kokujoliswe kuko koqokelelo oluqikelelwego olusisigidi esi-R1.130, olube nomphumela kuqokelelo olungaphezulu lwamawaka ama-R313.

Ingeniso yoqokeleo olungaphezulu yenzeke phantsi kwezi zino zilandelayo:

- Inzala, izahlulo kunye nerent yomhlaba (R173 amawaka); kunye
- Neentengiselwano zemali kwii-asethi namatyala (R812 amawaka).

Uqokelelo olungaphantsi lwenzeke phantsi kweNtengiso yempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu zamawaka angama-R69.

Kunyaka ophansi kovavanyo, iSebe lirekhode inkcitho engalunglelananga yesigidi esi-R1.211, ngokunjalo nenkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi yamawaka ama-R5. Ezi zixa-mali zirekhodwe phantsi kwamanqaku 22 nalama-23 kwiNgxelo yoNyaka, ngokwahluka-hlukeneyo.

### **Izigqibo**

Azikho.

### **ULuhlu Iwengcaciso efuniwewo**

IKomiti icele into yokuba iSebe loPhuhliso IweNtlalo liyinike ingxelo kwinqaku 26 ('Imisitho engalungelelaniswanga emve komhla wokunikezelwa kwengxelo') eliaqaqambisa into yokuba uGunnyaziwe weSigqeba livumele ukuthatyathwa komhlala-phantsi waphambi kwexesha ngaphandle kwesohlwayo kumagosa angama-34 achaphazelekileyo ngeminyaka-mali owama-2021/22 kunye nowama-2022/23, njengoko kubonisiwe kwiphepha lama-248 leNgxelo yoNyaka yeSebe.

## 9. UkuLungiswa kwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi

Ingxoxo le kufuneka igxile kuphela kuyo yonke imiba ethe yakhokelela kumakhwiniba, isinikezeloo, ulovo olugwenxa kunye nemia yokungathotyelwa kwemigaqo. ISebe lingaqua nengcaciso kwitheybhile ngolu hlobo lulandelayo:

Uhlobo Iwenkcazeloo, ukuzikhwebula, uluvo olunekhwiniba kunye nemiba yokungahambelani	Unyaka-mali eyavela ngawo okokuqala	Inkqubela phambili eyenziweyo ekucimeni / ekusombululen umcimbi
<b>Imbono yoPhicotho:</b> Isigqibo esingnasiphene ngokuba luncedo nokuthembeka komsebenzi ekunikwe ingxelo ngayo INgcaciso-iNkqubo 3: abantwana neeNtsapho.  Ingaciso yomsebenzi ekunikwe ingxelo ngayo kulungiselelwa abantwana neentsapho iluncedo yaye ithembekile, ngokuhambelana neenqobo zokukhetha ezisebenzayonjengoko zipphulisiwe zivela kulawulo nesicangciso-nkqubo sokunika kwengxelo.	2021/2022	Ayisebenzi.

## 10. IYuniti yoLawulo IwaNgaphakathi

Ekujoliswe kuko kweyuniti konyaka ophansi kovavanyo kube ikakhulu kwimimandla yoLawulo oluLungileyo, iiNkonzo zeNgqinisekiso kunye noLawulo IweLahleko.

### ULawulo oluLungileyo

ISebe lenze imisebenzi elandelayo ngokuphathelele kulawulo Iwangaphakathi:

- UkuNkezelwa kwengxelo rhoqo ngenyanga ngenqanaba leNkcitho engalungelelaniyo, engaGunnyaziswanga nengenaZiqhamo kunye neyiLahleko (IYM).
- Ukulawula iifayile zamatala enkcitho engaLungelelananga, engaGunnyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- Ukuqhutya kophando ngeNkcitho engaLungelelananga, engaGunnyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- ISebe lisebenzisa inkubo ye-ORACLE ukulawula iNkcitho engaLungelelananga, engaGunnyaziswanga nengenaZiqhamo nengenaZiqhamo neyiLahleko kunye nokulahleka kolawulo.
- Ukubekwa kweliso nokumilisela kwezindululo zophicotho-zincwadi Iwangaphakathi nolwangaphandle ngokunjalo kunye noVavanyo ngokutsha loLawulo Iwequmrhu neMbonakalo (CGRO).
- Ukugcinwa kwerejista ngeZipho neMinikelo yeSebe nokunika kwengxelo rhoqo ngekota kulungiselelwa ukubandakanya kwiiNgxelo zethutyana zoNyaka zeMali.
- UkuLungelelaniswa kweentlanganiso ze-ERMCO.
- UkuNkwa kwengxelo yarhoqo ngenyanga ngentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30 ukuya kwi-PT.
- Kwenziwa uphando ngeentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30.
- ISebe liyinika ngqwalasele abachaphazelekayo abalandelayo, abangaba. IKomiti yoPhicotho-zincwadi, uPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi, iPPT kunye ne-AGSA ekuqukunzelweni kwemiba.

## **liNkonzo zeNgqinisekiso**

Ukulungiselelwa konyaka ophantsi kovavanyo kwakhona, okulandelayo:

- Ukuqinisekisa kweentlawulo emvakokuqwalaselwa ukulungiselela ukuqinisekisa kokusebenza nokulungela okuchanekileyo kophicotho-zincwadi (+/- 39 582 iintlawulo).
- Onke amaxwebhu askenwa ukuze agcinwe kwaye njengendlela yokuthintela ukulahlekha okanye iintlawulo eziphindwe kabini.
- Uhlolo lwemali lwaqhutywa kwi-Ofisi eyiNtloko, kuzo zonke ii-ifisi yeNgingqi nakumaziko amahlanu (5) ngesithuba sokunikwa kwengxelo.

## **UBuqphololo noLawulo lweLahleko**

- Eli Sebe lisebenzisa i-ORACLE eyinkqubo Yolawulo Lwelahleko ngenjongo yokulawula ilahleko engumvuka wobusela, ukonakala, njl-njl.
- ISebe liyawahlonipha futhi libanika ingqwalasela aba bachaphazelekayo balandelayo, abangaba, iSAPS, iCSC - iNkonzo zoMthetho, iCandelo leZithuthi zikaRhulumente (GMT), kwakunye nePT ekuqoshelisweni kwemiba; yaye
- Kwisithuba esiphantsi kovavanyo amatyala angama-52 eengozi zeZithuthi (lingozi zeZithuthi zeGG kunye nomonakalo, ii-asethi) aqukunjelwaze acinywa.

## **11. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunye neeKomiti zoPhicotho-zincwadi**

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela ngolawuloneenkonzo ezizimeleyo, ingqinisekiso engathath' icala kune nengcebiso eziyilelwokokuba zangezelele ixabiso nokuphucula okuqhubekayo kwemisebenzi yeSebe. Luncheda iSebe ekufezekiseni iinjongo zalo ngokuzisa indlela eyenziwe ngokumiselweyo, ecwangcisiweyo ukuvavanya nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkubo zoLawulo. Le misebenzi ingundoqo ilandelayo ziqhutywa ngale ndlela:

- Uvavanyo nokwensiwa kwezindululo ezizizo zokuphuculwa kweenkqubo zolawulo ekuzuzeni iinjongo zeSebe.
- Ukuvavanya ukuba selungelelweni nokusebenza kwanokuphucula iinkqubo zokulawula umngcipheko.
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni iinkqubo zolawluo ezisebenzayo nezisemgangathweni ngokuthi kuvavanywe ezo nkubo zolawulo ukufumanisa indlela ezisebenza ngayo nokuba semgangathweni kwazo, kwanokuqlunqa izindululo zokuvuselela okanye ukuphucula.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ogqityiweyo kulo nyaka uphantsi kovavanyo kwiSebe uye waqua iindibano ezintathu zengqinisekiso (kuquka enye yamasebe ohlukaneyo) kune neenkalo ezsibhozo eziye zalandela. linkcukacha zezi ndibano zibandakanywe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yamiselwa njengequmrhu eliza kongamela, elinikezela ulongamelo oluzimeleyo kwiinkqubo zolawulo, ulawulo lomngcipheko kwakunye neenkubo zolawulo kwiSebe, eziquka ulongamelo novavanyo ngokutsha koku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (uMphicothi-zincadi Jikelele woMzantsi Afrika i- AGSA);
- UCwangciso-mali lweSebe nokunikwa kwengxelo;
- IMigaqo-nkubo yokuCwangciswa kweMali yeSebe;
- Uvavanyo ngokutsha kweNgxelo yolawulo lwe-AGSA;
- Uvavanyo ngokutsha kweNgxelo yoPhicotho-zincwadi ye-AGSA;
- Uvavanyo ngokutsha kokuBekwa kweLiso eNyakeni liSebe;
- ULawulo loMngcipheko weSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;

- linjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- INqobo eziseSikweni, uBuqhophololo noRhwaphilizo.

Le theyibhile ingasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi:

Igama	IziQinisekiso zeMfundu	Ngowangaphakathi okanye ngowangaphandle	Ukuba ngowangaphakathi, isikhundla kwisebe	Umhla wengqesho	Umhla wokurhoxa	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu. Ameen Amod	MBA; CIA; CGAP; CRMA; B Com Accounting	Ngaphandle	N/A	01 kweyoMqungu 2019 (Ikota yesi-2)	Isivumelwano siphela ngomhla wama-31 kweyeNkanga 2021	5
Mnu. Pieter Strauss (USihlalo)	B Acc; B Compt Hons; CA (SA)	Ngaphandle	N/A	01 kweyoMqungu 2022 (Ikota yesi-2)	N/A	6
Mnu. Ebrahim Abrahams	B Com Accounting Hons	Ngaphandle	N/A	01 kweyoMqungu 2022 (Ikota yesi-2)	N/A	7
Nksk. Annelise Cilliers	B Compt Hons; CA (SA)	Ngaphandle	N/A	01 kweyoMqungu 2022 (Ikota yesi-2)	N/A	7
Nksk. Fayruz Mohamed	B Compt Hons; CA (SA)	Ngaphandle	N/A	01 kweyoMqungu 2022 (Ikota yoku-1)	N/A	2

## 12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Sanelisekile ukwandalala ingxelo yethu silungiselela unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022.

### UXanduva IweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokokuba ihambelene noxanduva lwayo oluvela kwicandelo 38 (1) (a) (ii) loMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente kunye noMmiselo 3.1 weCandelo loLawulo-mali. IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele imigqaqo yesikhokhelo efanelekileyo esesikweni, yaye ilawule imicimbi yayo ngokuhambelana nephepha layo lamalungelo.

### UkuSebenza kakuhle koLawulo IwaNgaphakathi

ISebe lidingeka okokuba lipuhlise yaye ligcine iinkqubo zolawulo Iwangaphakathi eziya kuphucula okungathi lifezekise iinjongo zalo, ukulungiselela ukuziqhelanisa neenguqu kubume elisebenza kubo nokukhuthaza ukufaneleka nokusebenza kakuhle kwemisebenzi, lixhase ukunikwa kwengxelo okuthembekileyo nohambelwano nemithetho kunye nemimiselo. I-WCG yamkele isiCwangciso-nkqubo esiHlangeneyo seNgqinisekiso esichonga yaye sihlanganise ingqinisekiso yabanikezeli benkonzo yaye sisetyenzisa kwinkqubo yoCwangciso Iwe-IA. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso yingqinisekiso yollowulo, edinga abaphathi okokuba bagcine ulawulo Iwangaphakathi olusebenzayo ze bamilisele ezo nkqubo imihla ngemihla ngendlela yokuphathwa kolawulo nokuthathyathwa kwezenzo zoxabangelo aphi kuyimfuneko. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa ngemisebenzi eyahlukileyo kuleyo ivela kulawulo, elnikwe uxanduva lokuhlol uhambelwano kwimigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho nezicwangciso-nkqubo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso yingqinisekiso ezimeleyo yabanikezeli benkonzo abakhokhelwa yimigangatho yobuchule edinga amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso seNgqinisekiso esiHlangeneyo esisekwe kumngcipheko saphuhliselwa iSebe, siququzelelwa luPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi, olungumnikeyeli wengqinisekiso ngokunjalo ozimeleyo. UPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo Iwangaphakathi lwanele yaye lufanelekile. Oku kufezekiswe sisicwangciso esivunyiweyo sophicotho-zincwadi Iwangaphakathi esisekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi luhlol ukwanelo kolawulo oluthintela imingcipheko nokubekwa kweLiso kumiliselo lwemisebenzi yolungiso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Intlanganiso ezilandelayo zophicotho-zincwadi Iwangaphambili zavunywa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi zaze zaqukunjelwa kunya ophantsi kovavanyo:

### liNtlanganiso zeNgqinisekiso:

- INKqubo yoLawulo IweNPO: ULawulo IweProjekti
- UPhicotho loNcedo loKutya
- liNtlawulo eziKhutshelweyo
- UMthetho wokuMiliselwa kweSOP kabantu abaDala

Isicwangciso sonyaka sophicotho-zincwadi Iwangaphakathi saqukunjelwa. Imimandla yophuculo, njengoko luqatshelwe liphicotho-zincwadi Iwangaphakathi ngethuba lokuquba umsebenzi lwayo, kwavunyelwana ngayo ngabalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyaqhube ka ukubeka iliso kwimisebenzi ekhoyo kunye nemisebenzi exhaziweyo ngaphambili ngokuqhubekayo.

### UkuBekwa kweLiso eNyakeni kunye neNgxelo yarhoqo ngeNyanga/ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikholisekile ngokuqulathiweyo kunye nomgangatho weengxelo zasenyakeni zolawulo kwakunye nezomsebenzi ezikhutshiweyo ngesi situba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo kwiSebe ngokwemiqathango yeMimiselo yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali kunye noMthetho woCandelo leNgeniso.

## UkuVavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Ivavanye ze yaxoxa iiNgxelo zoNyaka zoPhicotho-zincwadi ekufuneka zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka;
- Ivavanye iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye neempendulo zabalawuli kuyo;
- Ivavanye iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo kunye nemisebenzi njengoko zixeliwe kwiNgxelo zoNyaka zeMali
- Ivavanye uhlengahlengiso okube nomphumela ovela kuphicotho-zincwadi lweSebe.

## Uhambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeSebe kulungiselewa uhambelwano kunye nezibonelelo zomthetho nezilawulayo.

## INgcaciso yokuSebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kunikwe ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka.

## INgxelo yoMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ithe rhoqo ngekota, yavavanya isicwangciso seSebe sokuphumeza imiba yophicotho ethe yaphakanyiswa konyaka ongaphambili. Sihlangene ne-AGSA ngenjongo yokuqinisekisa ukuba akukho miba ingakhange ibe iyasonjululwa ethe yabe ivela kuphicotho lwezelawulo. Imisebenzi yokulungisa ekwizigqibo ezicalulweyo ezigqibeleleyo eziphakanyiswa yi-AGSA yavezibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyalwamkela ulovo lwe-AGSA kumba weeNgxelo zoNyaka zeMali, yaye icebisa ukuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali zamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo yazo.



---

Mnisi Pieter Strauss

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi eHlangeneyo yoLuntu

ISebe loPhuhliso loLuntu

Umhla: 2 kweyeThupha 2022

### 13. INgcaciso yokuSebenza yoHambelwano IweB-BBEE

Le theyibhile ilandelayo iqosheliswe ngokufanelekileyo kunye nohambelwano neemfuno zoMthetho wama-2013 wokuXhotyiswa kuQoqosho kwabaMnyama okuSekwe ngokuBanzi (B-BBEE) njengoko kumiselwe liSebe loRhwebo noShishino.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente limisele iKhowudi yokuSebenza ngokulungileyo (AmaNqanaba eziQinisekiso 1 –8) ngokuphathelele koku kulandelayo:		
iInqobo zokukhetha	Impendulo Ewe / Hayi	Ingxoxo <i>(Bandakanya ingxoxo kwimpendulo yakho ze ubonise ukuba ngawaphi amanyathelo athatyathiweyo ukuhambelana)</i>
Ukumiselwa kweenqobo zokukhetha ezifanelekileyo zokukhutshwa kwamaphepha-mvume, imvume okanye olunye ugynyaziso ngokuphathelele kumsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nawo nawuphi umthetho?	Ayikho	Ayikho
Ukuphuhlisa nokumiliselwa komgaqo-nkqubo wokuthengwa kwempahla okukhethekileyo?	Ewe	ISebe liphumeze i-AOS ngo-2014. I-AOS isetyenziswa kwinkqubo SCM xa kuthengwa kwempahla neenkonzo kuqunkunjelwe. Olu xwebhu lomgaqo-nkqubo lusekwe kuKhenketho UMthetho oyiProcurement Framework Act, 2000 kunye nawo ezinxulumene 2011 kunye elandelayo 2017 Preferential Imimiselo yokuthengwa kwempahla. Ngokusekelwe kulo mgaqo-nkqubo uxwebhu, iSebe lisebenzisa i-80/20 umgaqo-nkqubo wokuthengwa kweempahla neenkonzo ezikhethekileyo oqinisekisa oko ixabiso lebhidi libalelwka kuma-80 ekhulwini kunye ne- BBEE yenza i-20 pesenti yebhaso. Le 20 ipremiyamu yepesenti ihlawulwe liSebe ukuqhubela phambili ngakumbi injongo ye-B-BBEE yokuxhasa ishishini lomntu omnyama (nokuba ziinkampani okanye zodwa abanikazi). ISebe, kwiimeko ezithile isebezisa iNtengo yoQoqosho IweNtshona Koloni Umgaqo-nkqubo ojolise ekukhuthazeni uqoqosho lwasekhaya ukuba ngakumbi ukugcina ishishini nokudala imisebenzi. Lo mgaqo- nkqubo iqinisekisa ukuba iSebe linakho ngokusebenzisa i- elektroniki yalo inkqubo yokuthengwa kwempahla iphumeze ummandla izalathisi. Ukusetyenziswa kwezi zalathi iqinisekisa ukuba isicelo sekowuti sithunyelwa kwi isiseko somboneleli esilinganiselweyo kwindawo apho ISebe lifuna iimpahla okanye iinkonzo kunye gcina uqoqosho lwasekhaya luvuselelwe. Ngaphandle ababoneleli bengqinisekiso abafana ne-PT kunye ne- AGSA ukubeka iliso kunye nophicotho-zincwadi ukuthotyelwa kwesticelo yenqubo-sikhokelo yokuthengwa kwempahla ekhetiweyo.
Ukumiselwa kweenqubo zokukhetha ezilungiselelwwe ukuthengwa kwamashishini aphantsi kolawulo lukarhulumente?	Ayikho	-
Ukuphuhlisa kwenqobo zokukhetha ukulungiselela ukungena kuthelelwano kunye necandelo labucala?	Ayikho	-
Ukumisela iinqobo zokukhetha ukulungiselela ukunikezelwa kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa ukuXhotyiswa okuBanzi koQoqosho IwaBantu abaNtsundu?	Ayikho	-

# ICandelo D: ULawulo IweMicimbi yaBasebenzi

## 1. Intshayelelo

Igalelo lethu elilodwa kumsebebzi kaRhulumente weNtshona Koloni lingumvuka weenzame ezixilileyo nezingasekezelwe ekuzuziseni thina kuphela zabantu abakwiSebe loPhuhliso loLuntu.

Umsebenzi wokusoloko sinikezela inkonzo ephucukileyo kubemi bePhondo leNtshona Koloni akungomsebenzi ungenayo imingeni yawo. Inkqubo yolawulo Iwabasebenzi kule mihaa sles yatshintsha ngokupheleleyo kwisithuba seminyaka edlulileyo yaye idinga ukuqwalaselwa ngokukodwa kwanokujongwa kwinkalo yezidingo nemingeni ekhuphisanyo.

Ngaphandle kwenyaniso yokuba le micimbi iyasebenzisana kwanokuba yayamene ke, ikwaphantsi kwemithetho nemimiselo engqongqo, ebonakala inzima xa kujongwa amalinge okugcina nokutsala umdla wabasebenzi.

Ezi ke ziquka ukuzinzisa kwezigunyaziso zenkqubo yokuhanjisa kweenkonzo, ukuganywa nokugcinwa kwabantu abanezakhono ezinqabileyo, ukuxhotyiswa kwabasebenzi, ulawulo Iwamakhono, ucwangciso lokufakwa kwabanye abasebenzi bakumka abanye, umakulinganwe ngokwengqesho kwanokudalwa kwemo yokusebenzela apha abasebenzi bakwaziyo ukupuhula bakhule. Ngaphezulu koku, iSebe eli kulindeleke ukuba libe nakho ukusebenza kule meko yoqoqosho imaxongo, enyanelisa ukuba abaphathi baqwalaselwa amacebo "okwenza okuninzi ngokuncinci".

Noxa kukho iinguqu ezimandla kwanokwanda kwezinga lesidingo esinefuthe kwindawo yokusebenzela yale mihaa, ukusebenza nzima rhoqo kwabasebenzi bethu kuye kwakhokelela kwiinzuso ezimandla nezincomekayo kwanokuphuculwa kwenkqubo yokuhanjisa kweenkonzo kulo nyaka uphantso kovavanyo.

## 2. INqanaba loLawulo IwaBantu kwiSebe

### 2.1 OkuPhambili kuCwangciso IwaBasebenzi bePhondo

Indima yoCwangciso IweBaBasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe eli linenani elidingekayo laBantu abanezakhono, ulwazi neendlela zokuziphatha ezifanelekileyo zokwenza umsebenzi. Ngokwale nkqubo, iSebe liye lihlole isimo sabasebenzi balo rhoqo ngonyaka ngokuthelekisa neemfuno zangoku nezexesha elizayo zeSebe ngokunjalo nokuqinisekisa ngohambelwano nezicwangciso-nkqubo ezilawulayo zentlalo ezinxulumene nomsebenzi.

Injongo yolu hlolo kukufumanisa izinga abathi abasebenzi beli abakhoyo ngoku bamelane ngazo neziphumo eziphambili zolawulo olwabantu eziza kuqinisekisa ukuqhube komsebenzi wokuhanjisa kweenkonzo kwanexabiso nohambelwano kune nezicwangciso-nkqubo ezilawulayo.

IsiCwangciso saBasebenzi sowama- 2021- 2026 silungelelaniswe ngoko kumbono nomnqophiso wesiCwangciso seQhinga seSebe.

lingqikelelo esiphuhliselwe kuzo esi siCwangciso saBasebenzi ziqinisekisa ngokuba amaqhinga (ngokuphambili okudwelisiwego) aya kufezekisa iziphumo zazo:

- Ukuchongwa nokupuhliswa kwekhono lombutho elidingekayo;
- lindlela zeenqobo ezisesikweni noBuchule zokufunwa kwabasebenzi ezisekiwego (ezibandakanya inkqubo engakho yeZicelo nokuHlelwa okwi-Intanethi ukwandisa iindlela zokufunwa kwabasebenzi nokutsala umdla wabagqatswa abalungileyo kwixa elizayo kune nobume);
- Uphuhliso Iwetalente nezakhono zabasebenzi kwizakhono eztsha ezivelayo (umz., 4IR Meta ubuchule/ukusebenza kune nezakhono zobugcisa ngokunjalo nezakhono zendlela yokuziphatha ezidingeeka kakhulu ukuxhasa umbutho ofanelekileyo wexa elizayo);
- Ukubekwa phambili kongenelelo loqequesho ukulungiselela ukulungisa iimfuno zoBuchule eziBalulekileyo kune neCDP;
- linkqubo zophuhliso lolutsha zokunceda kuyilo Iweenyoba zetalente (ukufunda usengqeshweni);

- Okuphambili kwe-EE njengoko kubonisiwe kwisiCwangciso se-EE ukukhokhela izigqibo zokuFunwa nokuKhethwa kwaBasebenzi beSeBe;
- UkuNkezelwa ngamangenelo/iinkonzo zeMpilo neMpilo-ntle ukuxhasa impilo-ntle yabasebenzi; kunye
- Nokuphuhliswa nokumiliselwa iNguqulelo kwiNdlela entsha yokuSebenza/iprojekti yobume beWCG bokubekwa kwabemi embindini.

## 2.2 uLawulo lokuSebenza koMqeshwa

Ijongo yoLawulo lokuSebenza kukwandisa kokusebenza ngokuthi kukhuthazwe ukuzinikela komsebenzi ngamnye, ukusebenzisana kwakunye nokuvuselelwya kwabo.

Bonke abasebenzi kulindeleke ukuba bagcwali se sivumelwano sentsebenzo ngaphambi komhlala wama-31 kwekaCanzibe rhoqo ngonyaka. Lilonke ke esi sivumelwano sisibhambathiso esiphakathi komqeshi nomsebenzi, esiqulethe amaphulo, iinkqubo, iintshukumo izinto ezilindelekileyo kwakunye nemigangatho yaloo misebenzi kufuneka beyenzile. Ukuze kube nokunikezelwa isikhokelo senkqubo efanayo yezolawulo, uRhulumente weNtshona Koloni uye waqulunqa inkqubo yobuxhakaxaka bonxibelelwano, eyaziwa njengoPERMIS (iNkqubo yeNgcaciso yoLawulo lokuSebenza) neyenza ukuba kukwazeke ukugcinwa kwazo zonke iinkcukacha, zibekwe iliso ze zilawulwe.

Inkqubo yolawulo lokusebenza idinga ukuba kwensiwe uhlalutyo lwaphakathi enyakeni kwakunye novavanyo olwenziwa rhoqo ngonyaka, kodwa ke zona iithagethi zentsebenzo neenzuso ezayanyanisa nesivumelwano sentsebenzo kufuneka zihlolwe ze kuncokolwe ngazo kangangoko. Kwiimeko aphi ekujoliswe kuko okanye umsebenzi olindelekileyo awufezekiswa, imisantsa leyo kujongwana nayo ngokulawulwa kokusebenza engekho mgangathweni. Kobu bume, iyuniti yengcebiso ymsebenzi isekiwe kwiSebe leNkulumbuso Icandelo eliyiNtloko: liNdlela zoLawulo IwaBantu) ukunceda abaphathi (abaphathi babantu) ekujonaneni nokusebenza okungaphantsi komganagatho olindelekileyo. Le nkqubo ke isekelwe kuphuhliso, noxa ke, kwiimeko aphi abantu abathile abachongiwego kufumaniseke ukuba bangabasebenzi abasebenza ngaphantsi kweqondo njengoko kulindelekile ngokwesicwagciso-nkqubo esisemthethweni, kulindeleke ukuba bazifake ngokwabo kwisicwangciso sophuhliso okanye ke kungenjalo kwintshukumo yoleko.

## 2.3 IMpilo-ntle yoMqeshwa

INkqubo enqamlezileyo yeMpilo yoMsebenzi kune neMpilo-ntle (EHW) ilandela indlela epheleleyo kwimpilo-ntle yomsebenzi yaye ubukhulu iyathintela ngokohlobo lwayo, inikezelwa ngeenkonzo zesiseko nezenqanaba eliphezulu.

INkqubo ye-EHW ibekwa iliso kwiSebe ngokusetyenzisa kweenkqubo zarhoqo ngenyanga zosetyenziso kwiinkonzo zesiseko (iinkonzo zengcebiso ngemfono-mfono ze-24/7/365, inkonzo yoLolongo eqhutywa nge-Intanethi) kune neenkonzo zenqanaba eliphezulu (iingcebiso ezenziwa ubuso ngobuso, ukwenzakala kune nezhlo ezibalulekileyo, uqequeso kune nongenelo ekujoliswe kulo, ukumiliselwa koqequeso, nezothethelelo).

INgxelo yarhoqo ngekota ilungisiwe liCandelo: leNdlela yokuZiphathe koMbutho elikwiSebe leNkulumbuso elithi linikezele ngeendlela zohlahlelo zosetyenziso, ukuchongwa komngcipheko kune nempembelelo yalo kwiziphumo. Ngaphezulu, ukuNkezelwa kwengxelo okuqhubekeyo kwiDPSA kuyimfuneko yaye ingxelo enjalo ijolise kwimimandla emine eyile, iHIV/ AIDS, iMpilo nokuZala, uLawlo IweMpilo-ntle noKhuselokuMngcipheko weMpilo yeNdalo nokuLunga (SHERQ).

## 2.4 Ukubekwa kweLiso kuLawulo IwaBantu

ISebe, ngentsebenziswano neSebe leNkulumbuso libeka iliso kumiliselolo luhlu lwemigqalisela yohambelwano lolawulo Iwabantu. IBarometer Fact File yarhoqo ngenyanga, ephuhlisiswe liCandelo eliyiNtloko: iiNdlela zokuLawulwa kwaBantu elikwiSebe leNkulumbuso, lilinikezelwa iSebe ngohlaziyo olwenziwa rhoqo ngembonakalo yabasebenzi kune neenkukacha zamanani olawulo olufanelekileyo Iwabantumukuncedisa kukwenziwa kwezigqibo. Umgqalisela ubandakanya, phakathi kwezinye izinto, ingcaciso yoluuhlu Iwabasebenzi, ukubalwa kwabasebenzi, inkcitho eqikelelwego yabantu, iindlela zokusetyenzisa kwekhefukugula, ixabiso lemali lenani leentsuku zekhefu abanazo abasebenzi, izehlo zoluleko,

imilinganiselo yezithuba ezingazaliswanga, ukuhamba kwabasebenzi, ingqesho yobulungisa njl.njl.

### **3. INkukacha zamanani zokoGamela uLawulo IwaBantu**

#### **3.1 Inkcitho echaphazela abasebenzi**

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inkcitho yokugqibela ethe yaphicothwa ngokwenkubo (iTheyibhile 3.1.1) nangokwamabakala emivuzo (iTheyibhile 3.1.2).

Amanani kuTheyibhile 3.1.1 athatyathwe kwiNkqubo yoBalo-manani esisiseko ze amanani akwiTheyibhile 3.1.2 wona athatyathwe kwinkqubo iPERSAL [Imivuzo yaBasebenzi]. Ezi nkqubo zimbini azikulungelanga ukwenza iimbuyekezo zemivuzo kwinkalo yabasebenzi abathi baqeshwe nabathi babeke phantsi iintambo kunye/okanye nokudluliselwa okanye ukubuyiswa kwabo ngamanye abasebe. Oku ke kuthetha ukuba ungakho umahluko kwinkcitho epheleleyo ethe yathiwa thaca kwezi nkqubo zimbini.

Undoqo kule theyibhile ingezantsi apha yingcaciso yeeNkqubo zeli Sebe. linkqubo ziya kuthi zichazwe ngokweenombolo zazo ukususela apha ukuya phambili.

Inkqubo	Isimiselo seNkqubo
Inkqubo 1	ULawulo
Inkqubo 2	liNkonzo zeNtlalo-ntle
Inkqubo 3	Abantwana neeNtsapho
Inkqubo 4	liNkonzo zokuBuyiselwa
Inkqubo 5	UPhuhliso noPhando

## ITheyibhile 3.1.1: Inkcitho kubasebenzi ngokwenkubo, wama-2020/21

Inkqubo	Inkcitho Lyonke (R'000)	Inkcitho kuBasebenzi (R'000)	Inkcitho kuQeqesho (R'000)	limveliso kunye neeNkonzo (R'000)	Inkcitho kubasebenzi njenge-% yenkcitho Lyonke	Intelekelelo yenkcitho kubasebenzi kumsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi abathe bahlawulwa
Inkqubo 1	241 891	179 604	339	39 020	74.43%	416	424
Inkqubo 2	1 050 492	524 166	-	79 908	49.90%	392	1 340
Inkqubo 3	853 658	38 914	-	15 125	4.56%	447	86
Inkqubo 4	466 393	242 877	-	73 950	52.08%	278	873
Inkqubo 5	93 209	18 899	-	12 921	20.28%	556	34
<b>Lyonke</b>	<b>2 705 643</b>	<b>1 004 460</b>	<b>339</b>	<b>220 924</b>	<b>37.05%</b>	<b>364</b>	<b>2 757</b>

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisa kubo bonke abantu abathe bahlawulwa kwisithuba sale ngxelo, kuquka ii-intheni (oko ke kukuthi, Inkqubo kaNkulumbuso yokuVuselela uLutsha) [iPAY], abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi, kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo. Inani labasebenzi liyongezeleka kwaye aliso sigxina ngokosuku oluthile.

**ITheyibhile 3.1.2: Inkcitho kubasebenzi ngokwebakala lomvuzo, wama-2021/22**

<b>Amabakala emivuzo</b>	<b>Inkcitho kuBasebenzi (R'000)</b>	<b>% eyinkcitho kubasebenzi iyonke</b>	<b>Intelekelelo yenkcitho kubasebenzi kumsebenzi ngamnye (R'000)</b>	<b>Inani labasebenzi abathe bahlawulwa</b>
Abaqeqeshwa besengqeshweni	410	0.04	34	25
Abanezakhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	5 807	0.58	157	37
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	236 884	23.63	234	982
Abanezinga eliphezulu lezakhono kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	479 788	47.66	375	1 280
Abanezinga eliphezulu lezakhono Ekuphatheni (Amanqanaba 9-12)	250 397	24.98	634	407
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	31 174	3.11	1 247	26
<b>Iyonke</b>	<b>1 004 460</b>	<b>100.00</b>	<b>364</b>	<b>2 757</b>

Qaphela: Inani labasebenzi libhekiselele kubo bonke abantu abahlawulwayo ngeli xesha lokunika ingxelo, kubandakanywa abafundi abasaqe qeshwayo (okt. Ukuqhutylewa phambili koLutsha yiNkulumbuso [iPAY], abanematriki, abanezidanga kanye nomfundis), kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo. Inani labasebenzi liyongezelekayo hayi umfanekiso okhawulezayo ngokomhlathile.

Ezi theyibhile zilandelayo zinikezela isishwankathelo ngokwenkqubo (iTheyibhile 3.1.3) kune namabakala emivuzo (iTheyibhile 3.1.4), yenkcitho ethe yensiwa ngenxa yemivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sezindlu kune noncedo lwezempi. Ezi theyibhile azizi nasibonelelo senye inkcitho efana noMhlala-phantsi, iBhonasi yokuSebenza kune nezinye izibonelelo, ezenza inkcitho iyonke kubasebenzi. Kwimeko nganye, itheyibhile ibonelelo ngesalathisi sepesenti ngokwenkcitho kubasebenzi ethe yasetyenziselwa ezi zinto.

### **ITheyibhile 3.1.3: Imivuzo, Ixesha elongezelelweyo, Isibonelelo seZindlu kwakunye noNcedo lwezoNyango ngokwenkqubo, wama-2021/22**

<b>Inkqubo</b>	<b>Imivuzo</b>		<b>Ixesha elongezelelweyo</b>		<b>Isibonelelo sendlu</b>		<b>Uncedo lwezonyango</b>	
	<b>Isixa (R'000)</b>	<b>Imivuzo njenge-% yenkcitho kubasebenzi</b>	<b>Isixa (R'000)</b>	<b>Ixesha elongezelelweyo njenge-% yenkcitho kubasebenzi</b>	<b>Isixa (R'000)</b>	<b>Isibonelelo sendlu njenge-% yenkcitho kubasebenzi</b>	<b>Isixa (R'000)</b>	<b>Uncedo lwezonyango njenge-% yenkcitho kubasebenzi</b>
Inkqubo 1	120 939	12.0	1 883	0.2	5 085	0.5	11 278	1.1
Inkqubo 2	360 941	35.7	5 850	0.6	14 448	1.4	30 437	3.0
Inkqubo 3	28 245	2.8	234	0.0	1 064	0.1	2 146	0.2
Inkqubo 4	156 909	15.5	2 767	0.3	9 911	1.0	19 305	1.9
Inkqubo 5	12 773	1.3	26	0.0	375	0.0	996	0.1
<b>Iyonke</b>	<b>679 807</b>	<b>67.3</b>	<b>10 759</b>	<b>1.1</b>	<b>30 883</b>	<b>3.1</b>	<b>64 163</b>	<b>6.3</b>

Qaphela: Amanani kuTheyibhile 3.1.3 naku3.1.4 athatyathwe kwinkqubo lpersal [Imivuzo yaBasebenzi] hayi kwiNkqubo yoBalo-manani esisise. Ezi nkqubo zimbini azikulungelanga ukwenza iimbuyekezo zemivuzo kwinkalo yabasebenzi abathi baqeshwe nabathi babeke phantsi iintambo kune(okanye ukubuyiswa kwabo ngamanye abasebe. Oku ke kuthetha ukuba ungakho umahluko kwinkcitho epheleleyo ethe yathiwa thaca kwezi nkqubo zimbini, umz. Imivuzo, Ixesha elongezelelweyo, Isibonelelo seZindlu kune noNcedo lwezempi. Okunye, le theyibhile ingentla ayenzi sibonelelo senye inkcitho efana noMhlala-phantsi, iBhonasi yokuSebenza kune nezinye izibonelelo, ezenza inkcitho iyonke kubasebenzi. Le nkicitho ingentla ibonisa bonke abantu abahlawulwayo ngeli xesha lokunkika ingxelo, kubandakanywa abafundi abasaqegeqeshwayo (iPAY, abanematriki, abanezidanga kune nomfundji], kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo.

**ITheyibhile 3.1.4: Imivuzo, Ixesha elongzelelwego, Izibonelelo zeziNdlu kwakunye noNcedo IwezoNyango ngokwebakala lomvuzo, wama-2021/22**

Amabakala eMivuzo	Imivuzo		Ixesha elongzelelwego		Izibonelelo sendlu		Uncedo Iwezonyango	
	Isixa (R'000)	Imivuzo njenge-% yenkcitho kubasebenzi	Isixa (R'000)	Ixesha elongzelelwego njenge-% yenkcitho kubasebenzi	Isixa (R'000)	Imivuzo njenge-% yenkcitho kubasebenzi	Isixa (R'000)	Uncedo Iwezonyango njenge-% yenkcitho kubasebenzi
Abaqeqeshwa besengqeshweni	937	0.1	-	-	-	-	-	-
Abanezakhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	3 439	0.3	26	0.0	414	0.0	752	0.1
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	147 312	14.6	2 621	0.3	11 207	1.1	22 213	2.2
Abanezinga eliphezulu lezakhono kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	328 873	32.5	6 577	0.7	14 400	1.4	29 891	3.0
Abanezinga eliphezulu lezakhono ekuphatheni (Amanqanaba 9-12)	178 468	17.7	1 536	0.2	4 722	0.5	10 884	1.1
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	20 779	2.1	-	-	140	0.0	422	0.0
<b>Iyonke</b>	<b>679 807</b>	<b>67.3</b>	<b>10 759</b>	<b>1.1</b>	<b>30 883</b>	<b>3.1</b>	<b>64 163</b>	<b>6.3</b>

Qaphela: Amanani akwiTheyibhile 3.1.3 no3.1.4 asuka kwinkqubo yePERSAL [Imivuzo yaBasebenzi] hayi kwiNkqubo yoBalo-manani esisiseko. Ezi nkqubo zimbini azikulungiselelwanga ukuhlawula iimbuyekezo zemivuzo kumba wokuqeshwa kwabasebenzi nokubeka phantsi kwabasebenzi kunye/okanye nokudluliselwa kumanye amasebe. Oku kuthetha ukuba ungakho umahluko kwinkcitho evezwe kwezi nkqubo, umzekelo: Imivuzo, Ixesha elongzelelwego, Izibonelelo zeziNdlu kunye noNcedo IwezoNyango. Ngapha koku, le theyibhile engentla apha ayiyenzi inkcitho efana nemihlala-phantsi, iBhonasi zeNtsebenzo kunye neziyne izibonelelo, ezenza inkcitho iyonke kubasebenzi. Le nkicitho idizwe ngentla apha idiza bonke abantu abathe babuyekezwu kwisithuba seli xesha lokunikezelwa kwengxelo, kuquka nee-intheni (ezePAY, ezinematriki, ezinezidanga kunye nabafundi), kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo.

### 3.2 Ingqesho neziThuba zengqesho

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inani lezikhundla ezinabantu kuluhlu lwabasebenzi, inani labasebezi (ngaphandle kwabo baqeleshelwa engqeshweni kanye noMphathiswa wePhondo), kwakunye nepesenti yezikhundla ezikhoyo kodwa ezingekazaliswa ekuqosheleni konyaka-mali. Ezi nkukacha zinikezelwa ngokweenkalo ezintathu eziphambili, ezizezi: iNkqubo (iTheyibhile 3.2.1), iBakala loMvuzo (iTheyibhile 3.2.2) kanye neziKhundla eziBalulekileyo (iTheyibhile 3.2.3). Yonke inkukacha ekweli candelo inikezelwa njengengxelo yasekupheleni konyaka-mali esiwuphetheyo.

#### iTheyibhile 3.2.1: Ingqesho nezithuba zengqesho ngokwenkubo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022

Inkqubo	Inani lezikhundla ezisebenzayo	Inani lezikhundla ezigcwalisiweyo	Izinga lezithuba zengqesho %
Inkqubo 1	401	390	2.7
Inkqubo 2	1 252	1 231	1.7
Inkqubo 3	81	81	-
Inkqubo 4	819	802	2.1
Inkqubo 5	34	33	2.9
<b>Iyonke</b>	<b>2 587</b>	<b>2 537</b>	<b>1.9</b>

Qaphela: Inani lezithuba zengqesho ezigcwalisiweyo zibandakanya abanezidanga zobuntlalo-ntle abali144 ngokwesivumelwano senkxaso-mali yokufunda esinyanelisa ukuba basebenzele isebe.

#### iTheyibhile 3.2.2: Ingqesho nezithuba zengqesho ngokwebakala lemivuzo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022

IBakala loMvuzo	Inani lezikhundla ezisebenzayo	Inani lezikhundla ezigcwalisiweyo	Izinga lezithuba zengqesho %
Abanezhkhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	39	38	2.6
Abanezhkhono (Amanqanaba 3-5)	1 128	1 108	1.8
Abanezinga eliphezulu lezakhono kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 090	1 072	1.7
Abanezinga eliphezulu lezakhono ekuphatheni (Amanqanaba 9-12)	305	294	3.6
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	25	25	-
<b>Iyonke</b>	<b>2 587</b>	<b>2 537</b>	<b>1.9</b>

Qaphela: Inani lezithuba zengqesho ezigcwalisiweyo zibandakanya abanezidanga zobuntlalo-ntle abali144 ngokwesivumelwano senkxaso-mali yokufunda esinyanelisa ukuba basebenzele isebe.

**ITheyibhile 3.2.3: Ingqesho nezithuba zengqesho ngokwezikhundla ezibalulekileyo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022**

Izikhundla eziBalulekileyo	Inani lezikhundla ezisebenzayo	Inani lezikhundla ezigcwalisiweyo	Izinga lezithuba zengqesho %
Umsebenzi kwezoNonophelo IwaBantwana noLutsha	571	560	1.9
IGosa lezeMfundu	37	36	2.7
UNontlalo-ntle	970	961	0.9
UMgcini-zincwadi woMbuso	41	40	2.4
IGosa kuLawulo IweTyathanga leeNtengo	14	13	7.1
UMongikazi oQeqeshiweyo	14	12	14.3
Ingcali yezoNyango	10	9	10.0
<b>Iyonke</b>	<b>1 657</b>	<b>1 631</b>	<b>1.6</b>

Qaphela: Izikhundla ezibalulekileyo – zibhekisa kwizikhundla ezibalulekileyo kwinkqubo yokuhanjwa kweenkonzo. Ukuba zithi zingabikho ezi zikhundla kweli Sebe, umsebenzi/iinkonzo ezo ziya kufadala. Inani lezithuba zengqesho ezigcwalisiweyo zibandakanya abanezidanga zobuntlalo-ntle abali 144 ngokwesivumelwano senkxaso-mali yokufunda esinyanzela ukuba basebenzele isebe.

### 3.3 Uvavanyo IweziKhundla

Uvavanyo Iwezikhundla lwathi lwaqaliswa njengendlela yokuqinisekisa ukuba kuhlawulelwa umsebenzi wexabiso elilingana nentlawulo. Ngokwesicwangciso-nkqubo esimiselwe ngurhulumente wesizwe, amagunya-bantu athwaliswe amagunya okuvavanya isikhundla ngasinye kumasebe awo akanye aphinde avavanye nasiphi na isikhundla aphi umsebenzi umongo waso uthe watshintsha ngokumandla. Ngulo msebenzi wokuvavanya kwezikhundla ke omisela umgangatho okanye inqanaba lomvuzo kwisikhundla esithile. Makwaziwe ke ukuba uVavanyo

IweziKhundla kunye noLawulo lokuSebenza kwaBaqeshwa luyahluka kumba wokuba uvavanyo IweziKhundla lubhekisa kwixabiso/ ubungakanani beentshukumo ezayanyaniswa nesikhundla eso ze uLawulo lokuSebenza kwaBasebenzi wona lubhekise kuhlolo lokusebenza komntu owenza loo msebenzi.

ITheyibhile 3.3.1 ishwankathela inani lezikhundla ezathi zavavanya kulo nyaka siwuphetheyo. Le theyibhile ikwanikezelala nangezibalo-manani ngenani lezikhundla ezathi zenyuselwa okanye zehliselwa izinga.

#### ITheyibhile 3.3.1: Uvavanyo Iwezikhundla, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

IBakala loMvuzo	Inani lezikhundla ezisebenzayo ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2022	Inani lezikhundla ezhlolwego	% yezikhundla ezhlolwego	Izikhundla ezenyuselwe izinga		Izikhundla ezechliselwe izinga	
				Inani	Izithuba zinyuswe njenge-% yezithuba zizonke	Inani	Izithuba zehlisewe njenge-% yezithuba zizonke
Abanezakhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	39	-	-	-	-	-	-
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	1 128	8	0.3	-	-	-	-
Abanezakhono ezikwizinga eliphezulu kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 090	-	-	-	-	-	-
Abanezakhono ezkiwizinga eliphezulu ekuphatheni (Amanqanaba 9-12)	305	2	0.1	-	-	-	-
IBakala A leNkonzo yabaLawuli abaPhezulu (Inqanaba 13)	18	1	-	-	-	-	-
IBakala B leNkonzo yabaLawuli abaPhezulu (Inqanaba 14)	6	-	-	-	-	-	-
IBakala C leNkonzo yabaLawuli Abaphezulu (inqanaba 15)	1	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>2 587</b>	<b>11</b>	<b>0.4</b>	-	-	-	-

Qaphela: "Inani lezikhundla ezithe zavavanya" ngokweBakala loMvuzo oko kudiza iNqanaba eliPhunyezwe ekuGqibeleni lesiKhundla emva koVavanyo IwesiKhundla.

**ITheyibhile 3.3.2: Uluhlu lwabasebenzi abakwizikhundla zemivuzo eyonyuselwa amazinga ngenxa yokwenyuswa kwezikhundla zabo,****1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022**

Abaxhamli	Ama-Afrika	Abebala	AmaNdiya	Abelungu	Iyonke
Abekho.					

Itheyibhile 3.3.3 ishwankathela inani leemeko apha amanqanaba emivuzo athe adlulela kumgangatho omiselwe yinkqubo yovavanyo lwezikhundla okanye apha iinotshji eziphezulu ezithe zanikezelwa kubasebenzi kwinqanaba elithile lomvuzo. Inqanaba lomvuzo ngalinye liquelthe iinotshi ezilishumi elinambini. Izizathu zokutenxa zanikezelwe kwimeko nganye.

**ITheyibhile 3.3.3: Abasebenzi abathe banikwa imivuzo engentla kunaleyo imiselwe yinkqubo yovavanyo lwezikhundla, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022**

Isikhundla esiKhulu	Inani labasebenzi	Inqanaba lovavanyo Iwesikhundla	Umvuzo kwinqanaba lomvuzo elingentla	Umvuzo kwinotshi engentla kwakwinqanaba lomvuzo elikwafanayo	Isizathu sokutenxa
Asikho.					

**ITheyibhile 3.3.4: Uluhlu lwabasebenzi abanikwe imivuzo engentla kunaleyo imiselwe yinkqubo yovavanyo lwezikhundla, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022**

Abaxhamli	Ama-Afrika	Abebala	AmaNdiya	Abelungu	Iyonke
Abekho.					

### 3.4 linguqu kwiNgqesho

Izinga leenguqu sibhekisa kwiinguqu kwisimo sengqesho kwiSebe kulo nyaka siwuphetheyo. Ezi theyibhile zilandelayo zibonelela ngesishwankathelo sezinga leenguqu ngokwebakala lomvuzo (ltheyibhile 3.4.1) nangokwesikhundla esibalulekileyo (ltheyibhile 3.4.2). Eli candelo aliquki zinkcukacha zichaphazela abo basaqeqeshelwa engqeshweni.

#### lTheyibhile 3.4.1: Amazinga engeniso yonyaka ngokwebakala lomvuzo, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

IBakala loMvuzo	Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2021	Izinga lengeniso ye-% ka2020/21	Abaqeshelwe kwiSebe	Abadluliselwe kwiSebe	Abaphelelwe ngumsebenzi kwiSebe	Abadluliselwe liSebe kwezinye iindawo	Izinga lengeniso ye-% ka2021/22
Abanezakhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	36	8.3	5	-	2	-	5.6
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	1 093	5.0	92	3	41	7	4.4
Abanezakhono ezikwizinga eliphezulu kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 079	8.9	130	2	105	8	10.5
Abanezakhono ezikwizinga eliphezulu lokuphatha (Amanqanaba 9-12)	267	7.3	7	3	41	1	15.7
IBakala A leNkonzo yabaLawuli abaPhezulu (Inqanaba 13)	17	11.1	-	1	-	1	5.9
IBakala B leNkonzo yabaLawuli abaPhezulu (Inqanaba 14)	5	-	-	-	-	-	-
IBakala C leNkonzo yabaLawuli abaPhezulu (Inqanaba 15)	1	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>2 498</b>	<b>7.0</b>	<b>234</b>	<b>9</b>	<b>189</b>	<b>17</b>	<b>8.2</b>
			<b>243</b>		<b>206</b>		

Qaphela: "Ukukhutshelwa" kubhekiswa ekuhambeni kwabasebenzi kwelinye iSebe leNkonzo kaRhulumente baye kwelinye (kwawePhondo naweSizwe) Izinga lengeniso liqwalasela ngokuthi kubalwe inani elipheleleyo labemkileyo njengepesenti yesiseko (Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2021). Ukuphelelwa ngumsebenzi kuquka ukubeka phantsi kwabali19 abanezidanga zobuntlalo-ntle ababeqeshwe kwakhona ngokusigxina ekubenit bephumelele (ngokwenkubo yokuqesha nokukhetha) kwizithuba zengqesho zoonontlalo-ntle kwiSebe.

## ITheyibhile 3.4.2: Amazinga engeniso yonyaka ngokwesikhundla esibalulekileyo, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kwegoKwindla 2022

Isikhundla esibalulekileyo	Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kwegoKwindla 2021	Izinga lengeniso ye-% ka2020/21	Abaqeshelwe kwiSebe	Abadluliselwe kwiSebe	Abaphelelwengumsebenzi kwiSebe	Abadluliselwe liSebe kwezinye iindawo	Izinga lengeniso ye-% ka2021/22
Umsebenzi kwezoNonophelo IwaBantwana noLutsha	557	7.8	47	-	37	2	7.0
IGosa lezeMfundu	43	12.5	4	-	10	-	23.3
UNontlalo-ntle	947	7.2	99	3	88	6	9.9
UMgcini-zincwadi woMbuso	39	2.9	3	-	2	-	5.1
Umsebenzi kwezoLawulo IweTyathanga leeNtengo	11	8.3	4	-	1	1	18.2
UMongikazi oQeqeshiweyo	16	21.4	4	-	8	-	50.0
Ingcali yezoNyango	9	18.2	-	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>1 622</b>	<b>7.7</b>	<b>161</b>	<b>3</b>	<b>146</b>	<b>9</b>	<b>9.6</b>
			<b>164</b>		<b>155</b>		

Qaphela: "Ukukhutshelwa" kubhekiswa ekuhambeni kwabasebenzi kwelinye iSebe leNkonzo kaRhulumente baye kwelinye (kwawePhondo naweSizwe). Izinga lengeniso liqwalasela ngokuthi kubalwe inani elipheleleyo labemkileyo njengepesenti yesiseko (Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kwegoKwindla ka2021). Ukuphelelwa ngumsebenzi kuquka ukubeka phantsi kwabali 19 abanezidanga zobuntlalo-ntle ababeqeshwe kwakhona ngokusigxina ekubeni bephumelele (ngokwenkqubo yokuqesha nokukhetha) kwizithuba zengqesho zoonontlalo-ntle kwiSebe.

**iTheyibhile 3.4.3: Abasebenzi abashiya ingqesho kwiSebe, ngomhla wokuqala kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022**

<b>iBakala lokuPhuma</b>	<b>Inani</b>	<b>i-% yabemkileyo bebonke</b>	<b>Inani labemkileyo njenge-% yenani elipheleleyo labasebenzi ukuya bebonke ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2021</b>
Ukufa	14	6.8	0.6
Ukubeka phantsi *	93	45.1	3.7
Ukuphela kwesibhambathiso	12	5.8	0.5
Ukugxothwa – ngokweenguqu kwintsebenzo	-	-	-
Ukugxothwa – ngokungaziphathi kakuhle	9	4.4	0.4
Ukugxothwa – umgangatho wentsebenzo	-	-	-
Ukushiya umsebenzi	2	1.0	0.1
Ukuyekiswa ngenxa yobunkenenkene bempilo	5	2.4	0.2
Umhlala-phantsi**	54	26.2	2.2
Isithonga esifunwe ngumqeshwa	-	-	-
Ukululiselwa liQumrhu lezoMthetho	-	-	-
Ukululiselwa kumanye amasebe eNkonzo yasebuRhulumenteni	13	6.3	0.5
Ukwenyuselwa basiwe kwelinye iSebe leWCG	4	1.9	0.2
<b>Iyonke</b>	<b>206</b>	<b>100.0</b>	<b>8.2</b>

Qaphela: iTheyibhile 3.4.3 ichernga iinkalo ezahlukeneyo zabo balishiyleoyo isebe zabasebenzi abathe balishiya iSebe.

\* Abazimkeleyo kuxoxwa ngabo nangakumbi kwiitheyibhile 3.4.4 no3.4.5.

\*\*Kufuneka kuqatshelwe ukuba inani eliphezulu labathatha umhlala-phantsi libangelwe yinkqubo yangaphakathi yokuba abasebenzi bathathe umhlala-phantsi kwangethuba njengenyathelo lokonga iindleko (njengoko kubonelelwwe kwisetyhula yeDPSA kune nezikokelo sokuthatha umhlala-phantsi phambi kwexesha ngaphandle kwesohlwayo esikhutshwe ngowama25 kweyoMdumba 2019).

**ITheyibhile 3.4.4: Izizathu zokubeka phantsi kwabasebenzi, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama31 kweyoKwindla 2022**

Izizathu zokuBeka Phantsi	Inani	i-% yababeke phantsi bebonke
Umvuzo awufumanayo ngoku	6	6,5
Ingxaki zomsebenzi	1	1,1
limeko zosapho/zomntu (umzekelo: ukudluliselwa komyen'i/kwenkosikazi/kweqabane lobomi)	4	4,3
Ukungabikho kwamathuba okwenyuselwa	1	1,1
Isidingo senguqu kwikhono	6	6,5
Akukho zizathu zinikezelweyo	55	59,1
Esinye isiKhundla	13	14,0
Izikhalazo zoMntu	1	1,1
Impilo yoMntu	3	3,2
Ukuya kuqala ishishini	3	3,2
<b>Iyonke</b>	<b>93</b>	<b>100,0</b>

**ITheyibhile 3.4.5: Amaqela ohlukaneyo ngokobudala abasebenzi abathe babeka phantsi, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31kweyoKwindla 2022**

Iqela ngokobudala	Inani	i-% yababeke phantsi bebonke
Ubudala <19	-	-
Ubudala 20 ukuya 24	-	-
Ubudala 25 ukuya 29	17	18.3
Ubudala 30 ukuya 34	29	31.2
Ubudala 35 ukuya 39	14	15.1
Ubudala 40 ukuya 44	6	6.5
Ubudala 45 ukuya 49	11	11.8
Ubudala 50 ukuya 54	5	5.4
Ubudala 55 ukuya 59	4	4.3
Ubudala 60 ukuya 64	7	7.5
Ubudala 65 >	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>93</b>	<b>100.0</b>

**ITheyibhile 3.4.6 lipakheji zokuyeka ezicelwe ngabasebenzi**

Inani elipheleleyo lemiqulo yokuyeka ecelwe ngabasebenzi nethe yanikezelwa ku2021/22

Alikho.

**ITheyibhile 3.4.7: Abonyuselweyo ngokwebakala lomvuzo, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022**

<b>IBakala loMvuzo</b>	<b>Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2021</b>	<b>Abonyuselwe basiwa kumanye amanqanaba omvuzo</b>	<b>Abonyuselweyo njenge-% yabasebenzi bebonke</b>	<b>Abonyuselwe kwenye inotshi kwinqanaba elinye lomvuzo</b>	<b>Abonyuselwe kwiinotshi njenge-% yabasebenzi bebonke</b>
Abanezakhono ezingephi (Amanqanaba 1-2)	36	-	-	-	-
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	1 093	5	0.5	-	-
Abanezinga eliphezulu lezakhono kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 079	20	1.9	-	-
Abanezinga eliphezulu lezakhono ekuphatheni (Amanqanaba 9-12)	267	19	7.1	-	-
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	23	3	13.0	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>2 498</b>	<b>47</b>	<b>1.9</b>	<b>-</b>	<b>-</b>

Qaphela: Ukunyuselwa kubhekisa kwinani lilonke labasebenzi abadlulele kwinqanaba lesithuba esingentla kwiSebe ngokuthi afake isicelo ze siphumelele kwisikhundla ebisibhengeziwe ngokwenkubo yengqesho nokukhethwa. Inkukacha ziveza inqanaba lomvuzo womsebenzi emva kokwenyuselwa kwakhe. Abasebenzi abangekho lungelweni lokunyuselwa iinotshi ababandakanywanga.

**ITheyibhile 3.4.8: Abonyuselwego ngokwesikhundla esibalulekileyo, 1 kuTshazimpzi 2021 ukuya kowama-31 kwegoKwindla 2022**

<b>Isikhundla esibalulekileyo</b>	<b>Inani labasebenzi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kwegoKwindla 2021</b>	<b>Ukwenyuselelw kwelinye inqanaba lomvuzo</b>	<b>Abonyuselwego njenge-% yabasebenzi bebonke abakwizikhundla ezibalulekileyo</b>	<b>Ukwenyuselelw kwenye inotshi kwakwesikhundla esibalulekileyo</b>	<b>Abonyuselwe iinotshi njenge-% yabasebenzi bebonke abakwizikhundla ezibalulekileyo</b>
Umsebenzi kwezoNonophelo Iwabantwana noLutsha	557	5	0.9	-	-
IGosa lezeMfundu	43	-	-	-	-
UNontlalo-ntle	947	18	1.9	-	-
UMgcini-zincwadi woMbuso	39	-	-	-	-
IGosa kwezoLawulo IweTyathanga leeNtengo	11	1	9.1	-	-
UMongikazi oQeqeshiwego	16	-	-	-	-
Ingcali yezoNyango	9	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>1 622</b>	<b>24</b>	<b>1.5</b>	<b>-</b>	<b>-</b>

Qaphela: Ukunyuselewa kubhekisa kwinani lilonke labasebenzi abadlulele kwinqanaba lesikhundla esingentla kwiSebe ngokuthi afake isicelo ze siphumelele kwisikhundla ebisibhengeziwe ngokwenkubo yengqesho nokukhethwa. Inkukacha ziveza inqanaba lomvuzo womsebenzi emva kokwenyuselewa kwakhe. Abasebenzi abangekho lungelweni lokenyuselewa iinotshi ababandakanywanga.

### 3.5 Umakulinganwe kwezeNgqesho

ITheyibhile 3.5.1: Inani elipheleleyo labasebenzi (kuquka nabasebenzi abaphila nokukhubazeka) kwinqanaba lesikhundla ngalinye kula alandelayo, ukuya kuthi ga ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Amanqanaba eziKhundla	Amadoda				Abasetyhini				Abemi baMazwe angaPhandle		Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	1	-	-	-	-	-	-	1
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	2	5	-	4	-	8	1	4	-	-	24
Abaqeqeshwe kumaziko kunye neengcali ezinamava kunye nabaphathi abakwizinga eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	34	72	1	6	51	158	2	37	-	1	362
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepheshe nabaqeqeshwe kumaziko emfundo ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphantsi, abaphathi babanye, iiformani kunye nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	137	175	1	17	320	492	5	42	1	1	1 191
Abanezakhono ezingagqibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela izigqibo (Amanqanaba 3-5)	169	282	1	7	154	299	1	12	-	-	925
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabatha izigqibo ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	6	9	-	-	9	10	-	-	-	-	34
<b>Iyonke</b>	<b>348</b>	<b>543</b>	<b>3</b>	<b>35</b>	<b>534</b>	<b>967</b>	<b>9</b>	<b>95</b>	<b>1</b>	<b>2</b>	<b>2 537</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>348</b>	<b>543</b>	<b>3</b>	<b>35</b>	<b>534</b>	<b>967</b>	<b>9</b>	<b>95</b>	<b>1</b>	<b>2</b>	<b>2 537</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Amanani adizwe ngokwenqanaba lesikhundla kuquka bonke abasebenzi abasisigxina, abasebenza ngamathuba athile kwananabo bakwizibhambathiso zexesha elithile, kodwa ngaphandle kwabo basaqeqeshelwa ingqesho. Ngapha koko, iinkcukacha zinikezelwe ngokwenqanaba lomvuzo hayi ngokwenqanaba lesikhundla. Inani lezithuba zengqesho ezigcwaliwiweyo zibandakanya abanezidanga zobuntlalo-ntle abali 144 ngokwesivumelwano senkxaso-mali yokufunda esinyanzela ukuba basebenzele isebe Ngenani labasebenzi abaphila nokukhubazeka, jonga kwiTheyibhile 3.5.2.

**ITheyibhile 3.5.2: Inani elipheleleyo labasebenzi (abaphila nokukhubazeka bodwa) kwelinye lala manqanaba ezikhundla alandelayo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022**

Amanqanaba ezikhundla	Amadoda				Abasetyhini				Abemi baMazwe angaPhandle		Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaqeqeshwe kumaziko kunya neengcali ezinamava kunya nabaphathi abakwizinga eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	2	1	-	1	2	2	-	-	-	-	8
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepheshe nabaqeqeshwe kumaziko emfundu ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphantsi, abaphathi babanye, iiformani kunya nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	1	2	-	2	-	5	-	1	-	-	11
Abanezakhono ezingaggibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela iziggibo (Amanqanaba 3-5)	2	1	-	1	-	2	-	-	-	-	6
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabatha izigqibo ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>5</b>	<b>4</b>	-	<b>4</b>	<b>2</b>	<b>9</b>	-	<b>1</b>	-	-	<b>25</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>5</b>	<b>4</b>	-	<b>4</b>	<b>2</b>	<b>9</b>	-	<b>1</b>	-	-	<b>25</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Amanani adizwe ngokwenqanaba lesikhundla aquka bonke abasebenzi abasisigxina, abasebenza ngamatubha athile kwananabo bawizibhambathiso zexesha elithile, kodwa ngaphandle kwabo basaqeqeshelwa ingqesho. Ngapha koko, iinkukacha zinikezelwe ngokwenqanaba lomvuzo hayi ngokwenqanaba lesikhundla.

## ITheyibhile 3.5.3: Ingqesho, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

Amanqanaba ezikhundla	Amadoda				Abasetyhini				Abemi bamazwe angaphandle		Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	-	-	-	-	-	-	1	-	-	-	1
Abaqeqeshwe kumaziko kunye neengcali ezinamava kunye nabaphathi abakwizinga eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	2	2	-	-	2	1	-	3	-	-	10
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepeshe nabaqeleshwe kumaziko emfundu ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphakathi, abaphathi babanye, iiformani kunye nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	16	11	-	3	48	46	1	5	1	1	132
Abanezakhono ezingaqibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela iziggibo (Amanqanaba 3-5)	12	30	-	2	16	33	1	1	-	-	95
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabatha iziggibo ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	-	2	-	-	2	1	-	-	-	-	5
<b>Iyonke</b>	<b>30</b>	<b>45</b>	-	<b>5</b>	<b>68</b>	<b>81</b>	<b>3</b>	<b>9</b>	<b>1</b>	<b>1</b>	<b>243</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>30</b>	<b>45</b>	-	<b>5</b>	<b>68</b>	<b>81</b>	<b>3</b>	<b>9</b>	<b>1</b>	<b>1</b>	<b>243</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Ingqesho ibhekisa ekuqeshweni kwabasebenzi abatsha beSebe, kodwa akubaqiki abo basaqeqeshelwa ingqesho. Inani lilonke liquka abo basuka kumanye abasebe karhulumente kunye/okanye kumaqumrhu ombuso, njengoko idiza ITheyibhile 3.4.1.

## iTheyibhile 3.5.4: Abonyuselwego, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

Amanqanaba ezikhundla	Amadoda				Abasetyhini				Abemi bamazwe angaphandle		Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	-	-	-	1	-	1	-	1	-	-	3
Abaqeqeshwe kumaziko kunye neengcali ezinamava kunye nabaphathi abakwizinga eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	-	3	1	1	-	10	-	3	-	1	19
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepheshe nabaqeqeshwe kumaziko emfundu ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphakathi, abaphathi babanye, iformani kunye nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	1	5	-	1	5	8	-	-	-	-	20
Abanezakhono ezingaggibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela izigqibo (Amanqanaba 3-5)	2	-	-	-	-	3	-	-	-	-	5
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabatha izigqibo ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>3</b>	<b>8</b>	<b>1</b>	<b>3</b>	<b>5</b>	<b>22</b>	<b>-</b>	<b>4</b>	<b>-</b>	<b>1</b>	<b>47</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>3</b>	<b>8</b>	<b>1</b>	<b>3</b>	<b>5</b>	<b>22</b>	<b>-</b>	<b>4</b>	<b>-</b>	<b>1</b>	<b>47</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Abonyuselwego babhekisa kwinani elipheleleyo labasebenzi abathe bonyukela kwinganaba lesikhundla elingentla kwalapha kwiSebe, ngokufaka isicelo baze baphumelele isithuba esibhengeziwego, ngokwenkubo yengqesho nokukhetha njengoko idiza iTheyibhile 3.4.7.

## iTheyibhile 3.5.5 Abaphelelweyo, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

Amanqanaba ezikhundla	Amadoda				Abasetyhini				Abemi bamazwe angaphandle		Iyonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	-	1	-	-	-	-	-	-	-	-	1
Abaqeqeshwe kumaziko kunye neengcali ezinamava kunye nabaphathi abakwizinga eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	2	11	-	1	5	21	-	2	-	-	42
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepheshe nabaqeleshwe kumaziko emfundu ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphakathi, abaphathi babanye, iformani kunye nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	17	13	-	-	29	48	-	6	-	-	113
Abanezakhono ezingaggibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela iziggibo (Amanqanaba 3-5)	12	21	-	-	4	11	-	-	-	-	48
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabathela izigqib ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	-	-	-	-	2	-	-	-	-	-	2
<b>Iyonke</b>	<b>31</b>	<b>46</b>	-	1	<b>40</b>	<b>80</b>	-	<b>8</b>	-	-	<b>206</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>31</b>	<b>46</b>	-	1	<b>40</b>	<b>80</b>	-	<b>8</b>	-	-	<b>206</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Abayekisiweyo babhekisa kwabo basebenzi (ngaphandle kwabo basaqeqeshelwa ingqesho) abathe balishiya iSebe, kuquka nabo baye kumanye amasebe, njengoko idiza iTheyibhile 3.4.1. Ukuphelelwa ngumsebenzi kuquka ukubeka phantsi kwabanezidanga zobuntlalo-ntle abali19 ababeqeshwa kwakhona kwizithuba eziqina ekubeni bephumelele (ngokwenqubo yengqesho nokukhetha) kwizithuba zonontlalo-ntle kwiSebe.

## ITheyibhile 3.5.6: lintshukumo zoluleko, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2022

lintshukumo zoluleko	Amadoda				Abasetyhini				Abemi bamazwe angaphandle		Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Amadoda	Abasetyhini	
Ukushiya umsebenzi / Ukulahla umsebenzi	-	2	-	-	-	-	-	-	-	-	2
Abagxothiweyo	2	4	-	-	1	2	-	-	-	-	9
Abangenatyala	-	1	-	-	-	1	-	-	-	-	2
Abanqunyanyiswe ngaphandle kwemivuzo nabanikwe iziyalo zokugqibela ezibhalwe phantsi	2	-	-	-	-	2	-	-	-	-	4
<b>Iyonke</b>	<b>4</b>	<b>7</b>	-	-	<b>1</b>	<b>5</b>	-	-	-	-	<b>17</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>4</b>	<b>7</b>	-	-	<b>1</b>	<b>5</b>	-	-	-	-	<b>17</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: lintshukumo zoluleko zibhekisa kwiziphumo ezisesikweni kuphela hayi ngokubalwa kwabantu. Ezinye iinkukacha ezithe vetshe zeentshukumo zoluleko kunye neentlobo zokungaziphathi ezithe zachotshelwa kwezi ntshukumo, yiya kwiTheyibhile 3.12.2 neTheyibhile 3.12.3.

## ITheyibhile 3.5.7: Uphuhliso lwezakhono, 1 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kowama-31 kwegoKwindla 2022

Amanqanaba ezikhundla	Amadoda				Abaseyhini				Bebonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 15-16)	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Abaphathi abangentla (Amanqanaba 13-14)	1	4	-	-	-	3	1	1	10
Abaqeqeshwe kumaziko kunyeneengcali ezinamava kunye nabaphathi abakwizing eliphakathi (Amanqanaba 9-12)	15	43	1	2	29	98	1	24	213
Abasebenzi abanezakhono ezinobuchwepheses nabaqeleshwe kumaziko emfundu ephakamileyo, abaphathi abakwizinga eliphantsi, abaphathi babanye, iiformani kunye nabaphathi abanezakhonwana (Amanqanaba 6-8)	71	97	1	7	166	272	4	26	644
Abanezakhono ezingaggibelelanga nabakwaziyo ukuzithabathela izigqibo (Amanqanaba 3-5)	93	147	-	3	70	147	-	8	468
Abangenazakhono nabakwazi ukuthabatha izigqibo ngokwalathiswa (Amanqanaba 1-2)	3	4	-	-	3	12	-	-	22
<b>Iyonke</b>	<b>183</b>	<b>295</b>	<b>2</b>	<b>12</b>	<b>268</b>	<b>532</b>	<b>6</b>	<b>59</b>	<b>1 357</b>
Abasebenzi abangesosigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-
<b>Iyonke iphelele</b>	<b>183</b>	<b>295</b>	<b>2</b>	<b>12</b>	<b>268</b>	<b>532</b>	<b>6</b>	<b>59</b>	<b>1 357</b>

A = Ama-Afrika; C = Abebala; I = AmaNdiya; W = Abelungu.

Qaphela: Ezi theyibhile zingentla apha zibhekisa kwinani elipheleleyo labasebenzi abathe baxhamla kuqeleshwa kwiqethuba salo nyaka siwuphetheyo, hayi inani lamalinge oqeleshwa athe azinyaswa ngabasebenzi. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe ngolona qeleshwa luthe Iwanikezelwa, yiya kuTheyibhile 3.13.2.

### 3.6 Ukutyikitywa kweziVumelwano zeNtsebenzo ngaMalungu eSMS

#### ITheyibhile 3.6.1: Ukutyikitywa kweziVumelwano zeNtsebenzo ngaMalungu eSMS, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kuCanzibe 2021

